



**URhulumente
weNtshona Koloni**

EzeMfundo

INgxelo yoNyaka 2016/2017

ISebe EzeMfundo

Okuqulathiweyo

ICandelo A: INgcaciso ngokuBanzi

1. INgcaciso yeSebe ngokuBanzi	1
2. ULudwe lweziFinyenzo/ lweziShunqulelo.....	2
3. IMbulambethe eyenziwa nguMphathiswa	3
4. INgxelo yeGosa loCwangciso-mali	14
5. INgcaciso yeMisebenzi neNgqinisekiso yokuChaneka kweNngxelo yoNyaka	16
6. UVavanyo lweQhinga	18
6.1 Umbono.....	18
6.2 UMnqophiso.....	18
6.3 liNqobo eziSesikweni	18
7. IziGunyaziso zoMthetho neZinye.....	18
8. UBume boMbuthe	18
9. AmaQumrhu anika iNngxelo kuMphathiswa	18

ICandelo B: Ingcaciso ngeNtsebenzo

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: linjongo eziCaciswe kwaNgaphambili	21
2. INgcaciso ngeNtsebenzo yeSebe	21
2.1 IMeko eNgqonge uKwenziwa kweNkonzo	22
2.2 IsiCwangciso soPhuculo loKwenziwa kweNkonzo	23
2.3 UBume boMbuthe	41
2.4 UPuhliso lweMigaqo-nkqubo ePhambili neeNguqu kwiMithetho	43
3. liNjongo zeQhinga eziJolise kuMphumela.....	47
4. INgcaciso yokuSebenza ngokweNkqubo	50
4.1 INkqubo 1: EzoLawulo	50
4.2 INkqubo 2: IMfundo kwiZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente	63
4.3 INkqubo 3: linkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo	86
4.4 INkqubo 4: IMfundo kwiZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa ..	91
4.5 INkqubo 5: IMfundo nophuhliso lwaBantwana abasaQalayo	99
4.6 INkqubo 6: UPuhliso lweZibonelelo	104
4.7 INkqubo 7: UVavanyo neeNkonzo eziNxulumene neMfundo	111
5. liNtlawulo eziKhutshelweyo.....	117
5.1 liNtlawulo eziKhutshelweyo kumaSebe kaRhulumente.....	117
5.2 liNtlawulo eziKhutshelweyo kuyo yonke iMibutho engaphandle kwamaSebe kaRhulumente	117

ICandelo B: INgcaciso ngeNtsebenzo (Isaqhutywa)

6.	Iminikelo	120
6.1	Iminikelo yoXhomekeko neeNgxowa-mali eziChongiweyo eziHlawulweyo	120
6.2	Iminikelo yoXhomekeko neeNgxowa-mali eziChongiweyoezaMkelweyo	120
7.	IiNgxowa-mali zoMnikeli	125
7.1	IiNgxowa-mali zoMnikeli ezaMkelweyo	125
8.	UTyalo-mali lweNkunzi	126
8.1	UTyalo-mali lweNkunzi,uLolongo nesiCwangciso soLawulo lwe-Asethi	126

ICandelo C: EzoLawulo

1.	Intshayelelo	132
2.	ULawulo lwemiNgcipheko	134
3.	UbuQhetseba noRhwapphilizo	136
4.	UkuNciphisa ukuNgqubana lweMidla	137
5.	IKhowudiyokuZiphatha	137
6.	UKhuselo lwezeMpilo neMicimbi yeNdalo	137
7.	IiKomiti zesiKhundla	138
8.	IziGqibo zeScopa	138
9.	ULungelelwaniso lwaNgaphambili kwiiNgxelo zoPhicotho-zincwadi	139
10.	IYuniti yoLawulo lwaNgaphakathi	140
11.	UPhicotho lwaNgaphakathi neeKomiti yoPhicotho-zincwadi	141
12.	INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi	143

ICandelo D: uLawulo kwiCandelo lezaBasebenzi

1.	IMithetho eLawula uLawulo lweHR	146
2.	Intshayelelo	146
3.	IiNkcukacha zamanani zokongamela lweMicimbi yaBasebenzi	149

ICandelo E: INgcaciso ngezeMali(engabandakanywanga kwinguqulelo eyiliweyo)

1.	INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele	181
2.	IiNgxelo zoNyaka zeMali	186

IZIHLOMELO

1.	Isihlomelo A: Imiqathango yokusebenza kweNkqubo okuMiselwe kwiSizwe siphela Imigqalisela yoBugcisa	249
2.	Isihlomelo B: INkqubo yeMigqalisela yokuSebenza - Imigqalisela yoBugcisa	269
3.	Isihlomelo C: Imigqalisela yoBugcisa yokujoliswe kuko koNyaka kweNjongo zeQhinga zeMinyaka emihlanu	273
4.	Isihlomelo D: ITheyibhile yeeNkcukacha zamanani	279

1. INgcaciso ngokubanzi yeSebe le

Mfundo leNtshona Koloni (WCED)

ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lithwele uxanduva lwezemfundo kwizikolo zikarhulumente kwiphondo, ukususela kwiBanga R ukuya kwiBanga le-12. ISebe iWCED lisebenza kwiZithili zeMfundo ezisibhozo ezinoNdlunkulu oseKapa.

Indawo	Idilesi yeposi	Ifoni	Inombolo yefeksi
WCED Head Office	Private Bag 9114, Cape Town, 8000	021 467 2000	021 467 2996
Metro Central	Private Bag X4, Mowbray, 7705	021 514 6700	021 514 6953
Metro East	Private Bag X23, Kuilsriver, 7579	021 900 7000	086 556 9519
Metro North	Private Bag X45, Parow, 7500	021 938 3000	021 938 3180
Metro South	Private Bag X2, Mitchell's Plain, 7785	021 370 2000	021 372 1856
Cape Winelands	Private Bag X3102, Worcester, 6849	023 347 4600	023 342 2898
Eden & Central Karoo	Private Bag X6510, George, 6530	044 803 8300	044 873 3428
Overberg	Private Bag X08, Caledon, 7230	028 214 7300	028 214 7400
West Coast	Private Bag X3026, Paarl, 7620	021 860 1200	021 860 1231

Amaziko eeFoni esebe iWCED:

Imibuzo malunga nezaBasebenzi nezeMali: 0861 923 322; izikolo eziKhuselekileyo (Safe Schools): 0800 45 46 47

Iwebhusayithi: WCED Online <https://wcedonline.westerncape.gov.za>

Uluhlu lwee-imeyili: WCEDnews <http://list.pgwc.gov.za/mailman/listinfo/wcednews>.

Twitter (micro-blogging)

WCEDnews <http://twitter.com/wcednews> (ngee-tweet ezingeendaba ezinxulumene nemfundo); WCEDlearn <http://twitter.com/wcedlearn> (ngee-tweet ezinxulumene nemfundo)

Tumblr (blog)

WCED/News/Home <http://wcednewshome.tumblr.com/>; WCEDnews <http://wcednews.tumblr.com/>

Posterous (blog)

WCEDnews <http://posterous.com/wcednews>

2. Uluhlu lwezifinyezo/lwezishunqulelo

ANA:	Iimvavanyo zoNyaka zeSizwe	IMG:	UkuPhathwa kweZiko noLawulo
APP:	IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza	LSEN:	Abafundi abaneeMfundo zeMfundo eziZodwa
ASD:	I-Autism Spectrum Disorder	MTEF:	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho sesiThuba esiPhakathi
ASID:	Ilinge eliKhawulezisiweyo loPhuhliso lweSibonelelo seSikolo	NCS:	INgxelo yeKharithulam yeSizwe
ASS:	UVavanyo loNyaka lweSikolo	NQF:	IsiCwangciso-nkqubo seSizwe seziQinisekiso
CAPS:	INgxelo yoMgaqo-nkqubo weKharithulam noVavanyo	NSC:	IsiQinisekiso seSizwe seNqanaba eliPhezulu
CEMIS:	Central Education Management Information System	NSNP:	INKqubo yeSizwe yeSondlo yeZikolo
COE:	IMbuyekezo yaBasebenzi	PERSAL:	INKqubo yeNgcaciso yaBasebenzi neMivuzo
CTLI:	I-Cape Teaching and Leadership Institute	PFMA:	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente
DHET:	ISebe leMfundo ePhezulu noQeqesho	PILIR:	UMgaqo-nkqubo neNkqubo engeKhefu lokungabinakho ukusebenza noMhlalaphantsi wokungaphili
DBE:	ISebe leMfundo yeSiseko	PPI:	Umgqaliselo weNkqubo yokuSebenza
DIP:	IsiCwangciso soPhuculo lwesiThili	PPM:	Umlinganiselo weNkqubo yokuSebenza
ECD:	UPhuhliso lwangeThuba labantwana	PSG:	INjongo yeQhinga lePhondo
EIG:	UMnikelo weZibonelelo zeMfundo	RCL:	IBhunga laBameli baBafundi
EMIS:	INKqubo yeNgcaciso yoLawulo lweMfundo	SAQA:	UGunyaziwe weziQinisekiso woMzantsi Afrika
EPWP:	INKqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente	SCM:	ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelo
FAL:	ULwimi lokuQala oLwangezelelweyo	SIAS:	UVavanyo, uChongo, uHlolo neNkxaso
FET:	IMfundo ePhakamileyo noQeqesho	SETA:	UGunyaziwe weCandelo leMfundo noQeqesho
GET:	IMfundo Jikelele noQeqesho	SGB:	IQumrhu loLawulo lweZikolo
GHS:	UVavanyo ngokuBanzi lwaseKhaya	SIM:	UkuBekwa kweLiso kuPhuculo lweSikolo
Gr:	IGreyidi	SIP:	IsiCwangciso soPhuculo lweSikolo
HEI:	Iziko leMfundo ePhezulu	T(V)ET:	IMfundo yoBugcisa beKhono noQeqesho
ICT:	ITheknoloji yeNgcaciso noNxibelelwano	U-AMP:	IsiCwangciso soLawulo loMsebenzisi we-Asethi
LTSM:	Imathiriyeli yeNkxaso yokuFunda nokuFundisa	WCED:	ISebe leMfundo leNtshona Koloni
LAN:	UThungelwano loMmandla weNgingqi	WSE:	UVavanyo lweSikolo siPhelele

3. IMbulambethe eyenziwa nguMphathiswa



Imfundo esemgangathweni sisitshixo kukukhula koqoqosho lwethu. Akukho lizwe linakho ukufezekisa uphuhliso oluzinzileyo loqoqosho ngaphandle kwayo. Nangona isixa-mali esichithiweyo singalingani nemiphumela, inxaso-mali eyaneleyo ukulungiselela ukunikezela ngenkonzo elungileyo iyimfuneko.

Ubunzima boqoqosho eli lizwe lethu elizifumana likubo busitsho isidingo senguqu yokuqwalaselwa kwemingeni yentlalo sadandalaza ngakumbi. Le mingeni yentlalo izinze kuluntu olusebenza kwezeMfundo.

Ngokuthambekele kwimingeni esijamelene nayo, kufueka uguqule indlela esithi sicinge ngayo, indlela esithi sisebenze ngayo yaye kufuneka siqhub izinto esingazange sicinge okokuba singazenza.

Ukulungisa le mingeni kudinga izisombululo eziguqulelweyo kunye nokubandakanyeka okuhlangeneyo, yaye ndinethamsanqa lokusebenza noninzi lwamagosa anesiphiwo sokuyila nanekhono lokungenisa izinto ezintsha, azinikeleyo neeNGO ezizibopheleleyo, ngokunjalo necandelo langasese.

Ukuzifumana sikwesi simo sibi semali kusikhokhelele ekubeni silandele uthelwano olutsha nolunenguqu, iiprojekti namalinge. Isincede ngokuthelwana nemibutho emininzi ezibopheleleyo ekuphuculeni imfundo kwiphondo lethu, ingakumbi kuluntu oluhluphekileyo. Kulo nyaka ndizimisele ukuqhubeka ngolu thelwano nokuhlola olunye olutsha.

ULingo lwethu lweNtsebenziswano yeZikolo iqhubeka kakuhle, apho kongezelelwe izikolo izibini ezizezinye ukususela ekuqaleni kowama-2017. I-E-Learning Game Changer yethu yenze inkqubela elungileyo, yaye kukho uvuselelo lwaye kwiphondo liphela.

Ukhuseleko lweSikolo lusele luyinkxalabo esoloko iqhuba, yaye lungumphumela ikakhulu wemiba ekuluntu, efana namaqela obugebenga kunye nentlupheko. IGame Changer yethu yasemva kokuphuma kwesikolo ijolise ekunikezeleni ngamathuba asemva kokuphuma kwesikolo alungiselelwe abantu abatsha, ukubanika ezinye iindlela ezezizinye ezakhayo kunokubandakanyeka kwimisebenzi eyingozi nenxamnye nentlalo.

NjengeSebe elikhokhelayo kwiNjongo yeQhinga lePhondo lesi-2 (PSG 2), singenise ngokunjalo impendulo yephondo kwiQhinga leSizwe lokuChasa amaQela emigulukudu akwimida yethu, ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokokuba sinempendulo yephondo elunge kakhulu kulo ekwisigunyaziso sethu esisemthethweni nakumgaqo-siseko.

Senze inkqubela phambili ebonakalayo kuLungiso loMthetho Oyilwayo weMfundo yeZikolo zePhondo leNtshona Koloni, ekufanele ukuba uthiwe thaca kwindlu yowiso-mthetho kufutshane nje. Oku kuya, phakathi kwezinye izinto, kunceda kumiliselelo olusesikweni loGunyaziwe woVavanyo weSikolo (SEA). Kwisithuba sonyaka odlulileyo siqhuba ulingo lwangaphambili olulungileyo yaye ngoku sixakekile lulingo olupheleleyo. Oku kuya kunceda ngothethwano olwakhayo kunye nabachaphazelekayo, yaye kuvelisa imiphumela ethembisayo. ISEA ixhibe ukuphucula isicwangciso-nkqubo sovavanyo lokulunga lwesikolo nokuseka iSEA entsha kwiNtshona Koloni ukulungiselela ukuqhuba iimvavanyo ezizimeleyo

zokulinga kwesikolo ezithembekileyo eziphandle nezisebenzayo ekuncedeni uphuculo lwesikolo kwiphondo.

Nangona kukho izithintelo ezibi zohlahlo lwabiwo-mali, senze konke okkusemandleni ukugcina inkxaso-mali eyabelwe amalinge ajongene nentlupheko. La malinge abandakanya imbuyekezo yokukhutshwa ekubeni kulawule imirhumo ngabafundi abahluphekileyo, uthutho lwabafundu kunye nezinye iindlela yokuxhaswa kwezikolo. Ngokwenyani, uninzi lwamaqhinga ethuy ajolise kwinto yokokuba izikolo zethu ezihluphekileyo zibekwe phambi ngokuhambelana nonikezelo lwenkonzo nokuqaliswa.

ENtshona Koloni emva kweminyaka esi-8 kwi-ofisiu, siyaqalisa ukuvuna izibonelelo zokutyala kwimfundo elungileyo.

Xa sisiya kwimfundo elungileyo, iNtshona Koloni ikhanyisa indlela ukulungiselela amanye amaphondo.

ISebe leNtshona Koloni ifumene uphicotho-zincwadi olungenaziphene ixesha lesibini kunyaka-mali wama-2015/2016. Oku kungumphumela wolawulo olungqongqo lwangaphakathi lwezemali ngokunjalo nolawulo lokusebenza kokungeyiyo imali yaye kubonisa ukuzibophelela neenguqu eziza nabalawuli bethu bemali ngokunjalo nabo banoxanduva lwemiqathango yokusebenza kokungeyiyo imali.

INtshona Koloni ifezekise umlinganiselo olungileyo wokuphumelela wama-86% kwiimviwo zeNational Senior Certificate – ukwanda okuyi-1.3% kowangowama-2015. Asibanga nakwandisa nje umlinganiuselo wethuy wokuphumelela koidwa sithe ngokunjalo ngempumelelo sagcina ipesenti ephezulu kwilizwe labafundi esibagcine kwinkqubo phakathi kweeGreyidi eye-10 kunye neye-12. Ndanelisekile ikakhulu yindlela yethu yokusebenza ngokuhambelana nemigqalisela engundoqo yokulunga. Sisoloko silolonga into yokokuba imigqalisela yokulunga kufuneka igqithe le kumlinganiselo opholeleyo wokuphumelela. Kulo nyaka ama-40.9% abagqatswa afezekise ukupasa ngamanqaku abavulela amasango eyunivesiti, ipesenti ephezulu eMzantsi Afrika. IKlasi yowama-2016 yaphule irekhodi yomlinganiselo wokuphumelela ongama-77.2% kwiMethametika, kunye nama-73.8% kwezeNzululwazi.

Imilinganiselo yezikolo ezikwingingqi yabantu abahluphekileyo nayo inyukile (ikwintali 1-3), yaye nenani lezikolo ezisebenza ngaphantsi kweqondo elilindelekileyo lihlele kwakhona ngokunjalo.

Umsebenzi weNtshona Koloni kwiNSC yowama-2016 ngulowo wokulunga, yaye ndiyazingca ngawo.

Sithe sanebhongo ngokunjalo xa uMphathiswa weSizwe ebhengeza okokuba abafundi abathathu bematriki abankqenqeza phambili kweli lizwe kwakhona baphuma eNtshona Koloni.

Ngokukhutshwa kweziphumo kwangethuba kulo nyaka weemviwo zesistimikhi yowama-2016 zeGreyidi yesi-3, 6 kunye neyesi-9 kuLwimi nakwiMethametika, ndanelisekile yinto yokokuba sibe nakho ukugcina uphuculo olubonakalayo kwiMethametika kunye noLwimi oluthe lwafezekiswa kwiimvavanyo zeSistimikhi zowama-2015. Ndanelisekile ngokunjalo yinto yokokuba sifikelele esivumelelwaneni neSADTU ngesigunyaziso seWCED ngalo mba.

Icacile into yokokuba, nangona imingeni esijamelene nayo kwilizwe lethu nakwiMfundo, kubekho uphuculo oluzinzileyo kwimigqalisela yethu engundoqo emithathu kwisiCwangciso sethu seQhingam eyile:

1. Uphuculo kwinqanaba lolwimi nemethametika kuzo zonke izikoolo
2. Ukwanda kwini nokulunga kwabaphumeleleyo kwiNational Senior Certificate, kunye
3. Nokwanda kukulunga kubonelelo lwemfundo kwiingingqi zoluntu oluhluphekileyo.

Iyabonakala into yokokuba amangenelo ethu ayasebenza, yaye nento yokokuba ukulunga kokufundisa nokufunda kwizikolo zethy kuyaphucuka.

Kufuneka ndivume into yokokuba kuninzi ekusafuneka kwenziwe ukuphucula imfundo kwiphondo, ingakumbi ukulungiswa kokungalingani okusekhoyo.

Unyaka-mali olandelayo uza kuba neningeni emibi kakhulu, ngokuthambekela kwizithintelo zobume bezemali esisebenza ngayo.

Ndiyazibophelela okokuba ndenze yonke into endinakho ukuyenza okokuba ndifumane iindlela zokuphucula imiphumela yemfundo eNtshona Koloni ukulungiselela ukuba sibone abafundi abaninzi befumana iNSC yabo kunye nelungelo lokungena kwimfundo ephakamileyo ukwandisa amathuba abo. Le kuphela kwendlela esingathi sibone uphuhliso loqoqosho oluzinzileyo nokuncitshiswa kwentswela-ngqesho kwiphondo lethy nelizwe.

Ndibulela iHOD yam, uBrian Schreuder, kunye neqela elipheleleyo, kubandakanywa bonke abasebenzi bethu abakwizithili kunye neetitshala ezigqwesileyo ezithe zazibophelela ekuncedeni abantu bethu abatsha okokuba bafumane imfundo elungileyo. Enkosi kulowo ngamnye othi enze iinzame ezinkulu yonke lemihla.

Bonke benza kubenakho ukujamelana nomnye unyaka onzima. Kodwa islogani soRhulumente wethu weNtshona Koloni siyakutsho konke – SINGCONO XA SIKUNYE.



Debbie Schäfer
UMphathiswa wezeMfundo wePhondo
URhulumente weNtshona Koloni



Part A
General Information

1. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo

Uvavanyo lwemisebenzi yeSebe:

Ngo-2014/15 iSebe iWCED lenze laze lapapasha isicwangciso salo semiNyaka emiHlanu semfundo yaseNtshona Koloni.

Esi sicwangciso senza isiseko seziCwangciso zoNyaka zoMsebenzi. IiNjongo zeQhinga ezivela kwesaa sicwangciso ziphinde ziveliswe ngokupheleleyo kuzo naziphi na iinkqubo zohlahlo lwabiwo-mali ezisixhenxe esichaziweyo kule ngxelo.

Le miba ilandelayo iye yachaphazela umsebenzi wethu ngo-2016/17: ukunyuka okukhulu kwamanani abafundi; nohlahlo lwabiwo-mali olushokoxekileyo; iimeko zentlalo noqoqosho ezichaphazela ngeyona ndlela amathuba okuba abantwana abaninzi bafunde. Ezi zinto kufuneka zijongwe xa kufundwa iNgxelo yoNyaka ka-2016/17.

Zonke iprogram zixhomekeke kulawulo olusebenzayo nolufanelekileyo ukuze ziphumelele, ngakumbi xa sijonga ukunyuka kwenani labafundi ababhalisayo kunye nokushokoxeka kohlahlo lwabiwo-mali. Iinzame zeSebe iWCED ngokunxulumene nolawulo oluphuculweyo zixelwa kwi**INkqubo 1**. INgxelo yale program ibonisa ukuba uhlahlo lwabiwo-maliluchithwe ngokwendlela ebekucwangciswe ngayo yaye kuthathwe amanyathelo afanelekileyo ukunika izikolo nootitshala iinkonzo ezibalungiselelayo, ezibasebenzelayo nezibafaneleyo. Le nto ibifuna ucwangciso olunobunono; idatha ethembekileyo; ukukhethwa kwemigaqo-nkqubo esekelwe ngokusekelwe kubungqina; abasebenzi abazimiseleyo nabathatha uxanduva kwanokubekwa esweni nokuhlolwa okuqhubekayo.

KwiNkqubo 2 ukuya ku-5 sinika ingxelo yobhaliso lomfundi kuhlobo ngalunye lwamaziko amane axhaswa ngemali aze anikwe inkxaso yeWCED: iziphumo zohlolo lwangaphandle zabafundi bala maziko kunye neentlobo ngeentlobo zenkxaso enikwa abafundi, iititshala nabaphathi bala maziko.

INkqubo 2 - Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

INkqubo 3 - Izikolo ezizimeleyo

INkqubo 4 – Izikolo ezineeMfuno eziZodwa zeMfundo

INkqubo 5 – UPhuhliso lweMfundo yabasaQalayo

Ukunyuka kwamanani abafundi kunye nemeko yokuba ndala kwezakhiwo zezikolo zizinto ezikhokelele ekunyukeni kakhulu kwebhajethi yamagumbi okufundela nezikolo ezitsha kwanokulungiswa kwezi zakhiwo sele zikho. **INkqubo 6** icacisa amanyathelo athathiweyo ukuphucula imeko abasebenzela kuyo ootitshala nabantwana bethu.

Ukuze siqonde ukuba abantwana bethu banenkqubela abayenzayo na ekufundeni, iSebe iWCED lisebenzisa uluhlu olwahlukeneyo lweethagethi zokuhlola, ulinganiso kunye nezixhobo zasesikolweni nezangaphandle. **INkqubo 7** icacisa iimviwo neemvavanyo zangaphandle eziqhutywa yiWCED.

Owona mngeni wethu mkhulu usekuqinisekiseni ukuba umfundi ngamnye ufumana ukufundiswa okusemgangathweni kwimeko enenkathalo nokhuseleko.

Uncedo olukhulu ekwandiseni ukufunda kukuqaliswa okuqhubekayo kwenkqubo yokufunda eyaziw anjenge-E-Learning ezikolweni, kuhambelana nengqiqo kamsinyane kwiphondo liphela locweyo olwahlukeneyo kunye neendibano zengxoxo. Ngaphezulu uxinzelelo olwandileyo kwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo, ngokusetyenziswa kothelwano neSebe leMicimbi yeNkqubeko neMidlalo kodwa ngokunjalo ngokusetyenziswa kwamalinge asekwe esikolweni abonisa ukuqiniswa ekunikezelweni kweemfuno zophuhliso ezisebenzayo zabafundi.

Mininzi kakhulu imizekelo egqwesayo nevuselelayo emalunga nendlela abasebenzi nootitshala baseWCED abakunika ngayo oku kumawaka-waka abafundi imihla ngemihla. Siyababulela ngoku kuzimisela kwabo ngamaxsha anzima. Unyaka wama-2017 uchongwe njengoNyaka weTitshala ojolise ekuqinisekiseni olu hlobo lokunikwa kwengqalaselela kootitshala nasekuqinisekiseni ngento yokokuba iWCED iyamamela ngononophelo kumava abathi ootitshala babelane ngawo. IWCED ithanda ukuqinisekisa ngento yokuba kukho imfundo esemgangathweni elungiselelwe umntwana ngamnye kwiklasi nganye kwisikolo ngasinye. Inkxalabo yandiselwa kubafundi besikolo abaneemfuno ezizodwa ethi iWCED isoloko izamela ukunikezela ngesibonelelo.

Uvavanyo ngokubanzi lweziphumo zemali zesebe:

Imali ezifunyenwe lisebe	2015/16			2014/15		
	Eziqikelelweyo	Esona Sixa siQokelelweyo	INkcitho (eNgaphezulu)/ eNgaphantsi kweQokelelweyo	Eqikelelweyo	Esona Sixa siQokelelweyo	Nkcitho (eNgaphezulu)/ eNgaphantsi kweQokelelweyo
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ukuthengiswa Kweempahla neenkono ngaphandle kweeasethi ezinkulu	11,687	11,915	(228)	10,841	12,100	(1,259)
Imirhumo, izohlwayo neemali ekuphulukenwe nazo	900	1,228	(328)	855	1,175	(320)
Inzala, izahlulo nerenti yemihlaba	1,930	1,674	256	2,090	1,017	1,073
Iintengiselwano zemali kwiasethi nasematyaleni	25,831	23,879	1,952	15,320	8,541	6,779
Iyonke	40,348	38,696	1,652	29,106	22,883	6,273

Ingeniso yethu eyenziwe lisebe ixabisa i-0.2%yohlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo. Imithombo ephambili yeSebe yengeniso yalo:

- Ukuqokelelwa kwamatyala abanjwa isebe lemfundo.
- Ikomishini kwi-inshorensi kunye neemali ezitsalwa ngokomyalelo wenkundla.
- Iimali ezihlawulelwa iinkonzo ezinxulumene neemviwo ezinjengokuphindwa kokumakishwa kwamaphepha eemviwo nezicelo zeekopi zezatifikethi zematrikhi kunye nezinye izatifikethi. Ezi ntlawulo zezi nkonzo ziqingqwa liSebe (likaZwelonke) leMfundo esisiSeko.
- Iinkonzo zokufotokopela amanye amasebe ephondo.

Zonke iintlawulo zidweliswe kwirejista yeentlawulo yaye zihlaziywa rhoqo ngonyaka ukwenzela ukulungiselela ukunyuka kwamaxabiso. Ukuqokelelwa ngokungaphantsi kunobekulindelikile (undercollection) kwiimali ezifunyanwe lisebe ngo-2016/17 zizigidi esi-R1.652 yaye oku kubangelwe kukuba kucinywe amatyala ambalwa kunokuba bekulindelwe, apho kuchaphazeleka khona ingeniso efunyanwayo. Onke amatyala acinywa ngokomgaqo-nkqubo wesebe wokucima amatyala. Lo mgaqo-nkqubo ufuna uluhlu lwa--manyathelo aquka iinzame zokulandelela abo batyala isebe.

Inkcitho yeNkqubo

Igama leNkqubo	2015/16			2014/15		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona Nkcitho R'000	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi R'000	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona Nkcitho R'000	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi R'000
1. Ezolawulo	1,427,355	1,344,931	82,423	1,317,372	1,230,688	86,684
2. Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziziqhelekileyo	14,363,630	14,272,090	91,540	13,094,980	12,959,597	135,383
3. Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	101,026	101,026	-	95,384	95,384	-
4. IZikolo ezineeMfundo eziZodwa zeMfundo	1,124,477	1,124,477	-	1,075,020	1,049,773	25,247
5. UPuhliso lwemfundo yabasaqalayo	537,939	537,939	-	488,464	482,163	6,301
6. UPuhliso lweZibonelelo	1,628,559	1,573,028	55,531	1,549,959	1,549,959	-
7. Iinkonzo ezinxulumene neemviwo nemfundo	347,697	347,686	11	278,190	269,778	8,412
8. Imfundo noQeqesho oluQhubekayo	-	-	-	-	-	-
9. Imfundo esisiseko noqeqesho lwabadala	-	-	-	-	-	-
Iyonke	19,530,682	19,301,177	229,505	17,899,369	17,899,369	262,027

ISebe lichithe i-98.82 pesenti yebhajethi ehlangahlengisiweyo (adjusted budget) ngo-2016/17. Le nkcitho ingaphantsi iye yafikelela kwizigidi eziyi-R229.505, okanye i-1.18 pesenti yohlahlo lwabiwo-mali ehlangahlengisiweyo, nethi ibe kumlinganiselo omiselweyo kazwelonke (national benchmark) oziipesenti ezi-2.

Izizathu zokuchithwakwemali ngaphantsi kokulindelweyo zezi zilandelayo:

- Izigidi ezili-R165.780 zilungiselelwe iZabelozi zoLingano. Isixa-mali sezigidi ezili-R128.779 ezingachithwangangokupheleleyo yayizezembuyekezo yabasebenzi kwiinkqubo 1 kunye neye-2, ngenxa yenkuthazo nezithuba ezingazaliswanga kootitshala nakubasebenzi bakarhulumente abakwisebe ngenxa yokusilelwa ekuzalisweni kwezithuba ezingazaliswanga nolondolozo kwimali evunyelweyo ehlawulwe kubasebenzi abaqeshwe kwizithuba ezisezantsi ze babambe kwizithuba eziphezulu. Isixa-mali sezigidi ezingama-R32.451 esingachithwanga sasisesenkqubo 1: uLawulo ngenxa yosilelo kukuthengwa kwempahla okulungiselelwe i-E-Education ICT LAN, iSlim Labs kunye neeLearner Devices. Esi sixa-mali sele sabelwe yaye kucelwe ukuba sikhutshelwe kunyaka olandelayo. Isixa-mali sezigidi ezi-R4.550 esingachithwanga kwiNkqubo 2: iMfundo zeZikolo zikaWonke-wonke zikaRhulumente sabangelwa kukusilela kunikezelo lwefanitshala ezikolweni.
- I-R30 000 yeGranti kaZwelonke yeNkqubo yeSondlo kwiZikolo. Esi sixa-mali asabiwanga yaye siza kunikezelwa kwiCandelo leSizwe loLawulo-mali.
- Umnikelo wama-R11 000 alungiselelwe iHIV/AIDS (iMfundo yaMakhono okuPhila). Esi sixa-mali asabiwanga yaye siza kunikezelwa kwiCandelo leSizwe loLawulo-mali.
- Izigidi ezi-R6.018 ezilungiselelwe amaziko eMfundo eMOD. Izigidi ezi-R2.547 sele zabelwe yaye ziceliwe ukuba zikhutshelwe kunyaka olandelayo ngenxa yosilelo kunikezelo lwefanitshala ezikolweni. Umncono oseleyo awabiwanga yaye kufuneka ubuyiselwe kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.
- Izigidi ezi-R2.135 ezilungiselelwe i-After School Game Changer. Isixa-mali esipheleleyo asabiwanga yaye kufuneka sinikezelwe kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.
- Izigidi ezingama-R55.31 ezilungiselelwe umnikelo weZibonelelo zeMfundo. Esi sixa-mali sele sabiwe yaye sele siceliwe ukuba sikhutshelwe ukulungiselelwa iLinge loNikezelo oluKhawulezisiweyo lweZibonelelo zeSikoloo (ASIDI).

Ngaphandle kwenkxaso-mali engabiwanga ethe yanikezelwa kwiCandelo loLawulo-mali, zonke izixa-mali ezabiweyo ezingachithwanga, sele ziceliwe kwiCandelo loLawulo-mali okokuba zikhutshelwe kunyaka olandelayo ukulungiselela ukuqakumbela ezi projekti. Oku kuthetha into yokuba iingxowa-mali ziya kusetyenziselwa injongo exhityiweyo.

IViramenti/ukhutshelo

ICandelo loLawulo-mali lePhondo lamkele ezi viramenti zilandelayo phakathi kwamacandelo angundoqo kwiVoti:

- Ukususwa kwama-R5 000 esisiwa kwiNkqubo 1: uLawulo olulungiselelwe iindleko zokuhamba nenkcitho zokuhlala ezinxulumene kubahloli beMOD isuswa kwiNkqubo 2: iMfundo yeSikolo kawonke-wonke kaRhulumente.
- Ukususwa kwezigidi ezili-R135.528 zisisia kwiNkqubo 2:

IMfundo yeSikolo sikaWonke-wonke kaRhulumente kulungiselelwa inkcitho ephakamileyo ebingalindelwe yembuyekezo yabasebenzi. Izithethe neMigangatho (N&S) ezikhutshelwe kwizikolo zikawonke-wonke zikarhulumente, iintlawulo zeepakethe zomhlala-phantsi kunye nemali yekhefu elingathathwanga ngumntu oza kuthabatha umhlala-phantsi ezivela kwiNkqubo 1: uLawulo (izigidi ezingama-R35.938). INkqubo 4: iMfundo yeSikolo esiSodwa sikaRhulumente (izigidi ezingama-R66.588), iNkqubo 5: uPhuhliso kwangethuba kwaBantwana

(izigidi ezili-R15.472) kunye neNkqubo 7: liMviwo neeNkonzo eziNxulumene neMfundo (izigidi ezili-R18.530).

- Ukususwa kwezigidi ezisi-R9.088 zisisiwa kwiNkqubo 4: IMfundo yeSikolo esiSodwa sikaRhulumente kulungiselelwa ukhuthshelo olungaphezulu kolulindelweyo lusisiwa kwizikolo ezizodwa kunye nokukhula kwemirhumo yarhoqo ngosuku yezithuthi zivela kwiNkqubo 1: uLawulo (izigidi ezi-R3.582). INkqubo 3: iNkxaso-mali yeZikolo eziZimeleyo (R272.000) kunye neNkqubo 5: uPhuhliso kwangethuba koMntwana (izigidi ezi-R5.234).
- Ukususwa kwezigidi ezingama-R47.539 zisisiwa kwiNkqubo 6: UPhuhliso lweZibonelelo kulungiselelwa okukhawulezileyo okungaphezulu koko bekulindelwe nokufuduswa kwezakhiwo ezisuswayo kwizikolo zikawonke-wonke zikarhulumente zisuswa kwiNkqubo 1: uLawulo (izigidi ezingama-R34.646). INkqubo 2: iMfundo yeZikolo zikaWonke-wonke zikaRhulumente (isigidi esi-R1.845). INkqubo 5: uPhuhliso lwangethuba lobuntwana (izigidi ezisi-R8.27) kunye neNkqubo 7: liMviwo neeNkonzo eziNxulumene neMfundo (izigidi ezi-R2.772).
- Ukususwa kwezigidi ezingama-R49.467 zisisiwa kwiNkqubo 7: liMviwo kunye neeNkonzo eziNxulumene neMfundo ezilungiselelwe imbuyekezo yabasebenzi engaphezulu kwebilindelwe. Kunye neentlawulo zemiqulu yabathabatha umhlalaphantsi ngokuzithandela kunye nentlawulo yekhefu eligasetyenziswanga ngoza kuthabatha umhlala-phantsi kusukwa kwiNkqubo 1: uLawulo (izigidi ezingama-R48.434) kunye neNkqubo 6: uPhuhliso lweZibonelelo (isigidi esi-R1.033).

Olu khuthshelo lulandelayo lwacelwa:

- Izigidi ezingama-R32.451 ze-e-Education ICT zicelwe kulungiselelwa inkcitho engahlawulwanga ngomhla wama-31 kuMatshi 2017 kulungiselelwa ukufakelwa koThungelwano loMmandla weNgingqi (LAN) ezikolweni. ISlim Labs kunye neLearner Devices ezingakhange zinikezelwe ekupheleni konyaka.
- Izigidi ezisi-R7.097 zefanitshala ziyacelwa kulungiselelwa inkcitho engekanikezelwa ngomhla wama-31 kuMatshi 2017 ngenxa yomnikezeli wenkonzo wangaphambili ongakhange azifezekise izigunyaziso zesivumelwano.
- Izigidi ezingama-R55.331 zoMnikelo weZibonelelo zeMfundo ziyacelwa ukulungiselela iiprojekti zeLinge lokuNikezela ngeZibonelelo eziKhawulezisiweyo zeMfundo (ASIDI) ezingabanga nakho ukugqitywa ekupheleni konyaka.

Ingcaciso yezizathu zenkcitho engagunyaziswanga, engenanzuzo nokudyakraza ngemali nezixa ezichaphazelekayo kwakunye namanyathelo athathiweyo ukuthintela ukwenzeka koku kwakhona.

Isebe alikhange lenze nayiphi inkcitho engagunyaziswanga ngeli thuba liphantsi koqwalaselo. Ukunciphisa inkcitho engahambi ngokomgaqo, isebe likhethe amagosa oqhagamshelwano nabathengi nabathengisi (supply chain champions) kwicandelo ngalinye kula angama-42. La magosa oqhagamshelwano nabathengi nabathengisi aye aqeqeshwa kuzo zonke iinkalo zeSCM. Kwaqaliswa iithemplethi zeSCM, zokwenza nokulawula inkqubo nemigaqo efunekayo. Ukunciphisa izehlo zenkcitho engahambi ngokomgaqo, iYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi yenza uphicotho-zincwadi lwasemva koku kuzo zonke iivawutsha zeentlawulo. Le yunithi inika

ingxelo ngokuQhubekayo kumagosa oqhagamshelwano nabathengi nabathengisi eSC nakumacandelo awo malunga neqondo lenkcitho engahambi ngokomgaqo enokubakho. La manyathelo akhokelele ekuncitshisweni kwenkcitho engahambi ngokomgaqo.

Izicwangciso zexesha elizayo zesebe

Iinjongo ezintathu zeWCED zale minyaka mihlanu ilandelayo (2017 - 2019) zezi

1. Ukuphucula umgangatho kuliwmi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu.

Ezi njongo zintathu ziya kufezekiswa ngokuthi kuqwalaselwe ezi njongo zilishumi zilandelayo

1. Ulawulo olugqwesayo oluncediswa ziinkonzo ezenziwa kwi-intanethi

IWCED inika iinkonzo ezenziwa kwi-intanethi ezikolweni, kootitshala nakubafundi. Ezi nkonzo zenziwa kwi-intanethi zijonge ukwehlisa umthwalo wolawulo ezikolweni nokuqinisekisa ngokunikwa kwezikolo izixhobo neenkonzo ezichanekileyo, ezisebenzayo nezingabizi kakhulu. Ezi nkonzo ziya kulandelelwa ngeesaveyi zokukhangela ukoneliseka kweeklayenti, kunye nokulandelelwa kwezikhalazo neengcebiso.

2. IQhinga loPhuhliso loBuchule leminyaka emihlanu

Uphuhliso lobuchule bootitshala nabalawuli besikolo kokujoliswe kuko okungundoqo kweWCED. IQhinga leWCED loPhuhliso loBuchule lowama-2017-2021 luceba amacandelo ama-5 oPhuhliso lweTitshala. Ngala: ULungiselelo loBuchule; uBuchule bokuZazi; ubuChule boBuchwepheshe; uFzekiso loBuchule kunye noBunkokheli bobuChule. Olu luya kuxhaswa ngamandla ngokusetyenziswa koludwe lwezifundo, iindibano zeengxoxo neenkomfa kwiCape Teaching and Leadership Institute (CTLI). Ukwangezelela kwizifundo zeveki enye okanye ezimbini (ezisekwe ikakhulu kwiimfuno zekharithulam ethile, zesikolo, zomfundi okante ezomzali), iGLI iya kuqhuba iindibano zengxoxo ezahlukeneyo kunye neenkomfa engemiba yezemfundo.

3. Amaqhingaokulawula ikharithulam yephondo

Amaqhinga e-WCED oLwimi neMathematika bezolwimi neMathematika) owama-2015 ukuya ku-2019 yaziswa ngo-2015/16. La maqhinga ajonge ukuphucula ukupasa kwabo bonke abafundi beBanga R – 12 (i)ngokuphuhlisa ulwazi kunye nokufundiswa kwezifundo okwenziwa ngamagosa ekharithulam, iintloko zamacandelo ezifundo kunye nootitshala; ii)ukuxhasa ukunikezelwa kweLTSM kunye iii)nokusoloko kuqhutywa nokujonga okwenziweyo kunye nokuhlola okwenziwayo, izicwangciso kunye nenkqubela. ISebe iWCED liza kwazisa lize landise nofikelelo kwakunye nenkxaso yezifundo zokwenza ngezandla. Ukucwangciselwa kakuhle kwekharithulam kuza kuqinisekisa ukuba izikolo zinika esona sicwangciso sokuqhutywa kwemfundo sendawo.

4. Ulawulo olulungileyo lwezikolo

ISebe iWCED liza komeleza inkqubo yokukhangelwa, ukuchongwa kwabasebenzi nokuxhaswa kweenqununu, amasekela-nqununu kunye neentloko zamacandelo ezifundo. Iiofisi zezithili ziza kugxila ekuqinisekiseni ukuba izikolo zisebenza kangangoko yaye amaqela olawulo lwesikolo anika iinkqubo zokufunda ezilungileyo nezisebenzayo. Oku kuquka ukujongana nemingeni yendlela yokuziphatha kunye nezinye izinto eziphazamisana nenkqubo yokufundisa yeentsuku ezingama-200. Uyilo loVavanyo lweSikolo sonke ngokwakaloku ne luphantsi kohlaziyo yaye lukwinqanaba lolingo ngenjongo yokuphucula ulawulo nokumilisela ukuthatyathwa koxanduva. Izikolo ezisixhenxe ziya kubonelelwa kuyilo lweNtsebenziswano yeSikolo – zibini ngaphezulu kowama-2016/17.

5. Ukulungiselelwa kwemfundo esekelwe kwiimfuno

IWCED liza kunika izixhobo ezifunekayo ukuze kuqhubekwe ukufunda nokufundisa okufanelekileyo. Oku kuquka abasebenzi, iincwadi, izixhobo ezincedisa emsebenzini, izakhiwo ezifanelekileyo kunye nofikelelo kwilCT. Kubandakanya ngokunjalo inkxaso yokwandiswa kwenkqubo ye-E-learning.

6. Inkxaso yoluntu kunye neqonga lophuhliso lolutsha

Inkqubo yesondlo ezikolweni, ukungahlawuliswa kwemirhumo yesikolo kunye nongenelelo lwezikolo ezikhuselekileyo zizinto ezijonge ukunika imeko yokufunda ezinzileyo eya kugcina abafundi besempilweni yaye bekhuselekile bekwasesikolweni ithuba elide kangangoko. IWCED iza kufaka igxalaba kuphuhliso lolutsha ngeendlela ezininzi yaye yenze ubambiswano nanini na xa loo nto iya kunceda abona basesichengeni. Okungundoqo ekujoliswe kuko yinkxaso ye-After School Game Changer yePhondo nokwandiswa kwenkuthazo yeenkqubo ezizezinye zololongo ezikolweni.

7. Inkxaso yezikolo ezizimeleyo

Izikolo ezizimeleyo ezibhalisa abafundi abasuka kwiindawo ezihluphekileyo ziya kuxhaswa ngenkxaso-mali, iinkqubo zoqeqesho lweetitshala kunye nokutyelelwa kwezikolo.

8. Inkqubo yokunciphisa imiqobo ethintela ukufunda

IWCED iza kunika ukhathalelo namathuba kubafundi abanemiqobo ebathintelayo ekufundeni okanye abasemngciphekweni woko. IWCED iza kusebenza namanye amasebe karhulumente angala amasebe oPhuhliso lweNtlalo elezeMpilo neleMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye neeNGO ekuxhaseni aba bafundi.

9. IBanga R elisemGangathweni

Ugxininiso kwixesha elizayo luya kuba sekuphuculeni umgangatho wokufunda kwiBanga R. Le nto iya kwenziwa ngokungxininisa kwizakhono zootitshala kunye nemeko yoqeqeshelo butitshala kunye nasekuchongweni kwangoko kwabo badinga ukuncediswa ezifundweni. Injongo kukuqinisekisa ukuba unyaka weBanga R unika isiseko esisiso sokufunda.

10. INkquboefanelekileyo yezibonelelo ukulungiselela ukuyila ubume bokufunda obuvuselelayo

Ugxininiso luza kuba sekwakheni izikolo namagumbi okufundela amatsha, apho kukho imfuneko yendawo eyongezelelweyo yokufundela, ekutshintshweni kwezikolo ezenziwe ngeemathiriyeli ezingafanelekanga kwakunye nolungiso olucwangcisiweyo ukwenzela ukuba zibe zininzi izikolo nabafundi abaxhamlayo kuhlalo lwabiwo-malilokwakhiwa kwezibonelelo.

UThelelwano lukaRhulumente nolamaQhumrhuangasese

ISebe khangela lingene kulo naluphi uhlobo lwesivumelwano kweli thuba kunikwa ingxelo yalo. Qaphela into yokokuba inkcazelo yoku ichaziwe yaye nangona bekungekho luthelwano oluhlangabezana nenkcazelo esesikweni kubekho inani lezivumelwano, ezifana eseNtsebenziswano yeZikolo, apho izikolo zithe zabonelelwa ngamaqumrhu.

Imicimbi eyekiweyo / imicimbi eza kuyekwa

Ayikho

Izipho neminikelo efunyenweyo elolunye udidi evela kumaqela ekungaxulumangwa nawo

Ayikho

Uxolelo nokutenxa kwimigaqo okuvela kwiCandelo leSizwe loLawulo-mali

Ayikho

Iziganeko zasemva komhla wokufakwa kwengxelo

Azikho

Imicimbi emitsha okanye ecetywayo

Ngaphezu kwezi njongo zidweliswe apha ngentla, iWCED lelona sebe linkqenqazeza phambili kwiNjongo yeQhinga yePhondo (PSG) 2: Ukuphucula iziphumo zemfundo kunye namathuba ophuhliso lolutsha. Iinjongo ezintathu zokuqala zale njongo zihambelana neenjongo ezintathu zeWCED. ezi:

1. Ukuphucula umgangatho kulwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu.

Iinjongo ezimbini eziseleyo zezi: "Ukunika amathuba ongezelelweyo entlalo kunye nawoqoqosho kulutsha lwethu" kunye "Nokuphucula inkxaso yosapho kubantwana nolutsha kwanokuncedisana nophuhliso".

IWCED ixhasa iApprenticeship Gamechanger yePhondo ukulungiselela ukwandisa inani labafundi abathabatha iMathematika kuGreyidi 10 ukulungiselela ukukhulisa inani labafundi abafanelekileyo ukuba bangenele ubugcisa bomsebenzi wezandla. IWCED ixhase i-Lever 1, Academic Supply Side (abafundi abalungileyo beSikolo) ngokwandisa ulwazi lwamathuyba amakhono eTVET nokwandisa inani labafundi abakwiGreyidi 8-12 abafumana ngaphezulu kwama-50% kwiMathematika. Ijolise ikakhulu kwiZikolo zamaBanga aphezulu zoBugcisa (THS) kunye neZikolo zeMathematika, zeNzululwazi neTheknoloji (MST).



BK Schreuder

IGosa eliNika iNgxelo

ISebe lezeMfundo

UMhla: 31 kuMeyi 2017

5. INgxelo yoXanduva neNgqinisekiso yokuChaneka kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi nenkolo yam, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

Yonke iNgcaciso nezixa-mali abhengezwe kuyo yonke leNgxelo yoNyaka ayahambelani kuyo yonke le Ngxelo ayahambelana.

Le Ngxelo yoNyaka iqulunqwe ngokuhambelana nezikhokelo zengxelo yonyaka ezikhutshwe liCandelo leSizwe loLawulo-mali.

liNgxelo zoNyaka zemali (iCandelo E) ziqulunqwe ngokwemigangatho elungisiweyo yemali eziinkozo kunye nezicwangciso-nkqubo ezifanelekileyo nezikhokelo ezikhutshwe liCandelo leSizwe loLawulo-mali.


IGosa eliNika iNgxelo lijongene noxanduva lokuqulunqaiiNgxelo nale zonyaka zemali nyaka kunye nezigqibo ezithathiweyo malunga nale ngcaciso.

IGosa eliNika iNgxelo linoxanduva nokumilisela inkqubo nokuseka, kunye yolawulo lwangaphakathi eyenzelwe ukunika uqinisekiso olufanelekileyo nemfezeko nokuthembeka kwengcaciso yokusebenza ingcaciso malunga nabasebenzi kunye neeNgxelo zeMali zoNyaka.

Abaphicothi-zincwadi bangaphandle nabo bayabandakanywa ekunikeni uluvo oluzimeleyo malunga neeNgxelo zoNyaka zeMali.

Ngokoluvo lwam, le Ngxelo yoNyaka ikubonisa kakuhle ukwenziwa kwemisebenzi, ingcaciso yentsebenzo, ingcaciso yabasebenzi kunye nemicimbi yezemali yesebe ngalo nyaka-mali uphele ngomhla wama-31 kuMatshi wama-2016.

Ozithobileyo
Technology (MST) Schools



IGosa eliNika iNgxelo
ISebe lezeMfundo
UMhla: 31 kuMeyi 2017

6. Uvavanyo ngokubanzi lweQhinga

6.1 Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda.

Oku kunokubonakaliswa kukufikelela kwezi njongo zintathu zongameleyo:

- i. Ukuphucula ulwimi nemathematika kwizikolo kuzo zonke izikolo
- ii. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
- iii. Ukuphucula umgangatho wemfundo kwindawo ezihluphekayo

6.2 Umnqophiso

Ukunika imfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi abakweli phondo ngezi ndlela zilandelayo:

- Ukucwangciselwa okupheleleyo, kunye nokulawulwa kwemfundo (education system)
- Imfundo kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente
- Inxaso yezikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa
- UPuhliso lwabaNtwana abasaQalayo (ECD) kwiBanga R
- Amathuba oqeqesho eetitshala kunye nabasebenzi abangezotitshala
- Inkqubo yesondlo ekujoliswe kuyo kunye nezinye iindlela zokulwa nentlupheko nezokhuseleko
- Ukuxhaswa kweetitshala ngokunikwa imiqathango esisiseko yenkonzo, amaqithi-qiithi kunye nequbo yentlalo-ntle yabasebenzi

6.3 Iinqobo ezisesikweni

- Ukubaluleka kakhulu komfundi
- Iinqobo ezisesikweni zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu wamaLungelo oLuntu
- Ukwenza umsebenzi ogqwesileyo ngokuthi kubonelelwe yaye kunikwe inkxaso abasebenzi abangootitshala, abaxhotyiswe ngokwenene, abanenkqubela abaqeqeshiweyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo.
- Ukukwazi ukuphendula kwabo baphatheyo ngoxanduva lwabo nokwenzela izinto elubala
- Imfezeko nokugqwesa kwimisebenzi yolawulo nakuleyo enika inkxaso

7. Imithetho neZinye iziGunyaziso


- UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho we-108 ka-1996)
- UMgaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni, 1998 (uMthetho woku-1 ka-1998)
- UMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho we-12 ka-1997)
- UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, (SASA) 1996 (uMthetho wama-84 ka-1996);
- UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke (NEPA), 1996 (uMthetho wama-27 ka-1996)
- UMthetho wokuQinisekiswa koMgangatho weMfundo noQeqesho ngokuBanzi neQhubelekayo, 2001 (uMthetho wama-58 ka-2001).
- UMthetho wezeNgqesho yooTitshala ka-1998, (UMthetho wama-76 ka-1998)
- UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho woku-1 ka-1999)
- UMthetho woKwahlulwa kweNgeniso yoNyaka, 2012, (uMthetho wesi-5 ka-2012)
- UMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (IsiBhengezo se-103 sika-1994)
- UMthetho weGunya eliLawula iziQinisekiso waseMzantsi Afrika, 1995 (uMthetho wama-58 ka-1995)
- UMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika, 2000, (UMthetho wama-31 ka-2000)

8. UBume boMbutho

Makujongwe kwiphepha elilandelayo

9. AmaQumrhu anika iNgxelo kuMphathiswa

Awangeni ndawo





Part B
Performance Information

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: liNjongo eziMiselwe kwaNgaphambili

I-AGSA kungokunje yenza iinkqubo eziyimfuneko zokuphicothwa kweencwadi zengcaciso yentsebenzo ukunika ingqinisekiso efanelekileyo eya kuba ziingxelo zophicotho-zincwadi. Iziphumo zengxelo yophicotho-zincwadi ngentsebenzo zithelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili zibandakanyiwe kwingxelo ephantsi kwesihloko seeNjongo ebezimiselwe kwangaphambili kwicandelo leNgxelo engeemfuno ezimiselweyo zomthetho nemimiselo kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

Makufundwe iphepha 174 leNgxelo yoMphicothi-zincwadi, epapashwe njengeCandelo E: INgcaciso yezeMali.

2. UVavanyo ngokubanzi

2.1 UBume bokuNikezelwa kweNkonzo

Isicwangciso semfundo soMzantsi Afrika siqulathwe kwisiCwangciso sokuSebenza sowama-2019, esibhekiselele kuHanjolweSikolo ngowama-2030, ngoku silungelelaniswe kunye nesiCwangciso seSizwe soPhuhliso kunye noMphumela weSizwe woku-1IsiCwangciso siqulathe iinjongo ezingama-27. Iinjongo ezili-13 zokuqala zijongene neziphumo zokufunda ze ezinye iinjongo ezili-14 zijongene nendlela ezingafezekiswa ngayo ezi ziphumo.

Inkqubo yokuthatyathwa koxanduva ihamba nesi sicwangciso sinxulunyaniswe **neenjongo** zemfundo yoMzantsi Afrika kunye **nemigqaliselayazonokujoliswe kuko** kunyenemigama yazo. Inani leenjongo liminyiwe; imigqalisela iyalinganiswa. Ekujoliswe kuyo kufuneka ibe "kuluhlul" yaye kufuneka ijolise ekuphuculeni ngokwamanqanaba eziphumo zemfundo. Ngelithuba ekujoliswe kuko kwesizwe kuthiwe thaaca kwisithuba sexesha elide, imigama ngokubanzi ijolise kwizifekiso ezifunekayo kwisithuba esiphakathi (ukuya kwiminyaka emihlanu kwixa elizayo). Imigama ithiwe thaca kwiinjongo 1 ukuya kwi-13 kodwa ayithiwanga thaca kulungiselelwa iinjongo ye-14 ukuya kuma-27.

Iinjongo **zeziphumo zokufunda** zezi:

- 1▶ Ukwandisa inani labafundi kwiBanga lesi-3 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala lweBanga lesi-3.
- 2▶ Ukwandisa inani labafundi kwiBanga lesi-6 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala lweBanga lesi-6.
- 3▶ Ukwandisa inani labafundi kwiBanga le-9 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala lweBanga le-9.
- 4▶ Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abakufaneleyo ukungenela iprogram yesiDanga sokuQala eyunivesithi.
- 5▶ Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abapasa *imathematika*.

linjongo **zeziphumo zokufunda** (zisaqhutywa):

- 6▶ Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abapasa *iphysical science*.
- 7▶ Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi *kwiBanga lesi-6* kwizifundo *zeelwimi*.
- 8▶ Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi *kwiBanga lesi-6* kwimathematika
- 9▶ Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi *beBanga lesi-8* kwimathematika.
- 10▶ Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bahlala beqhubeka ngokwenene nesikolo ubuncinane ukuya kunyaka abagqiba ngawo iminyaka eli-15.
- 11▶ Ukuphucula ukufikelela kwabantwana kwimfundo esemgangathweni yophuhliso lwabantwana abasaqalayo ukufunda (ECD) abangaphantsi kweBanga loku-1.
- 12▶ Ukuphucula ukupasa kwabafundi nokugqithela kwamanye amaBanga ukuqala kwiBanga loku-1- 9.
- 13▶ Ukuphucula ukufikelela kolutsha kwiMfundo noQeqesho oluQhubekayo (FET) ngaphaya kweBanga le-9.

linjongo ezilungiselelwe indlela yeziphumo zokufunda ziya kufezekiswa **njani** ezizezi:

- 14▶ Ukutsala umdla kunyaka ngamnye iqela elitsha lootitshala abasebatsha, abanomdla abaqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba bangenele umsebenzi wobutitshala.
- 15▶ Ukuqinisekisa ukubakho nosetyenziso lootitshala ngohlobo lokuba kuthintelwe ubukho beeklas ezinamanani amakhulu.
- 16▶ Ukuphucula ulwazi lomsebenzi nokwenza umsebenzi ngokuchubekileyo kootitshala, izakhono zokufundisa ulwazi ngezifundo nabanolwazi lokusebenzisa ikhompyutha kuyo yonke imisebenzi yabo yokufundisa.
- 17▶ Ukwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abangootitshala baphile qete, banelisekile yaye bayawuthanda umsebenzi wokufundisa abawenzayo.
- 18▶ Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela kuzo zonke izihloko nenkalo zezakhono ekufanele bazifunde kunyaka wesikolo oQhubekayo.
- 19▶ Ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unako ukufikelela kweyona sethi ibubuncinane yeencwadi zezifundo nencwadi zomsebenzi ezifunekayo ngokomgaqo-nkqubo kazwelonke.
- 20▶ Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwabafundi kwiintlobo ngeentlobo zemidiya, kuqukwa neekhompyutha, eziphucula umgangatho wemfundo yabo.
- 21▶ Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zolawulo ezisisiseko zonyakaziyaqhubeka kwizikolo zonke kweli lizwe ngendlela enegalelo nekhokelela kwisikolo esiqhuba kakuhle.
- 22▶ Ukuphucula uthatho-nxaxheba lwabazali nabahlali kulawulo kwezikolo, ngokuphucula ukwazi ukufikelela kwingcaciso ebalulekileyo ngokusetyenziswa kwesicwangciso-nkqubo see-Education.
- 23▶ Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngemali ngokwawona manqanaba asezantsi ngomfundi ngamnye nabalwa ngokwemimiselo kazwelonke nokuba imali isetyenziswa ngokungafihlisiyo nangendlela eyiyo.
- 24▶ Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo nendawo engqonge isikolo ngasinye, ziyabakhuthaza abafundi ukuba bafunde ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise.
- 25▶ Ukusebenzisa izikolo njengezixhobo zokukhuthaza ukwazi ukufikelela kwiindidi zeenkono zikarhulumente kwabafundi kwimiba efana nezempilo, ukunciphisa intlupheko, inkxaso yasengqondweni neyenzentlalo, ezemidlalo nezenkcubeko.
- 26▶ Ukwandisa inani lezikolo eziziphumeze ngempumelelo umgaqo-nkqubo wemfundo ebandakanya bonke abafundi nokwazi ukufikelela kumaziko abonelela ngeenkono zeengcali.
- 27▶ Ukuphucula ukwandiswa kwamaxesha nomgangatho weenkono zokubeka esweni nenkxaso ebonelelwa ziifisi zezithili zemfundo ezikolweni ngokusetyenziswa bhetele kwemfundo i-e-Education.

Owama-2016/17 ibingunyaka ozinzileyo malunga nemiba yabasebenzi. Oku kubangele ukuba iWCED ligxininise kumsebenzi walo ongundoqo wokuphucula iziphumo zemfundo. Izixhobo, ezingabasebenzi nemali, kunye nawo onke amaphulo ongenelelo ngoncedo aye asiwa kwezo zikolo beziyidinga kakhulu inkxaso.

Impumelelo yowama-2016/17 iquka ukufumana iziphumo zezifundo eziphucukileyo njengokuba oku kubonakala kwiziphumo zemfundo. Kukho irekhodi entle malunga negalelo nengcebiso zoMnikelo woXhomekeko kunye nemiphumela nokusetyenziswa ngobulumko kwezibonelelo kube nezibonelelo eziqhubekayo ngamanyathelo aqhubekayo afana nokuthengwa kwezambuku zeencwadi. Ubume bezoqoqosho size nemingeni kuwo onke amacala njengoko ukubekwa phambili kwakhona kuthe kwenziwa kwakhona ukuhlangabezana noxinzelelo.

Iinkonzo zibandakanya izibonelelo zezakhiwo kunye noncedo ouza ngqo nolungezi ngqo kwizikolo, ezixhaswa lunxibelelwano olulungileyo nabathathi-nxaxheba kunye nabachaphazelekayo. Nangona bekukho ulityazisokwiiprojekti zokwakha yaye bekukho uxinzelelo lwendawo nonikezelo lwezibonelelo iWCED ilungise izisombululo zethutyana ze yahlangabezana neemfundo, umzekelo njengoko ukufakwa kwee-odolo ezangezelelweyo zeencwadi zokufunda kunye neeklasi zokufundela zethutyana. Iingxowa-mali zazabelwe ukunikezela ngothutho lomfundi nokunikezelwa kokutya kunye nezithethe nemigangatho yenkxaso-mali ukulungiselela inkxaso yabafundi abadinga uncedo olunjalo.

Ubundlobongela, ulwaphulo-mthetho neemeko zentlalo noqoqosho ziyaqhubeka nokubeka uxinzelelo lweemfundo ezimandla ezikolweni, ekuhambeni isikolo nakwiWCED. IWCED linike inkxaso apho ibinakho ukuyinika khona ukwenzela ukuthomalalisa ifuthe lolwaphulo-mthetho nentlupheko.

2.2 *IsiCwangciso soPhuculo loKwenziwa kweNkonzo*

Isebe lisigqibile isiCwangciso sokuPhucula ukwenziwa kweNkonzo (SDIP). Le theyibhile ingezantsi ibonisa isicwangciso sokwenziwa kweenkonzo kunye neenkqubo esele ziphunyeziwe kude ngoku.

IiNkonzo eziPhambili neMigangatho

linkonzo eziphambili	Abaxhamli	Umgangatho weenkonzo wangoku/ onguwona unguwo	Umgangatho weenkonzo onqwenelekayo	Eyona mpumelelo
Ukunikezela ngo-Bhaliso lweeMviwo neNkonzo yeMibuzo kuBafundi.	<ul style="list-style-type: none"> • Abafundi • Ootitshala • Abaqeshwa beNkonzo kaRhulumente • Amagosa avela kumaSebe angamanye kaRhulumente eSizwe nawePhondo • Amagosa aphuma koomasipala beNgingqi • Amalungu abasebenzi beeNGO • Abemi 	Abaxhamli benkonzo abangama-37 000 bancediwe kwiSebe lokuNgena uncedwe	Abamkeli benkonzo abangama-30 000 bancedwe kwiZiko ongenakulo uncedwe	Abamkeli benkonzo abangama-37 809 bancedwe kwiZiko ongenakulo uncedwe
		Iminxeba engama-21 000 enikwe ingqwalasela ngabasebenzi beemviwo.	Iminxeba engama-25 000 anikwe ingqwalasela	Iminxeba engama-24 795 enikwe ingqwalasela ngabasebenzi Unxaxho kwini leminxeba eyamkelweyo ze yanikwa ingqwalasela lunokubalelwa kukwanda kwemibuzo ye-imeyile eyamkelweyo evela kubaxhamli benkonzo ithunyelwa kwi-akhawunti ye-imeyile yesiqhelo kulungiselelwa ukubalisw kweemviwo kunye neziphumo zeemviwo
		Izicelo ezingama-17 865 zeziqinisekiso zenziwa	Izicelo ezingama-17 000 zeziqinisekiso ziqwalaselwe	Izicelo ezingama-11 502 zeziqinisekiso kunye nezicelo ezingama-9 081 zengxelo zeziphumo zaqwalaselwa Olu ncutshiso lwezinqinisekiso eziqwalaselweyo lubangelwe lulityaziso kokufumaneka kweziQinisekiso zeNqanaba eliphezulu (SC) (a) iziqinisekiso ezihlangeneyo
		Ama-80% ezicelo zeziqinisekiso ayaqwalaselwa kwisithuba seentsuku zomsebenzi ezili-10 ukususela ekwamkelweni kwefomu yesicelo ezaliswed ngokufanelekileyo	Ama-85% ezicelo zeziqinisekiso ayaqwalaselwa kwisithuba seentsuku zomsebenzi ezili-10 ukususela ekwamkelweni kwefomu yesicelo ezaliswed ngokufanelekileyo	Ama-85% ezicelo zeziqinisekiso ziqwalaselwa kwisithuba seentsuku zomsebenzi ezili-10 ukususela ekwamkelweni kwefomu yesicelo esizaliswe ngokulungileyo Ulityaziso ku-Umalusi neSebe leMfundo yeSiseko (DBE) ekuqokumbeleni imiyalelo zokwenziwa kwesiqinisekiso esihlangeneyo se-SC, Isiqinisekiso esiPhezulu seSizwe (NSC) kunye neziphumo zeSC (a) zibangele umsebenzi osemva ekukhutshweni kwezinqinisekiso zeSC (a) zeziphumo ezihlangeneyo

linkonzo eziphambili	Abaxhamli	Umgangatho weenkono wangoku/ onguwona unguwo	Umgangatho weenkono onqwenelekayo	Eyona mpumelelo
		Izingqinisiso zobugcisa ezingama-2 500 ziqukunjelwe	Izingqinisiso zobugcisa ezingama-2 500 ziqukunjelwe	Ama-2 325 engqinisekiso yobugcisa aqukunjelwe Eli nani lisekwe kwizicelo ezivela kwii-arhente zoqinisekiso yaye ukuhla kwinqwalasela yoqinisekiso kusneokubangelwa yinto yokuba ii-arhente zizenza ngqo izicelo ku-Umalusi wokuqinisekiswa kweziqinisekiso lweziqinisekiso ezathi zakhutshwa ngaphambili ngu-Umalusi
Amaqabane okusebenza esikolo aya kuqinisekisa ngenkxaso kootitshala wenqununu ngokusetyenziswa koqeqesho, izibonelelo ezangezelelweyo, ukubekwa kweliso kukwenziwa komsebenzi kunye nokunikwa rhoqo kwengxelo. Injongo epheleleyo kukuphucula imiphumela yemfundo yabafundi kwezi zikolo.

UMthetho weMfundo yeZikolo wePhondo leNtshona Koloni, we-1997 (uMthetho 12 we-1997) (uMthetho) uqale ukusebenza ngomhla we-16 kuJanyuwari we-1998, yaye ukulungiswa kokuqala koMthetho kwavunywwa ngomhla wesi-6 kuDisemba 2010. Inani lezibonelelo

kuMthetho besele lingafuneki yaye elinte lazo lalilinizi ngokugqithisileyo, njengoko lingalungelelaniswanga kuphuhliso lwemithetho efanelekileyo eMzantsi Afrika.

Ikhabinethi yeNtshona Koloni yanikelangemvume ngokubanzi ukulungiselela ulungiselelo lomthetho oyilwayo wokulungiswa koMthetho weMfundo yeZikolo wePhondo leNtshona Koloni, we-1997 (uMthetho 12 we-1997) ngomhla wama-24 kuJuni 2015. Izilungiso kuMthetho weMfundo weZikolo wePhondo leNtshona Koloni we-2016, zinjalo ukulungiselela ukucima ze kufakelwe yaye kutshintshwe ezinye; ukuhlomela izikhangelo kwezinye ezithile izibonelelo zomthetho, ukususwa kwezikhangelisi kwimfundo yabadala; ukwenza isibonelelo sempahla neenkongo ezinxulumene nemfundo kwiphondo okokuba ukuthengwa kwazo kube sembindini, emva kothethwano olufanelekileyo; ukulawula ukubekwa kweliso nenkxaso yonikezelo lekharithulam kwizikolo zikarhulumente; ukugunyazisa iBhunga leMfundo leNtshona Koloni okokuba linikezele ngeengxelo zengcebiso; ukwenza isibonelelo sokusekwa kwamaziko ongenelelo apho abafundi bangathunyelwa khona kwiimeko ezithile; ukuyekwa kweemfuno zokuvumelana nMphathiswa wePhondo onoxanduva lwezemali okokuba lufunyanwe ngokubhekiselele kwizivumelwano ezithile; ukucinywa kwesibonelelo esithi sigunyazise ukuvalwa kwecandelo lesikolo sikarhulumente; ukwenza isibonelelo esingaphezulu ukulungiselela uMphathiswa wePhondo onoxanduva lwemfundo ukwenza imithetho; ukulawula ngaphezulu amandla oMphathiswa wePhondo ukumisela izithethe nemigangatho kunye nemisebenzi neenkqubo ukulungiselela ukusekwa nokunyulwa kwabameli bamabhunga abafundi; ukubhangiswa kwesibonelelo esinxulumene namagunya enkundla yabantwana; ukugunyazisa iimviwo ezithile ezinxulumene nokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente ezilungiselelwe abafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa; ukwenza isibonelelo esiphathelelene nokuselwa okanye ukuthengiswa kotywala kwimihlaba yesikolo okanye ngethuba lemisebenzi yesikolo kuxhonyekeke kwimiqathango; ukunikezela ngento yokokuba isikolo sikarhulumente kufuneka sifumane imvume ebhaliweyo kuqala yabazali egunyazisa umfundi ukuba awuzimase umsebenzi wesikolo ngaphandle komhlaba wesikolo; ukwenza ulwaphulo-mthetho olungaphezulu; nokunikezela ngemiba enxulumene noko.

Imimiselo ehambelana noMthetho weMfundo yeSikolo wePhondo leNtshona Koloni, we-1997 (uMthetho 12 we-1997), yaqulunqwa njengoku kulandelayo:

Imimiselo enxulumene nokuSekwa neMisebenzi yeBhunga leMfundo, yapapashwa kwiGazethi eyoNgezelelweyo yePhondo enguNombolo 6910, ngomhla wama-26 kuSeptemba 2011. Le mimiselo ibandakanya ukuqulunqwa kweBhunga leMfundo, isithuba se-ofisi samalungu, ukwalelwa nokurhoxiswa kobulungu, ukuchithwa kweBhunga, izithuba ezingazaliswanga kwiBhunga leMfundo, iKomiti ePhetheyo kunye neentlanganiso neenkqubo. Imimiselo enxulumene nokuSekwa neMisebenzi yeBhunga leMfundo, 2011: Izilungiso 2015, zapapashwa ngomhla we-14 kuDisemba 2015 kwiGazethi eyoNgezelelweyo yePhondo enguNombolo 7549, iSaziso sePhondo 435 ukulungiselela ukwenziwa kwesibonelelo ukulungiselela phakathi kwezinye inguqu kukuqulunqwa kweBhunga leMfundo, ukunikezelwa kwengxelo yengcebiso kuMphathiswa wePhondo, isithuba samalungu eBhunga, inguqu kwinani eliphantsi leentlanganiso zeBhunga ngonyaka ukususela kwisi-2 ukuya kwisi-4 kunye nezibonelelo ezigqithayo.

UMgaqo-nkqubo wokuTshaya woRhulumente wePhondo leNtshona Koloni, wama-2015, wamkelwa nguMphathiswa ojongene neMfundo kwiPhondo ngomhla we-15 kuDisemba 2015 ungeniswe kwiSetyhula 0001/2016.

Imingeni enikezelwa yimicimbi yomgaqo-nkqubo izikolo:

Imimiselo enxulumene neZithethe neMigangatho ePhantsi eFanayo elungiselelwe iZibonelelo zeSikolo (Novemba 2013) ibe nempembelelo kucwangciso lwezakhiwo zexa elizayo. Impembelelo engakho yezi iya kudinga ixesha ukulinganiswa ngokubhekiselele kwizakhiwo esele zikho kunye nobukhulu besikolo.

3. Iinjongo eziJolise kuMphumela weQhinga¹


Inkqubela phambili ebhekiselele kokujoliswe kuko kwisiCwangciso seQhinga

Injongo 1: Ukuphuculwa kwenqanaba lolwimi nemethametika kuzo zonke izikolo



Ngowama-2015 amaQhinga amatsha oLwimi neMathematika, alungiselelwe iiGreyidi R -12 alungiswa, kwathethwana, aqakunjelwa ze aqaliswa njengoko kuthiwe theca kwisicwangciso seminyaka emihlanu. Iimvavanyo zeSistimiki zeWCED zibonise iziphumo ezithembisayo, ingakumbi kwiMathematika. Ngenxa yophuculo olukhulu kunoko bekuqikelelwa ekujoliswe kuko kweminyaka emihlanu kwahlaziywa kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka sowama-2016/17.

¹Qaphela into yokokuba ekujoliswe kuko kweminyaka edluleyo kuhlaziyiwe kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka sowama-2016/17.

Injongo eziJolise kuMphumela weQhinga 1	Ukuphuculwa kwinqanaba lolwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
INgxelo yeNjongo	<p>Ukusebenza kwizifundo kumfundi kuLwimi nakwiMathematika iya kuphuculwa ukulungiselela, ukuba ngowama-2019:</p> <ul style="list-style-type: none"> - Abafundi beGreyidi 3 bafikelele kumlinganiselo wokupasa ongama-50% kuLwimi nama-64% kwiMathematika kwimvavanyo eziqulunqwe zaze zanikezelwa ngaphandle - Abafundi beGreyidi 6 bafikelele kumlinganiselo wokupasa-48% kuLwimi nama-48% kwiMathematika kwimvavanyo eziqulunqwe zaze zanikezelwa ngaphandle - Abafundi beGreyidi 9 bafikelele kumlinganiselo wokupasa-55% kuLwimi nama-24% kwiMathematika kwimvavanyo eziqulunqwe zaze zanikezelwa ngaphandle
Injongo eziJolise kuMphumela weQhinga 2	Ukwandisa inani nokulunga kwabaphumeleleyo kwisiQinisekiso esiPhezulu seSizwe
INgxelo yeNjongo	<p>Ukusebenza kwiziphumo kumfundi kwisiqinisekiso esiPhezulu seSizwe (NSC)kuya kuphuculwa ukwenzela ukuba:</p> <ul style="list-style-type: none"> - Inani labafundi abaphumelele kwiNSC ngowama-2019 liya kuba ngama-42 400. - Umlinganiselo wokuphumelela ngowama-2019 uya kuba ngama-88%. - Inani labafundi abafumene ilungelo lokuphumelela ukuba baye eyunivesiti ngowama-2019 liya kuba ngama-21 200. <ul style="list-style-type: none"> - Inani labafundi eliphumelele iMathematika ngowama-2019 liya kubangama-11 900 - Inani labafundi abaphumelele ezeNzululwazi ngowama-2019 liya kubangama-9 700.
Injongo eziJolise kuMphumela weQhinga 3	Ukwandiswa kulungu kwesibonelelo semfundo kuluntu oluhluphekileyo
INgxelo yeNjongo	<p>IWCED iya kutyala imali kwinkxaso yezikolo ezinesidingo ukulungiselela ukuba:</p> <ul style="list-style-type: none"> - Kukho ukuhla kwinani lezikolo ezinomlinganiselo wokuphumelela kuGreyidi 12 ongaphantsi kwama-70% ukuya kwi-0 ekupheleni kowama-2019. - Kukho ukuhla kukusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo kwezinye iigreyid njengoko kulinganiswa ngokusetyenziswa koVavanyo loNyaka lweSizwe olulungiselelwe iigreyidi 1 – 6 kunye neye-9 kunye neemvavanyo zeWCED ezilungiselelwe iigreyidi 3, 6 neye-9 (khangela kwiNjongo 1 neNkqubo 7 elungiselelwe ekujoliswe kuko) - Kukho ukuhla kwinani lezikolo zaseprayimari ezineziphumo ezibi kwiimvavanyo zesistimiki kunye nomlinganiselo opheleleyo wokuphumelela kuzo zonke iigreyidi ezingaphantsi kwama-85% ukuya kuma-30 ekupheleni kowama-2019. - Umlinganiselo wokugcinwa kwabafundi esikolweni (iiGreyidi 10 -12) wandile waya kuma-68% ekupheleni kowama-2019. <p>Inani lotyelelo lwenkxaso yesikolo iya kuwahlulwa-hlulwa ukuze ihambelane neemfuno zenkxaso.</p> <p>Izakhiwo, inkxaso yentlalo kunye nesibonelelo senkxaso-mali iya kukekelela kwinqwalasela yabafundi nezikolo eziyidinga kakhulu.</p>



IlNjongozesi-2 neyesi-3: "Ukwandisa inani nomgangatho wokuphumelela kwisiQinisekiso esiPhezulu seSizw0e "kunye" nokwanda komgangatho wesibonelelo semfundo kwiingingqi zoluntu oluhluphekileyo"



4. INgcaciso yokuSebenza ngokweNkqubo

4.1 INkqubo 1: ULawulo

Injongo

Ukunikezela ngolawulo olupheleleyo lwenkqubo yemfundo ngokuhambelana noMthetho woMgaqo-nkqubo weSizwe weMfundo, uMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, kunye neminye imigaqo-nkqubo.

Inkqubo yoLawulo iqulathe iinkqutyana ezilandelayo²:

INkqutyana 1.1: OfisiyeMEC

Ukunikezela ngomsebenzi we-ofisi yaMalungu eBhunga eliLawulayo (MEC) ukulungiselela imfundo ehambelana nencwadi yemithetho yabaphathiswa

INkqutyana 1.2: IiNkonzo zamaQumrhu

Ukunikezela ngeenkonzo zolawulo ezingathanga ngqo kwimfundo ukulungiselela inkqubo yemfundo.

INkqutyana 1.3: ULawulo lweMfundo

Ukunikezela ngeenkonzo zolawulo lwemfundo ukulungiselela inkqubo yemfundo.

INkqutyana 1.4: UPuhliso lweMicimbi yaBasebenzi

Ukunikezela kophuhliso lwemicimbi yabasebenzi ukulungiselela abasebenzi abasebenza ezi-
ofisini.

INkqutyana 1.5: INkqubo yeNgcaciso yoLawulo lweMfundo (EMIS)

Ukunikezela ngeNkqubo yeNgcaciso yoLawulo lweMfundo ngokuhambelana noMgaqo-
nkqubo weSizwe weMfundo

IiNjongo zeQhinga³

INkqubo 1: IiNjongo zeQhinga	
INjongo yeQhinga 1.1	Phuhlisa ze umilisele isicwangciso seminyaka emi-5 sophuhliso lotitshala.
INgxelo yeNjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Iintlanganiso ezenzeka kube Kanye emva kweminyaka emibini phakathi kweWCED neHEI kunye neDHET ukuphemelela inkonzo yangaphambili elungiselelwe ootitshala 2. Ukuphuhliswa nokumiliselwa isicwangciso seminyaka emihlanu sophuhliso loqeqesho usengqeshweni lweminyaka emihlanu (kubandakanywa ukusabela kwingcaciso evela kuvavanyo; inkcazelo yetitshala; uqeqesho lwe-e-learning) 3. Ukuphuhliswa nokumiliselwa kwenkqubo ehlangeneyo yenkuthazo yetitshala ukulungiselela uphuhliso lwetitshala okokuba iphucule ubugcisa, amakhono okufundisa, ulwazi lwesifundo nolwazi lwekhompyutha lweetitshala neenqununu 4. Ukufunwa, ukukhethwa nokugcinwa kweenqununu neeHoD ezinobugcisa nezikumgangatho ophezulu
INjongo yeQhinga 1.2	Ukuphuculwa kolawulo nenye inkxso kwizikoloo, ukuncedwa okukhulayo ngeenkonzo ezikwi-intanethi.

²Iinkqutyana aziyiyo inxalenye yesiboniso sesizwe secandelo kunye nama-candelo enkxaso-mali yeCandelo loLawulo-mali. Iingxowa-mali kwiNkqubo 1ibandakanya iindleko ezinxulumene nolawulo lwenkqubo.

³IiNjongo zeQhinga njengesiCwangciso seQhinga esilungiselelwe owama-2015 -2019 zishicilele ngokutsha apha ngokupheleleyo

INgxelo yeNjongo	<ol style="list-style-type: none">1. Ukunikezela ngazo zonke iinkonzo ezigunyazisiweyo kukufaneleka kwezikolo nokulandelwa kwamanqanaba okwaneliseka ngokusetyenziswa kweendlela zezikhalazo kunye nohlahlo lonyaka lokwaneliseka komthengi.2. Ukusetyenziswa kweenkonzo ze-intanethi ezikhulayo nezisetyenziswa ngokupheleleyo ukukhawulezisa unikezelo lwenkonzo nokupheliswa kokungafanelekanga ukulungiselela ukuba iWCED inikezele ngeenkonzo ezikolweni, kootitshala, abazali nabafundi nangaliphi na ixesha, naphi na (uLawulo lwekhompyutha)3. Ucwangciso lwemfundo kufuneka luqhutywe ngeenkukacha zolwazi nokuthatyathwa koxanduva
-------------------------	--

linjongo zeqhinga, imigqalisela yomsebenzi ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifizekiso ezizizo

Ezemali

IWCED ichithe ama-98.82%ohlhlo lwabiwo-mali olulungelelanisiweyo olwamkelweyo lowama-2016/17.

Iimali zasetyenziselwa ukuhlangabezana neenjongo zesiCwangciso sokuSebenza sika-2015 neenjongo ezintathu zeWCED. Yi-74.0%yohlhlo lwabiwo-mali eyayabelwe imbuyiselo yabaqeshwa (CoE), nangaphezu kweebhiliyoni eziyi-R1.464 eyabelwe iiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiqathango kwezi-6 nezinye iinkonzo ezingundoqo. IWCED lizibophelele ekuchitheni imali ngengqiqo ukwenzela ukuba liyisebenzisele ukuhlangabezana nezona mfuno zifuna inkxaso kakhulu.

Kwaba nokongiwa imali kwiiMali zaBasebenzi (CoE), ngokukodwa ngenxa yokuncipha kwenani labasebenzi abangesosigxina obekungalindelakanga (ngoJulayi nango-Agasti), izithuba zomsebenzi zootitshala nabasenzi bakarhulumente kwiSebe zizaliswe emva kwethuba elide nto leyo ebangele ukongiwa kwemali ngokuthi kuhlawulwe iimali ezongezelweyokubasebenzi ababambeleyo kwizithuba ezingaphezulu kwezabo.

Imali elondolozweyo iye yasiwa ekuphuculeni iziseko zophuhliso zezikolo noncedo olunikwe

izikolo ezijamelene nemingeni yemali. Iimali ziye zadluliselwa ezikolweni ukwenzela ukunika izikolo ezingahlawulisi imirhumo yesikolo, imbuyekezo yokuxolelwa ekuhlawuleni imirhumo yesikolo, izixhobo, nokuphungula amatyala eenkonzo zikamasipala kwanokuvelisa iincwadi zokufunda zokongeza zawo onke amaBanga.

IWCED liye laqhuba nokugxila kulawulo olufanelekileyo. UMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika kuphicotho lwakhe lwamaXwebhu eNgxelo-mali yoNyaka ka-2014/15 uye wagqiba kwelokuba la maXwebhu eNgxelo anike ingxelo lungileyo kuyo yonke imiba ephathekayo yemeko yeemali zeWCED. I-AGSA iphinda yagqiba kwelokuba iWCED ayinazibonisi zingafanelekanga ziphathekayo.

Iindlela zokuLawulwa kwaBasebenzi

Ulawulo lwamanani ezithuba ezabelwe ezikolo zeWCED lubaluleke gqitha kwimpumelelo yezemfundo ezikolweni.

Abacebisi phakathi koMphathiswa weMfundo eNtshona Koloni kwinani elikhoyo lootitshala elindleko, zokuthwalwa lisebe zowama-2017 kunye nolwahlulwa-hlulo lwezithuba ezindleko zinokuthwalwa lisebe phakathi kweNtloko yeSebe neMibutho yaBasebenzi kunye namaqela anomdla lwaqakunjelwa ngomhla woku-1 kuAgasti 2016. Ngokuthambekele kwimingeni yemali kuma wohlahlo lwabiwo-mali lwembuyekezo yomqeshwa olulungiselelwe iMTEF yowama-2016/2017 kunye neMTEF yowama-2017/2018, injongo engundoqo yeWCED yayikukuba kungancitshiswa inani lezithuba zootitshala kumaziko emfundo. Oku kwafezekiswa ngokuqaliswa kwemiqathango yokuncitshiswa kweendleko. Izithuba ezikhoyo ezifikelelwayo kowama-2016 zagcinwa kuma-32 039 kunyaka wokufunda wama-2017, ngenjongo yokugcinwa kozinzo kumaziko emfundo. Ukubekwa phambili ngokutsha kolwabiwo lwezinye izithuba kwenziwa kulwabiwo lwezithuba ezilungiselelwe unyaka wemfundo wama-2017 ukulungiselela ulwabiwo lwezithuba ezingama-49 kulungiselelwa uluhlu lwabafundi olulindileyo kunye nezidingo zenkxaso kubafundi abakwiZikolo eziZodwa. Amanqanaba athatyathiwe okuqinisekisa ukuba umndilili wetitshala/umfundi we-1: 37 kwizikolo zaseprayimari kunye ne-1:33 kwizikolo zamabanga aphezulu kufuneka ugcinwe.

Ezi theyibhile zilandelayo zinika ukwabiwa kwezithuba zomsebenzi kwiminyaka yokufunda ka-2011 ukuya ku-2017:

UNyaka wokuFunda	Izithuba ozabelweyo
2011	30 989
2012	31 091
2013	31 091
2014	31 357
2015	32 033
2016	32 039
2017	32 039

ISebe iWCED liyaqhubeka nokuzimisela ukuphucula umyinge (ratio) ophakathi kwabafundi: notitshala kwisiGaba esisisiSeko.

Ukufakwa okukhulu kootitshala abangenazo izithuba zengqesho (in excess) kubaluleke kakhulu ekuqinisekiseni ukuba izakhono zakho zisetyenziswa ngeyona ndlela kwanokuba abafundi bayaxhamla. Imivuzo ehlawulwe ootitshala abangenazo izithuba zengqesho linefuthe ekuqeshweni kwabafundi abadingekayo kwamanye amaziko. ISebe liqale unyaka wemfundo wama-2016 ngesambuku sootitshala abangama-321 abangaphezulu kwenani elidingekayo esikolweni. Ngomhla wama-31 kuDisembawama-2016 iWCED inciphise inani lootitshala abangenazo izithuba zengqesho abali-147, njengesiphumo sesicwangciso esiyiliweyo sohlengahlengiso lweetitshala. Olu lunciphiso lama-54%kwinani elingaphezulu leetitshala.

ISebe, emva kokunyuka kwenani lootitshala bonyaka wemfundo wama-2017elilungiselelwe izikolo zikarhulumente ngomhla we-19 Agasti 2016 kunye nezikolo zikarhulumente ezizodwa ngomhla wama-26 Agasti 2016, liqale ngenkqubo yokuchongwa kootitshala ekufuneka bechazwe njengabangaphezulu kuluhlu lwezithuba zesikolo/okanye abasele bechaziwe yaye kufuneka batshatiswe ze babekuthlekiswa nezithuba ezingazaliswanga zonyaka wemfundo wama-2017.

Babe ngama-446 ootitshala abangaphezulu kwenani kuluhlu lwezithuba zesikolo ekuqaleni konyaka wemfundo wama-2017. Njengoko kwakunjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2017

inani elipheleleyo leetitshala ezingaphezulu kwenani lincitshisiwe laba li-194 ngenxa yezithuba ezingazaliswanga ezikhoyo ezili-101 kunye ne-151 ababekiweyo abafakwe ngokutsha bethlekiswa nezithuba ezingazaliswanga. Oku kusisinciphiso esingama-57%kootitshala abangaphezulu kwenani elidingekayo. Isibonelelo senziwa kuluhlu lwezithuba zofikelelo ezilungiselelwe ootitshala abangama-250 abangaphezulu kwenani oludingekayo kunyaka wemfundo weama-2016 kodwa izithuba ezingaphezulu kwezidingekayo ezingama-200 kunyaka wemfundo wama-2017.

UMgaqo-nkqubo ongekhefu lokungabinawo amandla okusebenza no-Mhlalaphantsi weMpilo-mbi (PILIR) ujolise ekuqinisekiseni ukuba ngabo kuphela abanelungelo lokufumana ikhefu elihlawulelwayo abalinikiweyo, yaye nento yokuba kukho ulityaziso olungeyiyo imfuneko ekuvavanyeni ukuba nelungelo kwikhefu okjanye kwiintlawulo ezingaphezulu ukulungiselela abo bangenalo ilungelo kwikhefu.

ISebe libe nakho ukubeka uluhlu efanelekileyo olungama-358 kwabangama-717 kwabanebhasari yeFunza Lusaka abathe bagqiba izifundo zabo ekupheleni kowama-2015 ukulungiselela ukufakwa ezithubeni ngowama-2016 kwizithuba ezingazaliswanga. Oku kumele umlinganiselo wokufakwa ezithubeni ongama-49.9% wabanebhasari yeFunza Lusaka kwisithuba esisusela ngomhla woku-1 kuJanyuwari 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2017. Kufuneka iqatshelwe into yokokuba iphulo "fees-must-fall" libangele okokuba abafundi kwiyunivesiti ezithile bazigqibe iimviwo zabo zokugqibela ngoJanyuwari 2017 kuphela, nto leyo ebe nempembelelo kwinani eliqinisekileyo labanezidanga abafanelekileyo ukuba bangafakwa ezithubeni.

Ukuqala konyaka wesikolo ngo-2017, iWCED liye lagxila ekuqesheni ngokusisigxina ootitshala abatsha (abaquka abo bebefunde ngeBhasari iFunza Lushaka). Impumelelo yalo msebenzi wokukhangelwa kootitshala iye yaphelela ekubeni kugqibele ngokuqeshwa ootitshala abatsha abali-1 043. Bangama-1 126 bebonke ootitshala abaqeshwe ngokusisigxina ukuba baqalise ukusebenza ngomhla woku-1 kuJanyuwari ka-2017.

Ngo-2016/17 kuye kwanikwa ingqwalasela eyodwa kwizibhengezo nokuqeshwa kwamaSekela- Nqununu kunye neeNqununu. Ezi zithuba zibhengezwe kuluhlu ngalunye

Iwezintlu zezithuba zengqesho zeSebe iWCED nakwizintlu ezikhethekileyo zezithuba zengqesho kwaze yaye bezikuluhlu olubekwa phambili ukwenzela ukuqinisekisa ukuhamba kwakuhle kwenkqubo yokufakwa kwezicelo.

I WCED iqhubekile ukuqinisa inqobo yokutyumba kunye neenkqubo zokukhetha ezilungiselelwe iinqunnu, zoosikela nqununu nezentloko zesebe. Izixhobo zoVavanyo oluSekwe kuBugcisa (CBA) zasetyenziswa ukunceda kwinkqubo yokufunwa nokukhethwa kulungiselelwa izithuba zokunyuselwa ngowama-2016/17. Apho amaqumrhu olawulo awasisebenzisanga isixhobo seCBA njengenxalenye yenkqubo yokufunwa nokukhethwa; ugunyaziwe onikwe amagunya wamkele ukunyulwa kuxhonyekekwe kwinto yokuba utitshala otyunjweyo kutsha nje kufuneka kuxhonyekekwe kwiCBA ukulungiselela uphuhliso lobugcisa. INgxelo kumntu ngamnye incedile ukuphuhlisa lweziCwangciso zoPhuhliso lomntu ngamnye kulungiselelwa iinqununu ezisandula ukuqeshwa, oosikela nqununu kunye neentloko zamasebe.

linkcukacha zamanani kukuqeshwa kweenqununu ezintsha kwitheyibhile engasezantsi kubandakanywa ukuqeshwa kulungiselelwa isithuba somhla woku-1 kuEpreli 2016 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2017 nezibonisa ingqesho kuzo zonke izikolo zkarhulumente.

IiNqununu ezintsha ngonyaka ngamnye									
Izithili	Inani elipheleleyo lezikolo	2010	2011	2012	2013	2014	2015	2016	Isambuku
Cape Winelands	272	22	20	10	19	25	25	27	148
Eden & Central Karoo	219	13	12	9	27	32	17	27	137
Metro Central	210	30	14	6	24	38	22	26	160
Metro East	146	21	6	10	12	29	19	27	124
Metro North	208	16	10	16	14	30	13	33	132
Metro South	190	18	8	8	5	25	16	23	103
Overberg	83	9	5	4	9	18	5	2	52
West Coast	129	13	11	5	15	14	6	11	75
Isambuku	1 457	142	86	68	125	211	123	176	931

Ingcaciso noNxibelelwano

IiNkqubo zeNgcaciso yoLawulo lweMfundo

Ngowama-2016/17, iNkqubo eseMbindini yeNgcaciso yoLawulo lweMfundo yeWCED (CEMIS) yafuduselwa kwiqonga elitsha (PaaS) ukusebenza endaweni yetheknoloji egugileyo nokuphucula inkqubo yokufumana nomsebenzi njengomphumela. Ukufuduswa kuzele iziqhamo zokusebenza kakuhle ze kwavumela ukwandiswa ngaphezulu nokubandakanywa neetheknoloji zelo xesha. I CEMIS iqhubile ukuba yinkqubo yokubhaliswa kwabafundi ephambili yeWCED esingethe iinkqubo zoshishino. Inikezela ngeenkukacha zamanani eyinto ebalulekileyo kuthatyatho lwezizigqibo oluzinzileyo. Nangona iDBE ibhengeze i-LURITS njengomthombo wesizwe wokubhaliswa kwabantwana, ngoko kuyekwa ukuqhutywa okugunyazisiweyo kweMvavanyo zoNyaka zeSikolo (ASS) kunye neemvavanyo zoSuku lwe-10 (SNAP), iWCED ikhethe ukugcina umilisele lwekhompyutha lwezi mvavanyo ukuqinisekisa ngokuqhubeka kokubonelele ngeenkukacha zamanani ezithembekileyo.

Isixhobo sarhoqo ngekota sokubekwa kweliso kwisikolo sasetyenziswa ngamagosa esithili ukulandela inkqubela kwimimandla ethile yenkxalabo ngokusetyenziswa kwe-EduInfoSearch. Izicwangciso zophuculo lwezikolo zafakwa kwiCEMIS. I WCED ngokunjalo yayicokisisa ngakumbi imodyuli yeNgcaciso yoLawulo loKkwamkelwa eSikolweni ekwi-CEMIS ze yanceda izikolo nezithili ezifaka abantwana kulungiselelwa owama-2017.

Inkqubo ye-e-Recruitment yeWCED ukulungiselela ootitshala ibonisa iyimpumelelo yaye iyabonelela kukufaneleka okwandisiweyo kwiinkqubo nokuchongwa kwabagqatswa abafanelekileyo. Zonke izithuba ezingazaliswanga zibhengezwa kusetyenziswa inkqubo yekhompuyutha yaye izicelo zinokwenziwa kuphela kusetyenziswa le nkqubo. Ukuza kuthi ga

ngoku abasebenzisi abangama-63 074 babhalisela yaye abasebenzisi abangama-34 749 sele bekuqumbele ukufakwa kweenkcukacha ngabo kule nkqubo. ICandelo II (inkqubo ezenzekelayo yequmrhu lolawulo) lalingwa ngempumelelo ngowama-2016 kunye neshedyuli epheleleyo yiokuqaliswa elungiselelwe owama-2017.

Unxibelelwano

Imfundo iqhubile ukuba ngumcimbi omkhulu womdla wabachola-choli bendaba, kubonakala oku ngenani elipheleleyo leengxelo ezichaphazela iWCED. Inani lezi ngxelo zande ngama-46.3%, ukususela kuma-4 305 in 2015/16 ukuya kuma-8 018 ngowama-2016/17.

IWCED ibe nakho ukuba namaphulo amane ngowama-2016/17, ukuxhasa iinjongo zeqhinga ezingundoqo kunye namalinge.

La abandakanya iphulo elibanzi lonomathotholo ukunikezela ngamacebo kubazali ngentlo abanokuthi bayenze ekhaya ukunceda ukwakha amakhono abantwana babo kulwimi nakwimethametika. Iphulo libandakanya amathuba angama-294 onomathotholo ngeelwimi ezintathu kwizikhululo ezisithoba zonomathotho ezikuwo onke amaphondo.

I WCED ikhuphe upapasho olumibala-bala kubagqatswa beNSC abangama-54 000 oluqulathe amacebo okufunda kunye nomzekelo wamaphepha emviwo ezifundo ezibhaliswe kakhulu ezisixhenxe ukunceda abafundi bakaGreyidi 12 ukulungiselela iimviwo zeNSC zowama-2016.

Isebe lisebenzise upapasho lwendaba lwedijithali ukukhuthaza umdla kwi-eLearning, lakhe umdla welinga lephondo le-eLearning Game Changer, nokukhuthaza ootitshala ukuba bavelise imathiriyeli yedijithali yokufundisa nokufunda.

Imathiriyeli yePhulo ibandakanye iividiyo, iwebhusayiti yephulo, upapasho kubapapashi bentlalo, nakuFacebook. IiVidiyo ziveliselwe iphulo loikutsala umdla wababukeli abangaphezulu kwama-76 000, ngeli thuba iphulo leFacebook libhalise ngaphezulu kwezigididi ezi-2.8.

I WCED isebenzisa umxube wopapasho lwedijithali nolwesiqhelo ukulungiselela iphulo lokuBhaliswa kwabafundi ngowama-2018 kwangethuba ngowama-2017. Iphulo libandakanya ubhengezo kumaphepha-ndaba oluntu ali-15 kunye nezitishi zonomathotholo ezihlanu. Iphulo ledijithali lijolise uluntu oluthile kusetyenziswa iFacebook kunye neentlelo ezikwikhompyutha zamaphepha-ndaba anemifanekiso.

Isebe lenze uqalelo olubhekiselele ekukhuthazeni uNyaka wooTitshala njengomxholo ongundoqo wama-2017, kusetyenziswa iiposta kwi-ofisi eyintloko kunye nokuphawulwa kwiwebhusayiti yeWCED.

Inkqubo yekhompuyutha yeWCED, iwebhusayiti yeWCED itsale umdla yotyalelo olulodwa lwabangaphezulu kwesigididi esi-1.1 (1 149 436) ngoFebruwari wonyaka-mali wama-2016/17. Iiprojekti ze-intanethizibandakanya ulungiso oluqhubekayo lwe-ePortal, icandelo elingundoqo lweprojekti ye-eLearning Game Changer. Oku kubandakanya umsebenzi wokuqulunqa

ikharityhulam ukulungiselela ukuchonga izihloko kuso nasiphi na isifundo esilungiselelwe nayo nayiphi na igreyidi ethi idinge okuqulathwe kwidijithali. Lo msebenzi uyaqhubeka.

Isebe liphuhlise isicwangciso esicalulweyo se-ikhosistim ye-elearning esiya kuncedisa kuphuhliso oluqhubekayo lwenkxaso yekhompuyutha elungiselelwe ukufundisa nokufunda.

I WCED iphuhlise unxibelelwano lwekhompuyutha olulungiselelwe uqukuqelo lwezifundo zeTelematikhi kubafundi beGreyidi 11 kusetyenziswa iYouTube, oluthi lunikezele ngomzekelo wendlela yokusebenzisa itekhnoloji yedijithali ukulungiselela ukusekwa kwamagumbi okufundela.

Okuqaqambileyo konyaka kwiiNkonzo zoNcedo loMxhamli-nkonzo zeWCED kubandakanya ukufunyanwa kweBhazo lesiNyithi njengeQela eliGqwesileyo leBatho Pele, elinikezelwe yiNkulumbuso njengenxalenye yamaBhaso eNkonzo eGqwesileyo.


ICandelo: loNxibelelwano luvulise okanye luncede ngokuvelisa uludwe lopapasho, kubandakanywa iNgxelo yoNyaka yeWCED; isiCwangciso soNyaka sokuSebenza; iWCED@work, incwadana yendaba yangaphakathi; kunye nephepha-ndaba leWCED uHlaziyo lweMfundo.

UVavanyo loKwaneliseka koMxhamli wenkonzo lweWCED lwaqhutya okwesibhozo ngowama-2016. Zonke izikolo kwiphondo zavavanywa okokuqala akwathathwa sampulu njengeminyaka engaphambili. Kunyaka ngamnye, ootitshala abahlanu besikolo ngasinye, abakumanqanaba ezithuba awahlukeneyo, bazalisa uluhlu lwemibuzo.

Isihloko somsebenzi	Inani labaphenduleyo	% yabo BONKE
Inqununu	722	23%
ISekela leNqununu	360	11%
INtloko yeSebe	541	17%
UTitshala oyiNtloko	191	6%
UTitshala	885	28%
Omnye	432	14%
	3 131	100%

Ngokupheleleyo le milinganiselo ibonisa ukuphucuka okuqhubayo kumanqanaba endlela ekucingwa ukuba zinikwa ngayo iinkonzo.

Inkxaso yeOfisi eyiNtloko naBalawuli beziThili zeMfundo						
ICandelo	Ixesha	Kugqwesile	Kakuhle	Kuyancomeka	Kubi	Kubi kakhulu
IOfisi eyiNtloko	Yr2014	2%	31%	55%	10%	2%
	Yr2015	3%	33%	52%	10%	1%
	Yr2016	4%	35%	53%	7%	2%
Ii-ofisi zesiThili zeMfundo	Yr2014	7%	47%	40%	5%	0,3%
	Yr2015	9%	50%	38%	3%	0%
	Yr2016	10%	49%	37%	3%	0%
Utyelelo lwezikolo lwenkxaso yeKharithulam	Yr2014	7%	42%	41%	9%	2%
	Yr2015	9%	42%	36%	11%	3%
	Yr2016	8%	44%	41%	6%	1%
Inkxaso yeCM	Yr2014	17%	44%	35%	3%	1%
	Yr2015	19%	48%	28%	4%	1%
	Yr2016	20%	46%	31%	3%	0%



Ukuthatyathwa koxanduva

Onke amagosa athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula okubonakaliswe ziingcaciso zemisebenzi zawo kunye nezivumelwano zentsebenzo. AmaGosa e-Ofisi eyiNtloko athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngenkxaso yobungcali ekufuneka inikwe kwangexesha kwizithili zemfundo. Izithili zemfundo zithweswe uxanduva lokuphendula malunga nenkxaso emayinikwe nangendlelaabaqhuba ngayo ootitshala nabafundi.

Zonke izikolo ziziqukumbele kwi-intanethi iziCwangciso zokuPhucula izikolo (iiSIP), zinokujoliswe kukokweminyaka emi- 3. Ezi SIP zicacisa amanyathelo aya kuthathwa sisikolo ngasinye ukufezekiswa kokujoliswe kuko kokubekwe kwiSIP yaso. Ixabiso lesicwangciso sophuhliso esenziwa kwi-intanethi lelokuba zonke izikolo zigxininisa kungenelelo loncedo lophuculo oluphambili. IiSIP zikwayinxalenye yendlela yokumelwa kukuphendula, nanjengoko abo basayina esi sicwangciso iyingqununu, iSGB neWCED.

Ngo-2016/17, iWCED iye yaqalisa inkqubo yokuBekwa kweliso loPhuculo lweZikolo olwenziwa rhoqo ngekota, olunxulumene neziCwangciso zoPhuculo lweZikolo. I-SIM ka-2016/17 iye yandelela ukusetyenziswa kweencwadi zezifundo neencwadi zokusebenzela kunye nemiba

ephambili yokufumana izixhobo ezincedisa ukuqhuba kakuhle komsebenzi wesikolo. Ngenxa yokuba iingxelo zifakwe kwi-intanethi, idatha inokufunyanwa yaye isetyenziselwe ukunika inkxaso ekhawulezileyo. Ngokukodwa, idatha yenza ukuba iSebe iWCED lihlale linolwazi ngokusiwa kweencwadi zokusebenzela kunye neencwadi zezifundo ezikolweni.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kwandiswe ngeendima zokongamela ezidlalwa liCandelo loLawulo-mali likaNondyebo lePhondo nelikaZwelonke. Onke amacandelo aphantsi kweSebe iWCED anamacandelo asebenzisana nawo kwiSebe leMfundo esiSiseko apho kugcinwa khona iingxelo ezilandelelanayo, ingcaciso ngocazululo lwentsebenzo noqikelelo lokuza kwenziwa. ISebe leNkulumbuso lenza umsebenzi wokongamela iiprojekthi eziphambili zeWCED ezithi zilandelelwe ngenkqubo ye-Provincial Dashboard kunye ne-toolkit yeprojekthi zekhompuyutha. Iinkqubo zophicotho-ziincwadi lwangaPhakathi nolwangaPhandle ilawula iinkqubo zolawulo zize zincedise ekuqinisekiseni ukusebenza ngendlela eyiyo nolawulo ngobulumko.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kuhleli kubudlelwane obumiselweyo obuphakathi kweSebe iWCED no-UMALUSI, oliqumrhu loqinisekiso lomgangatho likazwelonke elijongene neziphumo zokufunda. Eli qumrhu linika isiqinisekiso seziphumo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. Umsebenzi wabo uquka ukumodareyithwa kweenkqubo zokuhlola nezeemviwo eNtshona Koloni

Ngokufanayo nawo onke amanye amasebe karhulumente kwilizwe ngokubanzi, iSebe iWCED liye lathatha inxaxheba kwinkqubo yokubeka esweni kazwelonke, isiXhobo sokuHlola ukuSebenza kwabaLawuli (MPAT) enamacandelo ama-4 olawulo: UCwangciselelo lokuSebenza (Strategic Planning), imiCimbi yabaSebenzi, ukuLawula noThatha uXanduva kunye noLawulo lwezeMali. I-MPAT ijonge ukujonga ukuba amasebe akayilandeli na imimiselo, ayayilandela na okanye asebenza kakuhle kwezi nkalo.

UVavanyo lweSikolo Siphela, luqhuba iintsuku ezi-3 okanye kwezi-5, ngokuxhomekeke kubungakanani besikolo, isekelwe kwiinkalo ezilithoba ezihlolwayo ezicaciswe kumgaqo-nkqubo weWSE: i)Ukusebenza kweSikolo okungundoqo; ii)ubuNkokeli, ulawulo nonxibelelwano; iii) ukuPhatha nobudlelwane; iv)uMgangatho wokufunda nokufundisa nophuhliso lootitshala; v)uKufundiswa kweKharityhulam nokunikwa kwezixhobo); vi)ukuPasa kwabafundi; vii)Ukhuseleko lweZikolo, uKhuseleko nokuziphatha;viii) iZiseko zoPhuhliso zeSikolo; ix)naBazali nabahlali.

Izikolo ezili-129 ezihlolwe ngo-2016/17. Kwenziwe uhlolo olupheleleyo kwizikolo ezingama-75 kwaze kwenziwa ingqwalasela yohlolo, kusekelwe kwimimandla emine yohlolo, kwenziwa kwizikolo ezingama-54 ukususela ngoMeyi ukuya kuAgasti 2016. Okufunyanisiweyo kuye kwasasazwa kuhlolo oluqwalaseleyo nakuluhlu lweengxelo ezongeza kwiingxelo ezinzulu ezizimeleyo, ezinikwe eso sikolo kuthethwa ngaso.

ULingo lwangaphambili kunye nolingo luqhutywe kulungiselelwa ukuhlaziywa koyilo lovavanyo lwezikolo. Izikolo ezilishumi elinesibini (12) zabandakanywa kuyilo lwangaphambili ngo-Oktobha 2016 ukuhlola ishedyuli yovavanyo nemigangatho. Izikolo ezingama-24zabandakanya kulingo ukususela ngoFebruwari ukuya kutsho kuMatshi 2017 ukuhlola iinkqubo ezifana nesithuba sokwazisa esifutshane, ixesha elifutshane leentsuku ezi-2 nokunikwa kwengqwalasela kwisifundo kumagumbi okufundela.

Konyulwe iBhunga lesibini lezeMfundo lase Ntshona Koloni, elonyulwe ngokweMimiselo enxulumene neBhunga lezeMfundo kwiPhondo leNtshona Koloni. Ibhunga elitsha linamalungu amatsha namadala, liza kusebenza iminyaka emi-3, linika iingcebiso umphathiswa wephondo kunye neSebe iWCED kwimiba ephathelele nokunyusa umgangatho wolwimi nemathematika, ingakumbi kumabanga esi 8 ne 9 nakwizifundo ezisisiseko; ukuhlanganiswa kwe ICT kwigumbi lokufundela; ukunyusa indima edlalwa ngabazali, eyingxaki eqhubekayo kwilizwe lonke; neendlela zokuqinisekisa ukuba bonke abantu ababandakanyekayo kwezemfundo bayakuphendula kokumele kwenziwe.

liNjongo zeQhinga

INkqubo 1							
liNjongo zeQhinga	Izifzekiso ezizizo 2013/2014	Izifzekiso ezizizo 2014/2015	Izifzekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
1.1.1 Isicwangciso soPhuhliso sootitshala	Intsha	Intsha	Isicwangciso siyiliwe	Isicwangciso siyiliwe	Isicwangciso siyiliwe	Ayikho	n/a
1.1.2 Ootitshala baya kuqeqesho lweveki ezimbini eCape Teaching and Leadership Institute	Intsha	Intsha	1 947	1 250	1 215	- 35	Okunikezelweyo kujoliswe kuluhlulwe loweeseshoni zabaxhamli abanye ukwejzela okunikezela ngenkxaso ebanzi kwinkqubo yongenelo lweGreyidi R – 3.
1.1.3 Inani lootitshala abazimase uqeqesho luhlangeneyo lweICT	Intsha	Intsha	Intsha	3 000	7 352 in 368 sessions	4 352	Ukuqonda msinyane kootitshala kwakuvuselela
1.2. Inani lezikolo ezisebenzisa ulawulo leenkonzelo lwekhompyutha ukwenza ushishino	Intsha	Intsha	1 522	1 516	1 517	1	Zonke izikolo zisebenzisa iinkonzo zolawulo zekhompyutha ukwenza umsebenzi

Imigqalisela yomsebenzi

INkqubo 1							
INkqubo yokuLinganisa uMsebenzi	Izifzekiso ezizizo 2013/2014	Izifzekiso ezizizo 2014/2015	Izifzekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
PPM 101: Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa iinkqubo zolawulo lokuphathwa kwezikolo (nolawulo lweenkqubo ukulungiselela ukunikezela ngeenkukacha zamanani ngekhompyutha) kwinkqubo yesizwe yokulandelwa kwabafundi	Intsha	1 524	1 522	1 516	1 517	1	I-100% yezikolo ezivuliweyo ezisebenzisa iinkqubo zolawulo lokuphathwa kwezikolo (nolawulo lweenkqubo ukulungiselela ukunikezela ngeenkukacha zamanani ngekhompyutha) kwinkqubo yesizwe yokulandelwa kwabafundi.
PPM102: Inani lezikolo zikarhulumente ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (nge-imeyile)	Intsha	1 524	1 522	1 516	1 517	1	I-100% yezikolo zikarhulumente ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (Nge-imeyile).
PPM103: Ipesenti yenkcitho yangoku (current expenditure) kwezemfundo emalunga nezinto ezinganxulumene nabasebenzi	21.52%	19.42%	18.87%	19.85%	21.36%	- 1.51%	Iyantlukwano ibangelwe yinkxaso-mali ethe yafunyanwa ngethuba lenkqubo yoQikelelo loLungelelaniso ukuphelisa unxelelo lwemali kwizikolo zesiqhelo zikarhulumente. Imimandla emibini engundoqo apho

INkqubo 1							
INkqubo yokuLinganisa uMsebenzi	Izifizekiso ezizizo 2013/2014	Izifizekiso ezizizo 2014/2015	Izifizekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifizekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifizekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
							uxinzelelo lukhoyo nalapho le nkxaso-mali yangezelelweyo yabekwa phambili kwakhona ibe kwizithethe nemigangatho kunye neenkonzozo zikamasipala.
PPM104: Inani lwezihlandlo zotyebilelo olwenziwa ngamagosai eziThili ezikolweni besiya kujonga umsebenzi benika nenkxaso	Intsha	Intsha	1 522	1 516	1 517	1	I-100% yezikolo zatyelelwa ngamagosa esithili ukulungiselela ukubekwa kweliso neenkqubo zenkxaso.

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi komgangatho olindelweyo

Oku kulandelayo ngamaqhinga aphambili eWCED lokulungisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo:

- Ukubonelelwa ngezithuba eziqinisekisa ukuba ootitshala bafakwa kwizikolo zokubangqamanisa neemfuneko zezo zikolo.
- Ukukhangelwa, ukuchongwa nokuqeshwa kweenqununu (uqwalasela ukuphucula iinqobo zokukhetha noqeqesho lweSGB ngokumalunga noku; amathuba oqeqesho abo banqwenela ukuba ziinqununu).
- Ukuqwalasela ukuqeshwa nokunikwa inkxaso kweNtloko zeZifundo namaSekela-Nqununu ezikolweni
- Uqeqesho lweelitshala namagosa njengoko kuyimfuneko
- IziCwangciso zoPhuculo lweZikolo, iziCwangciso zoPhuculo lweziThili, ukuBekwa kweliso kuPhuculo lweZikolo
- Ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweenkqubo ze-intanethi ukulungiselela ukukhawulezisa ukuqeshwa ngokukhawuleza kwizithuba nokunikwa kweenkonzo
- Inkqubo yokuxolelwa kwintlawulo yeefizi kwizikolo ezikumaNqanaba 4 no- 5
- Uncedo kwizikolo ngokumalunga netyala likamasipala
- INgxelo yeCandelo loLawulo lwaNgaphakathi ukulungiselela ulawulo ngokubhekiselele kukungahambelani nentsilelo kulawulo lwangaphakathi
- Ukuhlolwa kweenkqubo zokwenziwa komsebenzi njengoko kuyimfuneko
- Ukuqinisekisa uphuculo lomgangatho oluqhubelekayo ekusetyenzisweni kweenkqubo zokuchongwa kwabathengisi nokuthengwa kweempahla neenkonzozo zikarhulumente Ukuhlaziywa kwazo zonke iirejista zeeasethi qho ngekota

Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Azikho

Inkciitho eyenzeke kwiNkqubo 1 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeWCED:

- Ukulawulwa kwabasebenzi beWCED, ukukhangelwa kootitshala kunye nabasebenzi bakarhulumente, uphuhliso lwabasebenzi kunye nolawulo lwentsebenzo, intlalo-ntle yabasebenzi kunye nobudlelwane phakathi komqeshi nabasebenzi.
- IsiCwangciso seQhinga seWCED, iingxelo zekota ezimalunga nokuma kweziko eli, nendlela eziqhuba ngayo izikolo neNngxelo yoNyaka yeWCED
- Ukwenziwa kwamaxwebhu ezicwangciso zezemali nawokunika ingxelo, kuquka iiNgqikelelo zeNgeniso neNkciitho yePhondo (EPRE), iingxelo zoqwalaselo olwenzeka lwaphakathi enyakeni (IYM) olwenzeka qho ngenyanga, neengxelo-mali zethutyana nezonyaka.
- Ukuthengwa kwee-asethi, iimpahla neenkonzelo ngokuhambelana neenjongo zeqhinga zeSebe njengoko kubonisiwe kwisicwangciso esamkelweyo sokuthengwa kwempahla.
- Ukulungiswa kwerejista yee-asethi zeWCED
- Izinto ezoCwangciso ezamkelweyo zokuthengwa kwempahla zamiliselwa ngethuba yaye inkqubela phambili iyanikezelwa rhoqo ngekota
- Iintlawulo eziya kubathengisi zingadlulanga iintsuku ezingama-30
- Ulolongo nophuhliso olungaphezulu lweNkqubo eseMbindini yeNgcaciso yeMfundo.

Inkciitho yeNkqutyana

Igama leNkqutyana	2016/17			2015/16		
	ULwabiwo lokugqibela	Inkciitho eyiyo	Inkciitho engaphezulu/engaphantsi	ULwabiwo lokugqibela	Inkciitho eyiyo	Inkciitho engaphezulu/engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
1.1 IOfisi yomPhathiswa wePhondo (MEC)	6,922	6,922	-	7,663	6,917	746
1.2 IiNkonzo zeNkxaso	276,672	269,148	7,524	284,579	263,987	20,592
1.3 ULawulo lwezeMfundo	1,122,194	1,047,295	74,899	990,251	928,826	61,425
1.4 UPhuhliso lweZibonelelo	1,506	1,506	-	1,552	1,552	-
1.5 INkqubo yeNgcaciso yoLawulo lweMfundo (EMIS)	20,060	20,060	-	33,327	29,406	3,921
Iyonke	1,427,354	1,344,931	82,423	1,317,372	1,230,688	86,684

4.2 INkqubo 2: IZikolo zeMfundo zikaRhulumente

Injongo

Ukunika imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukususela kwiBanga loku-1 ukuya kwiBanga le-12 ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 noXwebhu lweNgcaciso yeMiba 6 emalunga nemfundo equkanisayo. Ukuquka ne-eLearning.

INkqubo yeZikolo zeMfundo eziQhelekileyo zikaRhulumente iqulethe ezi nkqutyana zilandelayo⁴:

INkqutyana 2.1: IZikolo zasePrayimari zikaRhulumente

Ukunika izikolo zaseprayimari ezikhethekileyo eziqhelekileyo zikarhulumente (kubandakanywa nezemfundo ebandakanyayo) izixhobo ezifunekayo kwiGreyidi 1 ukuya kweye-7.

INkqutyana 2.2: IZikolo zaseSekondari zikaRhulumente

Ukunika izikolo zasekondari ezikhethekileyo eziqhelekileyo zikarhulumente (kubandakanywa nezemfundo ebandakanyayo) izixhobo ezifunekayo kwinqanaba zeGreyidi -8 ukuya kwele-12.

INkqutyana 2.3: UPuhhliso lweCandelo lezabaSebenzi

Ukunika iinkonzo zesebe uphuhliso lwezemfundo nolunye uphuhliso kootitshala nakwabangezotitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kubandakanywa nezemfundo ebandakanyayo).

INkqutyana 2.4: Iminikelo eKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile

Ukunika iiprojekthi eziphantsi kweNkqubo 2 ezichongwe liSebe leMfundo esisiSeko nezixhaswa ngeminikelo ekhutshwa phantsi kwemiqathango.⁵

liNjongo zeQhinga⁶

Inkqubo 2: liNjongo zeQhinga	
INjongo yeQhinga2.1.	UPhuhliso nomiliselo lamaQhinga loLawulo lweKharithyulam neNkxaso
INgxelo yeQhinga	<ol style="list-style-type: none"> UPhuhliso nomiliselo lweqhinga lolwimi oluqinisekisa okokuba <ul style="list-style-type: none"> Bonke abafundi bayahlangabezana nezithethe ezisekiweyo zokufunda kakuhle nokubhala ngeGreyidi nganye kwizikolo zawepayimari Inkqubo yoqeqesho eyenziwa usengqeshweni esekwe kwiimfuno ezichongwe ngokusetyenziswa kohlahlelo lohlolo lolwimi lweGreyidi 3, 6 kunye neyesi-9 kunye nee-ANA Ukuphuhlisa nokumilisela iqhinga lemethametika elithi liqinisekise okokuba <ul style="list-style-type: none"> Kukho ingqwalasela kwingqikelelo yolwazi lweMathematika yesiseko kwiNqanaba lesiSeko. Kwiminyaka yaphambi kwesikolo esisesikweni ingakumbi kuGreyidi R, kukho ugxininiso kumakhono angaphambi kwamanani. Kukho ugxininiso ekuphuculeni kokulunga kokufundiswa kweMathematika kulo lonke ixesha lokuhanjwa kwesikolo kunikwa ingqwalasela kokufundiswa kweMathematika kwinqanabab eliphakathi Abafundi bezikolo zamabanga aphezulu abanekhono lokwenza iMathematika bayachongwa ze babhaliselwe iMathematika. Ukuphuhlisa nokumilisela kwesicwangciso solawulo lwekharithyulam ukulungiselela ukuphuhlisa kweNzululwazi nezifundo zoBuchule Ukuphuhlisa njokumilisela kwesicwangciso solawulo lwekharithyulam ukulungisa iimfuno ezithe ngqo kumacandelo esiSeko nesiPhakathi. Ukuphuhlisa nokumilisela kwesicwangciso sokusebenza ukuxhasa izikolo kucwangciso lwazo lokunikezela kwekharithyulam.
INkqubo 2: liNjongo zeQhinga	
INjongo yeQhinga2.2.	Ukuqinisekiswa kokuphuculwa nolawulo lwesikolo
INgxelo yeQhinga	Ukuphuhlisa kweenkqubo zenkxaso neeshedyuli zongenelo, ezishwankathelwe kwisiCwangciso sesiThili sokuPhucula, esinikezela oku kulandelayo:

⁴INkqutyana ziyinxalenye yetemplethi yamacandelo kazwelonke yaye nenkxaso-mali yeCandelo loLawulo-mali. Iimali ezikwiNkqubo 2 zinikelwe ukujongana nohlahlo lwabiwo-mali olungundoqo lweWCED yaye iquka imivuzo yootitshala. iziseko zophuhliso kunye neendleko zokunikwa kwezixhobo kunye nenkqubo yokutyiswa kwezikolo.

⁵ Iinkonzo zemidlalo yeziikolo, inkcubeko ngezopapasho azibandakanywanga njengenkqutyana nanjengoko eNtshona Koloni lo msebenzi uphantsi kweSebe leMicimbi yeNkcubeko

⁶liNjongo zeQhinga njengesicwangciso seQhinga sowama-2015 -2019 ziyashicilelwa apha ngokupheleleyo

	<p>1. Ukuqinisekisa ulawulo lwekharithyulam kuwo onke amabanga esikolo, ingakumbi kwiCandelo lesiSeko</p>
INjongo yeQhinga2.2.	Ukuqinisekiswa kokuphuculwa nolawulo lwesikolo
INgxelo yeQhinga	<p>2. IziCwangciso zoLawulo lweSikolo ziyakujongana neemfundo zokufunda zabafundi ngempumelelo ehigh school.</p> <p>3. Ikrayiteriya yokuqesha iyakuquka umsebenzi wenqununu ube kukulawula inkqubo zekharithyulam ezikolweni</p> <p>4. I-SMT iza kuxhaswa ekujongeni yonke imiba yolawulo lwesikolo, kuquka isimilo esiphazamisayo kunye nokungayi esikolweni, etc.</p> <p>5. Ulawulo lwesikolo luyakuqinisekisa ugxininiso olujoliswe kubafundi 6. Ulawulo lwesikolo luyakwamnkela uxanduva lwezinto abazenzileyo.</p> <p>7. Uqeqesho nenkxaso yamalungu oMbuthe woLawulo lweSikolo, nokubeka iliso kwindima yabo nomsebenzi wabo.</p> <p>8. Ukuphucula ukuxhaphaka nomgangatho wokubeka iliso kwiinkonzo zenkxaso ezinikezelwa ziifisi zezithili ezikolweni</p>
INjongo yeQhinga2.3.	Qinisekisa ukuba kunikezwa imfundo ekwinqanaba eliphezulu kubo bonke abafundi ingakumbi abona bahluphekayo.
INgxelo yeQhinga	<p>1. Yandisa ukufikeleleka kumathala eencwadi nakwizixhobo zokufunda ngeprogram yokwakha nokuphucula izakhiwo, intsebenziswano namathala eencwadi ephondo nakamasipala, ukuthengwa kwematiriyeli yamathala eencwadi ngemali-nkxaso ye norms and standards nokwenziwa komsebenzi wobuchule be-elearning.</p> <p>2. Lungelelanisa intsebenziswano ukuze kuxhamle abafundi kunye nabo bonke abadlala indima, amanye amasebe karhulumente, oomasipala nabazali. Iprogram kufuneka iphucule umgangatho noqeqesho labalawuli bezikolo wandise inkxaso yabazali kubantwana babo nakubantwana besikolo.</p> <p>3. Yenza umsebenzi wokuhlanganisa izikolo (school mergers) ekuza kuxhamla kuzo abafundi, ucwangcise ukusetyenziswa kwehostele zonke kwakunye nempumelelo yokwenza iiruti zezithuthi</p> <p>4. Qinisekisa ukugxininisa emaphandleni xa kunikezwa isicwangciso semfundo.</p> <p>5. Qinisekisa ngokufikeleleka kokunikezelwa kwekharithyulam. Oku kuquka ukunika iingcebiso ekukhethweni kweesabhjekthi kunye nezifundo zevocational neziteknikal kubafundi bonke kwindawo ezikhethiweyo.</p> <p>6. Nikezela ngezakhiwo (bona iNkqubo 6) nezixhobo (equipment) ukuxhasa ukufunda nokufundisa kwakunye nokunyusa iziphumo zokufunda.</p> <p>7. Yenza umsebenzi weprogram ye-elearning ukomeleza ukusebenza kwemfundo</p>
INjongo yeQhinga2.4.	Nikezela inkxaso yentlalo neqonga yokuphuhlisa ulutsha
INgxelo yeQhinga	<p>1. Qinisekisa ukuba zonke izikolo zifumana inkxaso engephi ngomfundi ngamnye.</p> <p>2. Nikezela ngemfundo esisimahla kubafundi abanabazali abangakwazi ukuhlawula imali yesikolo ebizwa sisikolo, ezo zikolo zenze izicelo zokungahlawuli imali yokufunda</p> <p>3. Yandisa inani lezikolo ezingahlawulisi mali, ukuba ikhona imali.</p> <p>4. Yonyusa ukufikeleleka kwenkonzo zempilo ezikolweni ngenkqubo yokutyisa abafundi nangekliniki ezihambayo</p> <p>5. Jongana neemeko zokhuseleko ngeprogram yezikolo ezikhuselekileyo (safe schools programme) ngokubambisana namanye amasebe</p> <p>6. Nikezela inkxaso esebenzayo malunga nokukhethwa kweesabhjekthi nengcebiso zamakhono. Xhobisa ootitshala ukuze bakwazi ukujongana neemfundo zabafundi bagxininise kumfundi omnye: bancedise ekukhetheni isabhjekthi kwibanga le 9; banikezela ngengcebiso zokufunda; nolunye ulwazi oluyimfuneko baze baqinisekise ngenxaxheba yabazali nonxibelelwano.</p>
INjongo yeQhinga2.4.	Nikezela inkxaso yentlalo neqonga yokuphuhlisa ulutsha
	<p>1. Yenza umsebenzi wesiCwangciso sokuPhuhlisa ulutsha ngokwenza oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> - Xhasa iSupport for Mass Opportunity and Development Centres, nokunikezela inkxaso kubantwana emva kwesikolo ingakumbi kwindawo ezingakwaziyo ukugcina abafundi kumagumbi okufundela. - I-Internships (Premiers Advancement of Youth, Graduate Internship Project, Western Cape Youth Gap Year Project) – phuhlisa amakhono nolwazi olujoliswe ekulungiseleleni umsebenzi nokwandisa ingeniso. - Uphuhliso lwamakhono – ukufunda umsebenzi wezandla nowe-occupational. - ULawulo loKhuseleko lweMfundo – phuhlisa iinkqubo zongenelelo ezinyusela izikolo ezikhuselekileyo, ukhuselo lwezikolo zasekuhlaleni nokhuseleko labafundi. - Iinkokheli zoLutsha neKhansile zabaMeli babafundi (RCL) – phuhlisa amakhono nolwazi olujoliswe kuphuhliso lwenkokheli. -Ezempilo, ukunanekelelwa nekxaso – HIV/AIDS neeprogram ze peer education - I-School enrichment – phuhlisa amakhono nolwazi olungajoliswanga ekwandiseni ingeniso, umz. I-civic education, ukunqanda ungquzulwano, imali/ ukulawula amatyala, ezempilo.

liNjongo zeQhinga, imigqalisela yokusebenza, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nokufezekisiweyo okukuko

Ubhaliso lwabafundi

Abantu baseNtshona Koloni bakhule nge-28.7% phakathi ko-2001 no-2011 kwaye elinani liqhubeka ngokukhula. Ngokokubalwa kwabantu ngo-2011 yi Statistics South Africa (StatsSA), iNtshona Koloni likhaya kubantu abangama-5 822 734, bamele i-11% yabemi baseMzantsi Afrika bephelele

Njengokuba kulindelekile, landile inani labafundi ababhalise kwizikolo zikarhulumente. Nangona kunjalo ulwabiwo lwamanani lunika umdla njengoko kubonisiwe ngasezantsi.

Icandelo	2013	2014	2015	2016	Umahluko
					2013 – 2016
IBanga R kwizikolo ze PO	59 565	63 492	64 648	65 231	5 666
IBanga – 7 kwizikolo ze PO	603 430	617 424	639 197	660 442	57 012
IBanga 8 – 12 kwizikolo ze PO	343 616	346 017	344 906	338 483	-5 133
Izikolo ezineemfuno ezizodwa	19 627	18 702 ⁷	18 777	18 854	-773
Umthombo: Annual School Survey 2016					

Owona mba mnye mkhulu ufuthela lonke ucwangciso nolungiselelo kwezemfundo ngulowo wokubhaliswa kwabafundi. IWCED isebenzise iinkcukacha zamanani ovavanyo yeSaveyi lwamakhaya jikelele kunye nokucacululwa kwezinye izinto ezibonakala kule datha ukwenzela ukuncedisana nezo ngqikelelo zobhaliso lwabafundi eziyinxalenye engundoqo yokuqhuba iinkonzo zezemfundo kweli phondo. Ukufunda nokufundisa okusebenzayo kuxhomekeke ekufumaneni umlinganiselo (ratio) ofanelekilyo phakathi kotitshala: nomfundi, izixhobo zokuncedisa ukufunda kunye neetextbook. Ukwanda kubhaliso lwabafundi kule minyaka idlulileyo kubangele uxinzelelo lendawo yokuhlala nabasebenzi kwidolophu ezinkulu ezifana neKapa. Okona kukhula kukhulu kubonakala kwizikolo zepreyimari. Ngaxeshanye, ukuncipha kwamanani kuyabonakala kwezinye iindawo kwiphondo.

Kubekho ukwanda kwinani labafundi elibhaliswe kwizikolo zikarhulumente. Ukuhla kumanani enqanaba lezikolo zamabanga aphezulu phakathi kowama-2014 nangowama-2016 kunokubalelwa kancinane kwinto yokuba ikhosi kaGreyidi 12 yowama-2015 yayinkulu kakhulu njengomphumela wenguqu kumgaqo-nkqubo wokubhaliswa kunyaka weGreyidi 1 yabo.

Ukukhula okukhulu kufumaneka kwizikolo zasepreyimari. Ukuba kujongwa ukuhamba ngokokulingana kweminyaka kuGreyidi 1 bonisa ukukhula kwabemi okubonakalayo.

Izithuba zokulingana ngeminyaka kuGreyidi 1	Umndilili wobukhulu bokulingana ngeminyaka kuGreyidi 1
Umndilili wobukhulu bokulingana ngeminyaka kuGreyidi 1 2005 – 2010	92 920
Umndilili wobukhulu bokulingana ngeminyaka kuGreyidi 1 2011 – 2016	104 739

⁷ Ukuhla okubonakalayo kumanani okubhaliswa kwabafundi ngowama-2014 kubangelwa kokuhlelwa ngokutsha kwizikolo ezithathu zikarhulumente.

Ucwangciso lobhaliso lwabafundi lufuna ukusetyenziswa kwedata ekhoyo. Ukwanda kwabafundi kwiphondo kuza kuqhubeka ngokubeka uxinzelelo kwindawo zokuhlala ezikolweni iminyaka eliqela ezayo.

Ubhaliso kwiZikolo zikaRhulumente													
Unyaka	Gr 1	Gr 2	Gr 3	Gr 4	Gr 5	Gr 6	Gr 7	Gr 8	Gr 9	Gr 10	Gr 11	Gr 12	Bebonke
2004 ⁸	104 105	82 130	81 489	76 781	66 060	82 574	89 614	85 053	78 964	80 756	54 199	39 451	921 176
2005	93 515	94 231	80 695	80 809	74 984	66 141	81 953	88 778	82 169	81 577	56 657	39 303	920 812
2006	87 650	85 972	89 828	80 443	77 811	73 106	65 347	78 926	80 595	83 529	57 536	40 198	900 941
2007	92 818	82 562	83 914	89 973	78 674	78 021	72 733	66 406	80 697	86 495	61 938	42 624	916 855
2008	91 853	83 267	79 454	85 891	87 116	78 290	76 146	71 410	72 914	79 133	63 819	43 470	912 763
2009	93 601	82 158	80 385	83 150	82 382	85 621	76 262	75 227	79 795	68 405	60 812	45 692	913 490
2010	98 086	83 046	79 155	84 234	80 290	81 402	82 777	75 426	85 114	70 630	53 799	44 876	918 835
2011	100 423	85 216	79 489	83 490	80 205	79 022	78 207	81 312	84 957	73 470	56 995	38 990	921 776
2012	103 444	88 536	81 415	83 922	79 900	78 384	76 432	77 561	90 815	72 714	58 758	43 111	934 992
2013	104 678	93 506	85 762	85 599	79 210	78 437	76 238	75 528	87 132	78 812	56 109	46 035	947 046
2014	106 917	97 647	89 385	90 617	81 441	76 690	74 727	76 000	82 714	75 838	64 619	46 846	963 441
2015	108 233	101 934	94 342	95 212	84 554	79 250	75 641	75 753	79 114	72 430	63 220	54 390	984 073
2016	106 766	105 574	98 439	99 278	89 451	82 479	78 455	78 067	73 006	76 988	59 518	50 904	998 925

Umthombo weenkukacha zamanani: 2016: Uvavanyo loNyaka lweZikolo (Izikolo zikaRhulumente kungabandakanywa iyunithi yabafundi abeneemfuno ezizodwa (LSEN)s)

Le theyibhile iboniswe ngasentla ibonisa ukuba inani eliphelelyo labafundi linyuke ngama – 77 749 kumjikelo weminyaka eli-12 (2004-2016). Into eqaphelekayo kukukhula okukhulu ekubhalisweni kwabafundi beBanga loku-1 kulomjikelo, kunye nefuthe lokuphuculwa kokukugcinwa kwabafundi beqhuba esikolweni abaphakathi kweBanga le-10 nele-12.


Ukukhula kwamanani abafundi abafudukela kweli phondo, isengoyena nobangela ubalulekileyo wokukhula kwamanani obhaliso nodala uxinzelelo olumandla kuzo zonke izixhobo ezisetyenziswayo.

Abafundi abavela kwamanye amaPhondo naMazwe - uNyaka 2012 ukuya kunyaka 2016						
IPhondo/IMvelaphi	Yr '12	Yr '13	Yr '14	Yr '15	Yr '16	Ave
IMpuma Koloni	18 936	20 990	22 276	22 276	20 168	20 929
Free State	323	351	400	400	609	417
Gauteng	1 223	1 609	1 498	1 498	1 707	1507
Kwazulu-Natal	328	365	390	390	491	393
Limpopo	112	139	136	136	172	139
Mpumalanga	159	171	191	191	185	179
Northern Cape	704	795	788	788	749	765
North-West Province	136	155	165	165	230	170
Elinye ilizwe	1 614	2 033	2 097	2 097	2 041	1 976
Ewonke ephelele	23 535	26 608	27 941	27 941	26 352	26 475

⁸ Iipatheni zamanani obhaliso zichatshazelwa lutshintsho kwinqanaba likaZwelonke, umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi abakwiBanga loku-1 esikolweni ngo-2000, nto leyo eyadala ukuba izikolo zibhalise kuphela abafundi abaneminyaka esixhenxe kubhaliso lokuqala. Ngenxa yoku amanani obhaliso eGreyidi loku-1 aba ngaphantsi kwalawo eminyaka edlulileyo. Ekubeni kuphindwe kwatshintshwa iimfuno zeminyaka yobhaliso ngo-2004, kwabuyela kwiminyaka yangaphambili, kubekho ukunyuka kumanani obhaliso kwakhona. Oku kubonisiwe kule theyibhile

INtshona Koloni ifumama imfuduko enkulu kwamanye amaphondo.

Inani eliQikelelweyo lePhondo kwiMithombo yeMfuduko – 2016 (umahluko 2011 – 2016)




Inani leMfuduko

Abantu abadala baseNtshona Koloni bagqibe umndilili weminyaka esi-9.9 yesikolo. Eli nani liligqithwe yiGauteng ngeminyaka eli-10.5 kuphela. Umndilili wesizwe yiminyaka esi-9.3.


Le grafu ingasezantsi ishwankathela inkqubela phambili esandul'ukubakho kwiiGreyidi 9 – 11 kubalulekile ngakumb kwiGreyidi 9.

Umlinganiselo wempumelelo Gr 1-11



Kukho iimpawu zempucuko kulo mba kukugcinwa komfundi njengoko kulandelwe kwezi nkucukacha zamanani zilandelayo zinokuhla kancinane kulo mjikelo usandula ukubakho.

UGcino kwiGr 10-12



Ukulunga kokufunda

Ukufunda kwiPrayimari

Ukulunga kwemfundo yeZikolo zasePrayimari ilandelwe kusetyenziswa inkqubo yohlolo lwendlela emiselweyo yeeGreyidi 3, 6 kunye neyesi-9 kuLwimi nakwiMathematika eNtshona Koloni kwisithuba esingaphezulu kweminyaka eli-13.

Ukususela ngowama-2002 ukuya kowama-2009, iWCED isebenzise iimvavanyo zolwimi nemathematika kubafundi beGreyidi 3 neyesi-6 kwiminyaka ebolekisanayo ukulungiselela ukulandelwa kwenkqubels phambili nokuchongwa kweengxaki. Ngowama-2010, iWCED ihlole, okokuqala, bonke abafundi beGreyidi 3 nabeGreyidi 6 ukulungiselela ukufumana isimo sokufundwa kolwimi nemathematika kwisikolo ngasinye esikwiphondo. Oku kube kokokuqala ngokunjalo ukuba abafundi beGreyidi 9 bahlolwe kumsebenzi olingwayo ukuseka isiseko. Ngowama-2011, iWCED yandise inqanaba lomngeni wengqinqo kwiimvavanyo zolwimi ukulungiselela ukuseka imiqathango emitsha ephantsi yephondo. Ngokukodwa, iimvavanyo eznde nezintsonkothileyo zibandakanywa kwiimvavanyo, ukulungiselela ukwenza imiba yeemvavanyo ibe nokuthelekiswa kunye nemiba esetyenziswa kwiimvavanyo zehlabathi kula manqanaba.

Iimvavanyo zibhalwa ngo-Oktobha wonyaka ngamnye yaye iziphumo zinikezelwa kwizikolo kwiveki yokuqala yekota yokuqala yesikolo. Iziphumo zisetyenziswa zizikolo ukucwangcisa imisebenzi yokufunda yonyaka nokuphuhlisa iziCwangciso zazo sokuPhuculwa kweZikolo nekujoliswe kuko. Ngaphezulu, iziphumo zisetyenziselwa ukucwangcisa inkxaso efanelekileyo elungiselelwe izikolo.

IiGreyidi zeWCED 3, 6 & 9 Iziphumo zoVavanyo zeNdelela emiselweyo 2016 – Izikolo zikaRhulumente												
	Greyidi 3				Greyidi 6				Greyidi 9			
	Mathematika		ULwimi		Mathematika		ULwimi		Mathematika		ULwimi	
	2015	2016	2015	2016	2015	2016	2015	2016	2015	2016	2015	2016
% yokupasa	57.6	57.7	42.4	42.5	37.7	40.1	36.8	40.1	22.2	23.6	53	55.1

Ipesenti yokupasa ngama-50%. Izikoro zovavanyo ukususela ngowama-2011 zibonisa ukuphucula kuzo zonke iigreyidi nakuzo zozibini izifundo.

Isiqinisekiso seSizwe esiPhezulu

Unyaka wama-2016 waba ngunyaka wesithoba wemviwo zesiQinisekiso seSizwe esiPhezulu (NSC). I WCED ifezekise umlinganiselo wokupasa wama-86%. Bekukho abagqatswa abangama-43 725 abathe baphumelela, ekukho kubo abangama-20 804 (40.9%) abafezekise impumelelo ebavumela okokuba bangenele inkqubo yokufunda yesidanga. Abafundi abali-12 036 baphumelela iMathematika ngomlinganiselo ophuculweyo wokuphumelela wama-77.2%. KwiNzululwazi, umlinganiselo wokupasa wama-2016 waba ngama-73.8%. Amanani apasayo ibe ngama-8 239.

UThelekiso lwe-WCED lweziphumo zeNSC 2010 – 2016						
Unyaka	Ababha lileyo	Abaphumeleleyo	% yokuphumelela	Ukufumana isidanga esingu-B	% yokufumana isidanga esingu-B	Izikolo ezinomlinganiselo wokupasa ongaphantsi kwama-60%
2010	45 783	35 139	76.8	14 414	31.5	78
2011	39 988	33 146	82.9	15 215	38.1	30
2012	44 700	36 992	82.8	16 319	36.5	26
2013	47 636	40 558	85.1	19 477	40.9	23
2014	47 709	39 237	82.2	18 524	38.8	31
2015	53 721	45 496	84.7	22 379	41.7	27
2016	50 847	43 725	86	20 804	40.9	19

IWCED ijolise ekwandiseni amanani abafundi abathabata nabaphumelela iimviwo zesiQinisekiso seSizwe esiPhezulu. IziCwangciso zoPhuculo lwesiThili sijolise koku yaye sithe thaca amaqhinga nezicwangciso zomliselo ngokufanelekileyo

Uqeqesho

Ootitshala

Ngowama-2016, inxaso yesithili ijolise kwizikolo nootitshala abanesidingo kakhulu senxaso. Uqeqesho lootitshala lwangezelelwa yinkqubo yenxaso esekwe kwigumbi lokufundela.

ICape Teaching and Leadership Institute (CTLI) inikezele ngezifundo zoqeqesho ezili-14 ezibude buziveki ezimbini kunye neenkomfa ezimbini zeentsuku ezimbini kuLwimi nakwiMathematika kootitshala abali-1 896 bakaGreyidi R, ICandelo leSiseko nabeCandelo eliPhakathi. Ngowama-2016 ingqwalasela yeCTLI yaguqulelwa kwiprojekti yongenelo lwenxaso yeziklo ezili-100 zeGreyidi R – 3. IMfundo eBandakanyayo nohlanganiso lwe-ICT ngamacandelo abalulekileyo ala mangenelo. I CTLI iququzelele amangenelo okuhlanganiswa kwe-ICT angama-23, ifiikelele kootitshala abali-1214 kunye neenkoheli zesikolo kuxhaswa inkqubo ye-eLearning.

ULawulo lweZikolo (kubandakanywa neenqununu)

Ngowama-2016 iWCED inikezele ngoqeqesho nenkxaso elungiselelwe abaphathi bezikolo abasele benamava, abadinga ukuxhaswa okungaphezulu, okanye abo bazimisele ukuqalisa ngophuhliso olungaphezulu lobuchule. Izifundo ezili-12 ezilungiselelwe abaphathi bezikolo zijolise kwiiNdimanoxanduva lwamaSekela Nqununu, iiNdimanoxanduva lweeNtloko zeSebe, iiNqununu eziNqwenayo, iiNkokheli zeSikolo eziNqwenayo ukuMiselwa kweeNqununu eziNtsha eziSandul'ukuqeshwa, uqeqesho lwamaQela oLawulo lweZikolo kunye abaBhinqileyoabakwiZithuba zoLawulo noBunkokheli. Isambuku samlaungu angama-526 amaqenalolawulo lwesikolo baxhamle kwizifundo zolawulo lwezikolo nezobunkokheli ezinikezelwa yiCTLI.

Iziqinisekiso zemfundo ezivunyiweyo

Ngenxa yezithintelo zohlahlo lwabiwo-mali, akukho zibhasari zilungiselelwe ootitshala abasengqeshweni ezakhutshwayo ngowama-2016.

INkxaso eNikezelweyo

Ezemali

Izabelo zeMimiselo neMigangatho ezikolweni zilinganiselwa ngokubhekiselele izikolo kwiingingqi zoluntu oluhluphekileyo.

Kwixa elingaphambili izikolo ezikwimaNqanaba 1 – 3 zifumene ukuhlelwa olubhekiselele kubantu abahluphekileyo. Nangonakunjalo, izixa-mali ehlawulwayo “ngomntwana ngamnye” kwizikolo zikarhulumente ezikwiKhwintali yeSizwe 1, 2 kunye nesi-3 zalinganiswa ukususela ngowama-2013/14; ngamanye amazwi, izikolo ezikwi-NQ 2 nesi-3 zifumana inkxaso-mali elinganayo njengezikolo ezikwi-NQ 1.

Izabelo zesizwe ekujoliswe kuzo			
	2014/15	2015/16	2016/17
IKwintali	R1 059	R1 116	R1 177
IKwintali 2	R1 059	R1 116	R1 177
IKwintali 3	R1 059	R1 116	R1 177
IKwintali 4*	R 831	R 882	R 938
IKwintali 5*	R 317	R 334	R 350
* Umndilili weendleko olungiselelwe zonke izikolo			

Inqanaba lemihumo	Inani elipheleleyo lezikolo
Ekungahlawulwa mirhumo	879
Elihlawulwa imihumo yesikolo	570
Isambuku esipheleleyo	1 449 ⁹

Olunye lophuhliso olungaphezulu olubonakalayo lowama-2014 lwaba kukwandisa kwenkqubo yezikolo 'ekungahlawulwa mirhumo'. Kulo nyaka izikolo ezingama-216, ezinabafundi abali-172 541, kwikwintali 4 kunye neye-5, ibe zizikolo "Ekungahlawulwa Mirhumo" ngokwenza isicelo sewonga lokuba 'kungahlawulwa' mirhumo. Ukususela ngoko zixhaswe ngazo zonke iindlela ngezibonelelo ezifanayo ezisebenza kwezinye izikolo 'ekungahlawulwa

⁹ Note that new schools are accounted for differently

mirhumo'. Eli nani lezikolo landiswa laya kutsho kuma-218 ngowama-2016 kulungiselelwa abafundi abangezelelweyo abali-1 364 xa izikolo ezi-2 ezangezelelweyo ezikwikwintali 4 kunye neye-5 zabhengezwa njengezikolo ekungahlawulwa mirhumo.

Izikolo ezibiza imirhumo yesikolo zinakho ukwenza isicelo sembuyekezo kulungiselelwa ukukhululwa ekuhlawuleni imirhumo kwiimeko apho abazali bengenakho ukuhlawula imirhumo epheleleyo yesikolo. Ngowama-2016, izigidi ezingama-R47.5 zahlawulwa ukuxhasa ukhululo ekuhlawulweni komrhumo zabafundi abangama-77 557 kwizikolo ezingama-551.

ULingo lwentsebenziswano yeZikolo

Ngokuthambekele kwiimpembelelo zethuba elide zendlala nokungalingani, uninzi lwezikolo zikarhulumente zoluntu oluhluphekileyo zidinga inkxaso eyangezelelweyo kulawulo, kootitshala nabafundi, ngokunjalo nezibonelelo ezangezelelweyo zemali.

IWCED izinxulumanise neqela labaxhasi ngemali nemibutho yenkxaso ukuhlola uyilo 'lokungahlawulwa kwemirhumo' kwizikolo zikarhulumente olwaziwa njengeprojekti "INTsebenziswano lweZikolo".

Amaqabane okusebenza aqinisekisa ngenkxaso enzulu yenqanaba lesikolo kubafundi neenqununu ngokusetyenziswa koqeqesho, izibonelelo ezangezelelweyo, ukubekwa kweliso kunye nengxelo rhoqo. Inkxaso evela kwi-WCED ihlanganiswe naleyo inikezelwa ngamaqabane okusebenza, ngentsebenziswano nezikolo eziqhubekayo ukufumana inkxaso-mali, izibonelelo neenkonzelo ezifana nothutho nesondlo ezivela kwiWCED ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo olawulayo.

Inkqubo yolingo lweNtsebenziswano yeZikolo luzama:

- Ukuphucula ukulunga kwemfundo kwizikolo zikarhulumente;
- Ukubonisa uyilo olusebenzayo lothelelwano lwemfundo;
- Ukuqinisa ulawulo nokuthatyathwa koxanduva kwizikolo zikarhulumente;
- Ukuphuhlisa ootitshala; kunye
- Nokumilisela amangenelo ajolise ekuphuculweni kokulunga kwemfundo yoluntu kulungiselelwa abafundi abaphuma kuluntu olunengeniso yemivuzo ephantsi.

Olu lingo luqhutywa ezikolweni zaseprayimari nezasesekondari kwaye luquka izikolo ekudala zikho nezisandula ukusekwa. Olu lingo luzakuqalisa ezikolweni ezi-5 ngo 2016 kwaye luzakuqhubeka iminyaka emi-5, ngokuxhomekeke kwintsebenzo yaloo malungu nezozikolo. Izikolo ezibini ezangezelelweyo zangezelelwe ukususela ngowama-2017.

AmaQhinga oLwimi neMathematika

Umba ophambili kwiWCED kukuphucula izakhono kwezoLwimi neMathematika kubafundi abasaqalayo esikolweni. Iqhinga elihlangeneyolokuphucula izisekelo zokufunda, ukwenzela ukuba kupheliswe ukuqelelelana kwemizamo yophuhliso. Iqhinga leLwimi lwangowama-2015-2019 nesiQhinga leMathematika lwangowama-2015-2019 zilungiselelwe iminyaka elishumi elinesithathu yokuhamba isikolo ukususela kwiBanga R uyokuma kwiBanga le-12. Ezizicwangciso zihlola iinkcukacha zolwazi, zinike umkhomba-ndlela ngophado lolwazi lwalamaxesha olumalunga nemiba enefuthe elikhulu ekuphuculeni ukufunda. Ezizicwangciso zinika icebo lokwenza kubekho umgaqo-sikhokelo omnye wokuhlalutya imo yezikolo, ngokwesekethe, nangokwesithili ukuze kuyilwe isicwangciso esibanzi. Esizicwangciso

sokuphucula singenelela kwimiba emine eyenza ukuba abantwana bakwazi ukufunda. Lemiba nantsi: ukuphuhlisa kwabantu, amacebo okufundisa asebenzayo, ukunikwa nokusetyenziswa kwesixhobo/indawo, ukubeka esweni novavanyo.

Iprojekti elingwayo kaGreyidi R – 3 kwizikolo ezili-103

Ungenelo olungundoqo phantsi kwesiCwangciso sePhondo seQhinga yiprojekti elingwayo elungiselelwe uGreyidi R– 3 kwizikolo ezili-103 apho olunye lolwimi olusetyenziswa kwiilwimi zokufunda isisiXhosa, ukuqinisa iziphumo kwisiNgesi nakwiMathematika.

Ungenelo olujolisileyo lwayilwa ze lwaqaliswa ngowama-2015/16 yaye luya kumiliselwa, luxhaswe, ze lubekwe iliso ukuya kutsho kowama-2019.

Uyilo luvulise kwizifundo ezahlukeneyo eziqaliswe kwiZikolo zePrayimari zeNtshona Koloni, ingakumbi uFundo lukaGreyidi 3 lweYunivesiti yaseStellenbosch kunye neprojekti iSPADE yeYunivesiti yaseKapa.

Okufunyenweyo okuphambili kunye nezindululo eziqhelekileyo kwezi zifundo koku:

- Sisidingo sokuhlalelwa ubuchule nokutyumba ngocoselelo kweNtloko zeSebe leCandelo lesiSeko kunye nekhono lazo nexesha lokunikezela inkxaso eklasini nangaphandle kweklasi.
- Ubukho nokusetyenziswa ngokuhlangeneyo kweencwadi ezinkulu, iincwadi zokufunda, iincwadi, iincwadi zokusebenza nezixhobo zeCandelo lesiSeko.
- Uphuhliso nokusetyenziswa kweZithethe zokufunda, zokubhala nenkqubela phambili yemathematika kwikota nganye kwiiGreyidi R – 3.
- Ukuhlelwa kwekhono loofitshala lokufundisa uLwimi lokuQala oLwangezelelweyo lwesiNgesi nokunikezela ngoqeqesho kulungiselelwa iimfuno zophuhliso kulo mba.

Kubekho intsebenziswano elungileyo evela kwizikolo neenqununu kule projekti. Zonke iiHoD ezithabathe inxaxheba kuVavanyo oluSekwe kuBuchule oluthi luvumele okokuba iWCED ibone kanye oko kudingekayo ukwandisa kunye/okanye kuphakanyiswe amakhono eeNtloko zeSebe nokuphuhlisa isiCwangciso soNgenelo esicalulweyo. Oofitshala, amaQela oLawulo lweZikolo kunye neenqununu zizimase izifundo zoqeqesho ezahlukeneyo ezizinyaswe kakuhle eCape Teaching Leadership Institute. Profound

Iincwadi zokufunda ezihleliweyo ezangezelelweyo zafunyanelwa iklasi nganye kaGreyidi 1kwizikolo ezili-103, izikolo ezingama-42 ezikwiprojekti zafumana iitrollie zekhompuyutha ezintathu ezaziwa njengezithethe kunye neethethe ezingama-99. Iinkqubo zekhompuyutha zafakwa kwizixhobo ukuzikhusela ekubeni zibiwe. Iinkqubo zekhompuyutha zinikezela ngengxelo engokusetyenziswa kwezixhobo. Izikolo eziseleyo ezingama-61 zichongelwe ii-slim labs, okuthetha okokuba isibonelelo esele sikho siya kwandiswa ngetheknoloji entsha.

Isixhobo lokuFunda lweGreyidi yangeThuba (EGRA), uvavanyo lomlomo lomfundi oluyilelwe ukulinganisa uninzi lwamakhono esiseko kulungiselelwa ukufunyanwa kolwazi lokufunda kwiigreyidi ezisezantsi, samiliselwa kuzo zonke izikolo ezili-103.

Uqeqesho oludingekayo lwanikezelwa kumagosa esiThili seMfundo, abacebisi abangamaqabane kunye noofitshala lwendlela yokusetyenziswa kweethethe nakwisixhobo solawulo lwe-EGRA.

Uthelelwano olusekiweyo lwaqhutywa nemibutho emithathu ithe yanikezela ngeenkqubo zoncendo kunye noCweyo lokuFunda loSapho kwizikolo ezikhethiweyo kwiprojekti.

AbaCebisi beZifundo beCandelo lesiSeko sesiThili batyelele izikolo ze banikezele ngenkxaso edingekayo nesikhokhelo. Zonke izikolo kwiprojekti zamenywa okokuba zithabathe inxaxheba kwiNkqubo yeNkxaso yeZikolo zeNtshona Koloni (WCSSP), apho malunga nama-92 ezikolo athe aqesha abancedisi besikolo ngowama-2016.

Ukusebenza kwiimviwo zesystemic zeWCED kwiimvavanyo zarhoqo ngekota zomfundi kuya setyenziswa njengenxaleye yomsebenzi ukubeka iliso kwimpembelelo yenkqubo.

INkqubo yoNgenelo kweZikolo eziPhakamileyo

INkqubo yeZikolo eziPhakamileyo ijolise ekwandiseni amanani abafundi abapasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nokunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi. IProgram yenkxaso jikelele ijongana nawo onke amabanga asezikolweni eziphakamileyo. Ngo-2016, inkqubo yeZikolo eziPhakamileyo iye yasebenzisa indlela enomahluko yokuxhasa izikolo eziphakamileyo kweli phondo. Izikolo ezipaselwe ngabafundi abangaphezu kwe-90% kunyaka odlulileyo zinikwe inkxaso encinci; izikolo ezipaselwe ngabafundi abangama-70% - 89% zinikwe inkxaso ephakathi ejoliswe kwisifundo ngasinye, kwaza kwandiswa inkxaso enkulu yesikolo sonke kwezo zikolo zipaselwe ngabafundi abangaphantsi kuka-70%.

NgoJanyuwari ka-2017, iSebe iWCED iye yahlalutya iziphumo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwisikolo ngasinye, kwisifundo ngasinye nakwiphapha lemibuzo ngalinye. Kuye kwenziwa izicwangciso ezinokujoliswe kuko okujoliswe kwisikolo ngasinye nakwisifundo ngasinye, ngokusekelwe kolo hlalutyo. Isikolo ngasinye, nesithili ngasinye zinikwe ekujoliswe kuko kwamanani abafundi abapasa ngeSathifikithi seMatriki sikaZwelonke, nabafundi amabapasele ukufumana amanqaku okungena kwizifundo zezidanga zokuqala.

Inani lamangenelo ekujoliswe kuwo acwangcisiwe aze amiliselwa esekwe kuhlalelo olucokisiweyo lweziphumo. Ezi zibandakanya: iNkqubo yokuncedisana nabafundi, esebenzisa iingcaphephe zeetitshala eziphuma kwiWCED nezangaphandle. Kusetyenziswe oomabonakude beintanethi ukufundisa abafundi kwizikolo ezili-147 ngo-2015, baza abacebisi ngeZifundo banika inkxaso emandla kwezo zikolo bezifumene impumelelo engaphantsi komyinge wephondo kwizifundo ezibhaliselwa kakhulu. Umfundi ngamnye weBanga le-12 unikwe incwadana yamacebo okufunda kunye nomqulu wemibuzo yeemviwo.

Ngo-2017 izithili zisebenzise ithempleyithi efanayo yeziCwangciso zoPhuculo lweZithili, ebijolise ekuphuculeni izinga lokupasa kwisiGaba esisiSeko, kwiBanga le-8 nele- 9, nakumaBanga e10, 11 nele-12. Izicwangciso zibandakanya izicwangciso zempendulo zezinto ezibandakanyiweyo kwiziCwangciso zoPhuculo lweZikolo. Izikolo eziqhuba kakubi kwizifundo ezibhaliselwa kakhulu ziye zachongelwa inkxaso ejoliswe kwizifundo ezo.

Ukufunda nge-intanethi (e-learning)

Le projekthi yokufunda ngeintanethi ichongwe njengo "Mguquli Zinto" wephondo kwaye inikwa inqwalaselo ephambili. Iprojekthi yeWide Area Network yephondo ibeliqalela lesiseko seprojekthi yokufunda nge-intanethi, iprojekthi leyo ifikelele kwisigaba sokuqala ukusebenze ngo-2014, apho izikolo ezingama-248 zixhamle ku"magumbi okufundela achubekilyo".

Ubume bale projekti buquka:

IProjekti yeWide Area Network (WAN) – iprojekthi kaRhulumentewePhondo. Zizikolo ezinga ma-680 ebesezifakelwe iinkonzo zoqhagamishelwano (connect) ekupheleni kuka 2016/2017
IProjekti yeLocal Area Network (LAN) -iprojekthi yeSebe iWCED. Zizikolo ezili-52 ebesezifakelwe iinkonzo zoqhagamishelwano (connect) ekupheleni kuka 2016/2017.
IProjekti yokuKhumbuza ngolwazi lwekhompyutha (computer Refresh Project) kwiTeknoloji yeZicelo zeKhompyutha, iTeknoloji yezoLwazi kunye nobuNjineli, iGrafikhi noYilo (CAT/IT/EGD) Zizikolo ezingama-84 ezifumene amathuba okuhlaziywakweLebhu ezingama-89 ngowama-2016/17 ukuqinisekisa ukuba abafundi ababhalise kwizifundo zesatifikethi seMatrikhi sika zwelonke (NSC) ezisekelwe kwikhompyutha baxhamle kwizixhobo zekhompyutha zangoku.
IProjekti yeSlim Lab: Le projekti inenani lemiba enxulumeneyo kuyo, enceda i-Access Point kwisikolo ngasinye kwezingama-455: Oku kulandelayo sele kufezekisiwe: iteknoloji encedayo kulungiselelwa abafundi ukuba bafumane i-intanethi; Ama-205 ezi zikolo zinetheknoloji ngokuthi mhlawumbi ngokunikezelwa kwakhona kunye/okanye ngezisombululo yothungelwano lwesininzi kwesinye ezisetyenziswa ekuvuselelweni koomatshini abadala.
IProjekti yeKlasi ezineIntanethi inika izikolo iteknoloji yangoku nefanelekileyo. Le teknoloji inesixhobo sikatitshala sokusebenzisa ikhompyutha, isixhobo sikatitshala sokuprojektha, isixhobo sikatitshala sokunxibelelana nabafundi kunye nesixhobo sokubonisa esikwaziwa njengekhamera yamaxwebhu. Uninzi lwale teknoloji alusebenzisi ntambo zombane yaye iyaphatheka ngendlela yokuba uyakwazi ukuyipakisha uhambe nayo. Zizikolo ezingama- 388 ebezine intanethi kunye namagumbi okufundela angama-5 328 ebene intanethi ekupheleni kuka Matshi ngo2016/17.
IProjekti yeKhathalogu yeziXhobo zeIntanethi / e-Potali yiprojektiengemixholo efunaneka kwi-intanethi yaye ayongezeleleka amanani abafundi abayisebenzisayo.
IProjekti yeNkqubo yoLawulo yokuFunda (LMS) iquka uvimba wezixhobo zasekhompyutheniya ye ijonge ukunika oofitshala, abafundi nabazali izixhobo zokufunda nokufundisa zeintanethi.

Izicatshulwa kunye neencwadi zokusebenzela

ISebe leMfundo esisiSeko kuZwelonke linike izikolo zeWCED iincwadi zokusebenzela ngoko luhlobo lulandelayo:

Izifundo	AmaBanga
ULwimi lwaseKhaya (HL), isiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL), iMathematika neZakhono zoBomi	IsiGaba esisisiSeko (IBanga R - 3)
IMathematika, uLwimi lwaseKhaya nesiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo	IsiGaba esiPhakathi (IBanga lesi-4 - 6)
IMathematika	IsiGaba esiPhezulu (IBanga lesi-7 - 9)

UMqulu woku-1 wencwadi yokusebenzela wekota yoku-1 ne ye-2 olungiselelwe amaBanga R-9 ngo-2017 wawusele ufikile ezikolweni ngomhla we-31kuOktobha 2016 kwaye umqulu we-2 wencwadi zokusebenzela wekota- 3 neye-4 yowama-2017 olungiselelwe iBanga R-9 wasiwa ezikolweni ngomhla we-24kuFebruwari 2017. Isongezelelonge5% sowama-2017 sencwadi zokusebenzela zikaGreyidi R – 9 za odolwa ukuze kukhawulelwelelwane nokunqongophala kwazo okubangelwa kukhula kwenani labantwana ababhaliswayo. Ukuhanjiwsa kweencwadi zokusebenzela ezongeziweyo kugqityezelwe ngomhla we-3 kuMatshi 2017. Amagosa eWCED, ngawo azakuxhasa aphinde abeke esweni ukusetyenziswa kweencwadi zokusebenzela.

Injongo yeWCED yenze okukunikezela umfundi ngamnye incwadi yesifundo ehambelana ne CAPS, kwisifundo ngasinye asifundayo. Ngo June 2016, zonke izikolo zinikwe ithuba loku odola ukuze zongeze kwiincwadi zezifundo zeCAPS zonyaka ka 2017. Izikolo ezili-1 043 zangenisa iodolo zazo ukulungiselela ukwangezelela iincwadi zokufunda. Zonke iincwadi ezi-odolweyo (663 365) zasiwa kwizikolo ezifanelekileyo. Inkcitho yokongeza iincwadi zezifundo ibe zizigidi-R73 kumjikelo wonyaka-mali ka 2016/17.

IWCED ithenge ngokunjalo iincwadi zoluncwadi zeFET ezilungiselelwe abafundi bakaGreyidi 12 ngokuhambelana neKhathalogu yoLuNcwadi lweSizwe lweDBE FET kaEpreli 2015. Izikolo ezingama-312 ziphelele zingenise ii-dolo zencwadi zoluncwadi ezili-178 678 ezilungiselelwe iGreyidi 12. Zonke iincwadi zokufunda ezi-odoliweyo (178 678) zathunyelwa kwizikolo ezifanelekileyo. Inkcitho yeencwadi zoluncwadi ibe sisixa-mali esizigidi ezili-R12 ngesithuba sonyaka-mali wama-2016/17.

Iincwadi zokufunda zetheknoloji yeCAPS2 zathengwa nazo ngokunjalo kulungiselelwa abafundi beGreyidi 11 ngokuhambelana neKhathalogu ye CAPS2 yeDBE. Iincwadi ezipheleleyo ezingama-11 389 zathengwa kulungiselelwa izikolo ezingama-86. Zonke iincwadi zokufunda ezi-odololweyo (11 389) zathunyelwa kwizikolo ezifanelekileyo. Inkcitho elungiselelwe iincwadi zokufunda zetheknoloji kulungiselelwa uGreyidi 11 ezixabisa izigidi ezi-R2.

IThala leencwadi lezeMfundo leWCED, i-EDULIS, ibonelela ngokufumana izibonelelo zethala leencwadi ezifanelekileyo kulungiselelwa ootitshala beWCED kunye namagosa ukuxhasa imfundo elungileyo nokuququzelela izibonelelo zethala leencwadi elijikelezayo kwini elingephi lezikolo kwimimandla yasemaphandleni.

Izikhokelo zemimiselo nemigangatho yeWCED zicebisa ukuba ngaphezu kwe-30% yesabelo-mali kufanele sibekelwe ukuthenga i-LTSM, i-10% yesabelo igcinelwe imathiriyeli yethala leencwadi. Ezizikhokelo zithi umfundi ngamnye makabe nencwadi yesifundo ngasinye kwaye istokhwe semathiriyeli yethala leencwadi lezikolo kufanele sandiswe qho ngonyaka de inani elipheleleyo lezinto ezisekwithala libonise umgangatho wezinto (items) ezili-10 kumfundi ngamnye.

Isicwangciso-nkqubo sokulawulwa nokubuyiswa kweencwadi zezifundo ngabafundi saqaliswa ngoNovemba ka-2013 ukuqinisekisa ukuba abafundi bayazibuyisa iincwadi zezifundo ekupheleni konyaka ukuze ezo ncwadi ziphinde zisetyenziswe nyaka nonyaka. Izinga langoku lokubuyiswa kweencwadi ngu-87% kwiphondo.

Izibonelelo

Isicwangciso sowama-2016/17 sesibonelelo sibeke phambili ezi nkalo zophuhliso zilandelayo:

- Ukwakhiwa kwezikolo ezintsha ukwenzela ukuncitshiswe uxinzelelo olukwindawo zokufundela
- Ukususa izikolo ezikhulo namagumbi okufundela akhoyo, akhiwa ngezixhobo ezingekho mgangathweni, endaweni yazo kwakhiwe izikolo ezintsha namagumbi amatsha
- Isibonelelo zamagumbi okufundela awangeziweyo ukwandisa ikhono lezikolo ukulungiselela ukubhaliswa kwabafundi abangaphezulu okanye ukuzisa udambiso kukukhula kwamanani
- Ulondolozo nolungiso lwezakhiwo
- Ukubonelela ngamagumbi okufundela eBanga- R

Ngaphezulu koko, ukunikwa nokusetyenziswa kwamagumbi okufundela ajikelezayo kusabalulekile kunceda xa kuthe gqi iimfuno ezingxamisekileyo nezingacwangciselwanga.

Ngenxa yento yokokuba ingengabo bonke abasebenzi abahlala kumgama ofanelekileyo ponakho ukuhanjwa ngenyawo, 58 217 abafundi abafanelekileyo abasebenzisa iiskim sokuthuthwa komfundi ukuhamba ukuya nokubuya esikolweni njengoko kunjalo ekupheleni konyaka-mali ophantsi kovavanyo.

Ukuxhaswa nokuwongwa kootitshala

IWCED iqhubekile ngokunika inkxaso ebonakalayo kootitshala kwiinkalo eziqatshelwe ngootitshala. Ngaxeshanye, iWCED iye yagxila ekunciphiseni uxinzelelo kootitshala oluquka ukwenza imisebenzi yezolawulo nokuzimasa ucweyo neentlanganiso. Ukucwangcisa iikhalenda, ezicwelisa imihla ephambili, efana naleyo yokuqala enokugqitywa kweemviwo, kunye nemihla yokungeniswa komsebenzi wolawulo, yathunyelwa ezikolweni ngo-Agasti 2016 ukunceda izikolo ngocwangciso olwenziwe kwangethuba kulungiselelwa owama-2017.

Bekubanjwe Umsitho woNyaka wokuWonga ooTitshala bePhondo wethuba le-17, apho bekubhiyozelwa kukwawonga iimpumelelo zootitshala kweli Phondo ngoNovemba wama-2016. Ootitshala banikwe iimbasa emva kwenkqubo eyenziwe ngobunono yokuhluzisa nokuqhuba udliwano-ndlebe. Ezi mbasa ziwonga iimpumelelo neziqalo ezitsha kulamacandelo ali-10; ooTitshala beBanga- R, abeeMfuno zeMfundo eziZodwa, ukufundisa ngokungenamkhethe, iSikolo sasePrayimari, iSikolo saseSekhondari; ukuGqwesa kwiTeknoloji - ukufunda nokufundisa okuphuculiweyo, iMathematika (GET), Natural Sciences, ubuNkokeli beSikolo sasePrayimari; ubuNkokeli beSikolo saseSekhondari kunye nembasa yeMpumelelo yoBomi bonke. Ootitshala abathathu baseNtshona Koloni bagqithela phambili baphumelela kwisigaba sokuwongwa ngeembasa kwiiMbaso zikaZwelonke zokuFundisa ku 2016. Kwabhengezwa uMarika Smit wase Bottelary Primary, eKraaifontein njengoyena ubalaseleyo kuko konke okumalunga nokuGqwesa kwiTeknoloji-ukufunda nokufundisa okuphuculiweyo. UCecilia Campbell waseErika Primary eMossel Bay, wathabatha indawo yesithathu kokuFundisa ngokusetyenziswa kweTheknoloji ze uLeon Linzi onguSekela Nqununu eGood Hope Seminary High School wathabatha indawo yesithathu kwicandelo le Kader Asmal, othe wabonisa iinqobo ezisesikweni ezingundoqo ezimelwe bubunkokheli buka-Asmal.

I WCED iqalise ngeBhaso lokuGqwesa kuBunkokheli kwiNkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo njengenxalenye ye-After School Game Changer. Le ibe luhlobo olutsha lokunika ingqwalasela elungiselelwe iinqununu ezigqesileyo kulawulo lweenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo. Eli Bhaso langezelelwa kumacandelo esahluko sePhondo leNtshona Koloni amaBhaso eSizwe ooTitshala.

Amaqumrhu aLawula izikolo

Unyulo lweeSGB oluthembekileyo lwephondo lubaluleke kakhulu ekuqinisekiseni ngemisebenzi yolawulo yokuthatyathwa koxanduva ezikolweni. IWCED iqalise ngokulungisa kweMimiselo yokulawula unyulo lwamaqumrhu olawulo kulungiselelwa unyulo lowama-2018.

Ngentsebenziswano neDBE, amaqumrhu olawulo ezikolweni aqeqeshwa kwimimandla efana nolawulo lwemali (DBE), ukufunwa nokutyunjwa kwabasebenzi, izicwangciso zophuculo lwezikolo, ukwandiswa kwesimo esilungileyo sesikolo, njl. njl. Isixhobo sovavanyo sokusebenza saqakunjelwa rhoqo ngekota saze sathunyelwa kwiSebe leMfundo esisiSeko (DBE). Ngesithuba sikaJanyuware 2017 kwafunyaniswa into yokokuba kukho izithuba zeSGB ezingama-211 ezikhoyo kuzo zonke izikolo zeWCED. Izithuba zibekho ngenxa yomphumela wokurhoxa kwabazali okubangelwe kukuba abantwana babo beyigqibile iminyaka yokuba sesikolweni okanye babe behamba besiya kuqalisa igreyidi yesibhoso (8) kwezinye izikolo. Uninzi

Iwezithuba ezingazaliswanga zazaliswa ngesithuba sekota yowama-2017 ngokuthi babambise ezithubeni okwethutyana okanye kwenziwe unyulo lokuvalwa kwesikhewu.

Ngo-2014 kuyilwe isicwangciso-nkqubosephondo soqeqesho lweminyaka emithathu lweeSGB, kwiindlela ezahlukeneyo zoqeqesho. Ezona nkalo zingundoqo zika-2016 zezi (i) ukuqonda iindima noxanduva lweeSGB, okuquka umahluko phakathi kolawulo nokuphatha, (ii) umgaqo-siseko weeSGB kunye nokuqonda indlela yokuziphatha (code of conduct) kweeSGB eziphetheyo, (iii) ucwangciselelo lophuhliso, ukwenziwa kohlahlo lwabiwo-mali kunye nokunyaswa kwengxowa yesikolo, kunye (iv) nokukhankaselwa nokukhethwa kwabasebenzi besikolo.

I WCED iqhube ngokunjalo uphando lwezehlo ezithathu kwizityholo zolwaphulo lomthetho-siseko wolwahlulo lwamagunya ziinqununu. Ngesithuba sikaMeyi 2016 uNjing. Mervyn King uqhube indibano yengxoxo, eyazinyaswa ziinqununu ezimalunga nama-230 kunye noosihlalo bamaqumrhu olawulo. Inkqubo elingwayo yaqaliswa kunye neSouth African Institute of Chartered Accountants (SAICA) ibandakanya amaqumrhu olawulo angama-20 kwizithili zeMfundo zeMetro East kunye neMetro South. Abanye abathelelanayo babandakanye iSebe leNkulumbuso (Fraud training) kunye neCCMA (ukuqulunqwa kwezivumelwano okulungiselelwe abasebenzi abaqeshwe sisikolo).

Le theyibhile ingezantsi ibonisa inani labalawuli ngokohlanga, ngokwesini nangokukhubazeka.

ISGB yePhondo ngokoHlangaDemographics									
ICandelo	Isini		Ukukhubazeka		Uhlanga				
	Amadoda	Abasetyhini	Ewe	Hayi	AmAfrika	Abelungu	Abelungu	AmaNdiya	Abangacha-zwanga
OoSihlalo	900	411	5	1,306	239	179	877	11	5
OoNobhala	310	1,069	4	1,375	251	257	858	6	7
OoNondyebo	611	662	2	1,271	206	230	817	12	8
Abafundi	367	441	1	807	205	115	474	5	9
Abanye	4,408	4,526	33	8,901	1,491	1,669	5,632	72	70
Bebonke	6,596	7,109	45	13,660	2,392	2,450	8,658	106	99

UkoNdlwa kwabantwana esikolweni

INkqubo kaZwelonke yokoNdla iZikolo yeWDCEDyondle abafundi ebekujoliswe kubo abangama- 478 144 kwizikolo ezili-1 010. Oku kubonakalisa ukwanda kwabafundi ngama-8 423 kwinqanaba elalichaziwe kwingxelo yokunyaka ophelileyo. Inani lezikolo lehlile nge-1 010 kwizikolo zaseNtshona Koloni ngenxa yezikolo ezincinane ezivaliweyo. Isambuku seKwintali 1-3, sezikolo zeNPP ngama-545. Ngokwekwintali 1-3 inani lezikolo zeNPS lime kwi-111. Izikolo zemfundo eyodwa ezingama-44 zifumana inkonzo. Kwikwiintali 4-5 isambuku sisonke kwizikolo zePrayimari neSekhondari laba ngama-310 kwikota yokugqibela yonyaka-mali wama-2016/17. Inani leentsuku zokondla zeNPP, NPS kunye neZikolo eZizodwa kulonyaka-mali libe li-196 kunye neleAPP (Q4-5) iPrayimari neSekhondari lwabazintsuku ezi-170. Iphondo liqhube inani locweyo loaeaesho leqela ngalinye lamaVolontiya aSebenza Ngokutya, aBalungelelanisi beZikolo abangama-490 neNqununu ezili-110 baqeqeshwa. Inkqubo yesidlo sakusasa iyaqhuba eNtshona Koloni yaye izikolo ezili-16 ziyaxhamla kwezi nkqubo zesidlo sakusasa zakwa Tiger Brands Foundationnezikolo ezintlanu zixhamla kwiinkqubo zesidlo

sakusasa zakwa Pioneer Foods. Isikolo i Steenberg's Cove Prayimari siphumelele ibhaso lokuqala kwinqanaba lesizwe kwi Best School Awards for 2016.

Ukhuseleko lweZikolo

INkqubo yoKhuselo lweZikolo inendlela engunxantathu (i) ULawulo lolwaphulo-mthetho ngokunikwa kweendlela ezingundoqo zokhuselo, (ii) iNkqubo zokuxhasa iinguqu ngendlela yokuziphatha nendlela yokucinga (iii) liNdlela ezibandakanya isikolo sonke nokunxibelelana neearhente ezichaphazelakayo ezincedisa ekwenzeni imeko ekhuselekileyo yasesikolweni.

IWCED iqhuba iziko lemiNxeba yeZikolo eziKhuselekileyo, elinika unxibelelwano lwemfono-mfono olusimahla, noluyimfihlo kubafundi, abazali nootitshala abafuna uncedo, iingcebiso nengcaciso emalunga nokuthile. Kukhuthazwa ukuba abatsala umnxeba mabawutsalele kwinqanaba yasimahla engu-0800 45 46 47 ngokunxulumene noku kulandelayo: liMeko/iingxaki eziNgxamisekileyo, amaQela obuNdlolobongela, uKwenzakala, ulwaphulo-mthetho eSikolweni, ukuXhatshazwa nemibuzo ngokubanzi.

Abatsali umnxeba banikwa ingcaciso ngemfono-mfono kwiimeko zeminxeba engxamisekileyo kuze kwiimeko zeminxeba engangxamisekanga, apho kuyimfuneko khona, bathunyelwe kwii-arhente ezinika iingcebiso zeSebe leMfundo leNtshona Koloni, ii-arhente ezingekho phantsi kolawulo lukarhulumente nemibutho yasekuhlaleni. Iziko lwemiNxeba leZikolo eziKhuselekileyo liye lafumana iminxeba emalunga nama-8 730 kwithuba lekhuleni yonyaka ka-2016/17. Iminxeba engama-2 110 kule minxeba ifuna ukulandelelwa nenkxaso. Engama-689 kule minxeba ibinxulumene nolwaphulo-mthetho. Kuye kwaxelwa amatyala angama-439 yokuxhatshazwa, apho iminxeba engama-83 ibifuna iingcebiso zeengcali nenkxaso ngokwasengqondweni. Inkxaso ngokwasengqondweni yabasebenzi ikwanikwa phantsi kweNkqubo yeNtlalo-ntle yabaSebenzi yeSebe yaye ikwasebenza njenkxaso eyongezelelweyo yeNkqubo yeZikolo eziKhuselekileyo.

Eli Ziko lemiNxeba liqokelela lize lihlahlutye idatha yephondo jikelele. Kusetyenziswa iinkcukacha-manani ukunika uthintelo, ungenelelo kunye neendlela zokujongana neningeni.

Zingamashumi amahlanu izikolo ezongeziweyo eziye zafumana iindlela ezingundoqo zokhuselo (iigeyithi ezizivulekelayo; iigeyithi zokubeka esweni abahambi ngeenyawo; iialam eziqhagamshelwe kwiinkonzo zoonogada abaxhobileyo; ucingo oluhlalayo kunye ne-mesh wire; ukufakelwa kweentsimbi emacangweni) ngo-2016/17. Kuye kwalungiswa iingcingo kwizikolo ezisemngciphekweni omkhulu kwaza kwanikwa nokhuseleko lwangeeholide, apho bekuyimfuneko khona. Kunikwe uqeqesho olumalunga neMpilo noKhuseleko kwakunye noLawulo lweNtlekele eMsebenzini, ngokunjalo noqeqesho olumalunga nomgaqo-nkqubo wokuvavanyelwa iziyobisi kunye nokuvavanyelwa iziyobisi. Izixhobo ezivunyiweyo zokuvavanyela iziyobisi ziye zanikwa kwiimeko ezixhomisa amehlo, ngokudibene neenkqubo zokusetsha nokohlutha iziyobisi izikolo ezikhethiweyo ziye zanikwa izikhangeliziyobisi eziphathwa ngesandla. Kukho izicwangciso zokuthintela ulwaphulo-mthetho zezithili zemfundo, izicwangciso zolawulo lolwaphulo-mthetho nezeeprojekthi ezithile (ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, uphuhliso lolutha, ukusonjululwa kweengxabano, ulawulo lokhuseleko) ngokusebenzisana namasebe karhulumente nee-NGO.

Ulwangezelelo olusandul' ukubakho lwempendulo yephondo kwiQhinga lokuLwa namaQela emigulukudu kwiNjongo yeQhinga yePhondo (PSG) 2 luya kuzisa inkxaso eyangezelelweyo ehlangeneyo enqamlezileyo ezikolweni kwimimandla echaphazelekayo.

Ukongeza kweli Ziko lemiNxeba leZikolo eziKhuselekileyo nenkxaso yeendlela zokhuselo, ngo-2016/17 iSebe iWCED linike abafundi iinkqubo zezemfundo lisenzela ukukhuthaza izenzo ezakhayo ezifana nezemidlalo, ubugcisa, imidlalo yeqonga nolwazi malunga nazakhono zexesha elizayo. Ezi nkqubo ziye zagxila kutshintsho lwendlela yokucinga okanye indlela yokuziphatha; iindlela zobugcisa nezakhayo zokujongana nolawulo lweengxabano; kunye noqeqesho kuthetha-thethwano. Kuye kwaqeshwa ii-fieldworker zokhuseleko ukwenzela ukuxhasa izikolo ngeekomiti zokhuseleko ezikolweni nangezicwangciso zokhuseleko ezikolweni; ukuseka inkxaso kunye/okanye neenkqubo zokuthintela kwanokuba yimizekelo emihle nabacebisi abathantamisayo ezikolweni.

Abasebenzi ngaphandle kwe-Ofisi bezoKhuseleko eZikolweni balandelela abafundi abatshungayo esikolweni baze bakhangele ukuba yintoni ingxaki ebangela oku. Bakunika uthantamiso okukhokela abafundi abasemngciphekweni ukwenzela ukuqinisekisa ukuba abafundi bayakwazi ukufikelela kwiinkonzo ababafunayo. Abasebenzi ngaphandle kwe-Ofisi bezoKhuseleko bancedisa kwiiYouth Club zeeSafe School njengenxalenye yenkqubo yeeholide neyokuphuma kwesikolo. Le projekthi ijonge ukugxininisa ukuziphatha kakuhle neengcinga ezakhayo ngokuthathwa abafundi abasemngciphekweni basiwe kwizittraksha ezifanelekileyo zezemfundo nokuphuhlisa izakhono zokuqhuba iiprojekti zoluntu.

ISebe lunothelwano olusesikweni olusingathwe yeMemorandum yeNgqiqo kunye neSixeko saseKapa. Uthelwano lubandakanya ukutshintshelwa kwamaGosa oNyanzeliso loMthetho eSixeko angamashumi amathathu anesithandathu (36), aziwa, ngokuhambelana neprojekthi, njengamaGosa eZibonelelo zeSikolo (iiSRO) kwizikolo ezili-18 ezikwimimandla esemngciphekweni omkhulu kwiMetro. IiSRO zisebenza uluhlu lwemisebenzi zinceda ikakhulu kwiinkqubo zolungelelwaniso lwendlela yokuziphatha ngokunjalo neenkqubo zolwazi lokhuselo ukulungiselela abafundi.

Inkqubo yaseMva kokuphuma kweSikolo

Njengenxalenye yenkqubo kaRhulumente waseNtshona Koloni yokulwa nendlela yokuziphatha engeyiyo, nokunika amathuba amahle angamanye kulutsha, iSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo (DCAS), lisebenzisana neWCED, ekuqaliseni inkqubo yeMOD (uThatho-nxaxheba, amaThuba nofikelelo kwakunye noPhuhliso) kwizikolo ezili-181 kwizithili zemfundo zosibhozo. Amaziko angama-98 aseke kwizikolo zaseprayimari. Ezi nkqubo ziqhutywa emva kokuphuma kwesikolo yaye zinika abafundi amathuba okuprekhtiza imidlalo nokuthatha inxaxheba kwezinye izenzo zokuphuhlisa izakhono zabo. Zombini ezi program, eyeZikolo eziKhuselekileyo kunye neyoKhuliso lweZikolo zeSebe iWCED ziyaqhagamashelana namaziko azii-MOD.

Ukuxhasa inkqubo yeMOD, iWCED ngo-2016 yenze oku:

1. Lilawule laxhasa ubhaliso lwamaziko eeMOD ukuze athathe inxaxheba kwimiDlalo yamaQela eZikolo
2. Lixhase ukuqhutywa kwemidlalo yamaqela ezikolo ephakathi kwamaqela esikolo ngasinye nephakathi kwezikolo
3. Linikise ngezixhobo.
4. Liqeqeshe amabaqeqeshi
5. Liqinisekise ukuba amaziko eeMOD ayafikeleleka kwizikolo eziwangqongileyo
6. Lixhase inkqubo yeYEBO- kwiiklasi ze Mathemathika neNzululwazi zasemva kwemini

Kuye kwafikelelwa kwisivumelwano phakathi kweSebe iWCED neSebe lemiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo ukwenzela kubambiswane kwii projekthi zeziseko zophuhliso zezemidlalo yezikolo ezenziwa kumaZiko eeMOD. Oku kuquka ukwakhiwa nokulungiswa kweeholo zezikolo, amabala ezemidlalo, izixhobo zokuncedisa ekudlalweni kwemidlalo yesikolo kunye nabancedisi babafundi abanezidanga.

Inxalenye yemali eyabelwe iziko leMOD iye yabekelwa ukwenziwa kweziseko zophuhliso eziluhlobo lwamaholo ezikolo ngonyaka-mali ka-2016/17. Amaholo amahlanu ezikolo aqakunjelwe ngowama-2016/17 ngokusetyenziswa kweDTPW ezihlanu. Zikwezi:

1. Highlands Primary School
2. Greenlands Primary School
3. Firgrove Primary School
4. Riebeeck-Wes Primary School
5. Murraysburg Primary School

Inkxaso-mali yeziko leMOD iye yanikelwa nokuhlaziya amabala ezemidlalo. Ulwakhiwo luqale kwiprojekthi yaseNtlanganiso Secondary School, iNkwenkwezi Secondary neStrandfontein, yaye ziye zagqitywa.

I WCED ibe nakho ukwakha amaholo ezikolo asi-9 ngoncedo lwe-Archway Foundation kwezi zikolo zilandelayo:

IKannemeyer Primary School; iLevana Primary School; iHexvallei Secondary School; iBeacon Hill Secondary School; iCravenby Secondary School; iFairmount Primary School; iTafelsig Secondary School; iMasivuke Primary School; iWestville Primary School; iLanga Secondary School (agqitywe ngoEpreli 2017)

I Archway Foundation incede ngokunjalo iWCED ekwakheni iilebhu kwizikolo ezihlanu ezi zezi:

1. Manzomthombo Secondary School
2. Ocean View Secondary School
3. Phakama Secondary School
4. Spes Bona Secondary School
5. York Road Secondary School

liNjongo zeQhinga

INkqubo 2							
liNjongo zeQhinga	Izifzekiso ezizizo 2013/2014	Izifzekiso ezizizo 2014/2015	Izifzekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwan-gcisiweyo Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
2.1. Amaqhinga olawulo lwekharithulam aphuhlisiweyo amiliselwa	Intsha	Intsha	Izicwangciso eziphuhlise ngokwe zithili	Imiliselwe	Imiliselwe	Azikho	n/a
2.2. Inani lezikolo ezityelelweyo ngekota zonke ukuze zifumane inkxaso yabalawuli	Intsha	1 524	1 522	1 516	1 517	1	Zonke izikolo ezivulele-kileyo zatyelwa rhoqo ngekota ukulungiselela inkxaso yolawulo
2.3. Inani lezikolo ezixhamle ekusetyenzisweni kwe e-learning.	Intsha	Intsha	63	37 izikolo 400 Amagumbi okufundela "smart"	80 izikolo 1 061 Amagumbi okufundela "smart"	43 izikolo 661 Amagumbi okufundela "smart"	Inkxaso-mali eyangezelelweyo yafunwa.
2.4 Ukunikezelwa kwenkxaso yentlalo neyemali ezikolweni	Intsha	Intsha	757 199	786 603	1 282 928	(496 325)	Inkcitho esadinga ukubekwa phambili ngokutsha.

Imigqalisela yokuSebenza

INkqubo 2							
UMlinganiselo weNkqubo yokuSebenza	Izifzekiso ezizizo 2013/2014	Izifzekiso ezizizo 2014/2015	Izifzekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwan-gcisiweyo 2016/2017	Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwan-gcisiweyo Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
PPM201: Inani lezikolo ezibonelela ngazo zonke iinkonzo zokufundisa ezinika inkxaso kubafundi abanemiqobo ethintela ukufnda	8	40	40	56	40	-16	Inggalelo yathatyathelwa uzinziso lwezikolo esele zikho kunye nolungiselelo lwecandelo lokwandisa elilandelayo. Ngenxa yezithintelo zezibonelelo, izikolo ezili-108 "ezineyunithi"/iiklasi zezibonelelo ziyaguqulwa ngokwakaloku nje ekubeni ibe zizikolo zenkonzo epheleleyo. Izikolo ezangezelelweyo ezitsha ezisi-8

INgxelo yoNyaka-mali 2016/2017
IVoti yesi-5: ISebe leMfundo
IPhondo leNtshona Koloni

INkqubo 2							
UMlinganiselo weNkqubo yokuSebenza	Izifzekiso ezizizo 2013/2014	Izifzekiso ezizizo 2014/2015	Izifzekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
							ziya kongezelelwa ngowama-2017/2018.
PPM202: Inani leePrayimari ezipase konke kuANA ngezinga elingama-50% nangaphezulu	Intsha	Intsha	n/a	305	n/a	n/a	IiMvavanyo zeSizwe zoNyaka azibhalwanga ngowama-2016.
PPM 203: Inani leeSekondari ezipase konke kuANA ngezinga elingama-40% nangaphezulu	Intsha	Intsha	n/a	35	n/a	n/a	IiMvavanyo zeSizwe zoNyaka azibhalwanga ngowama-2016.

INkqubo 2							
UMlinganiselo weNkqubo yokuSebenza	Izifzekiso ezizizo 2013/2014	Izifzekiso ezizizo 2014/2015	Izifzekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
PPM204: Inani leeSekondari ezipase iSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke (NSC) ngezinga elingama-60% nangaphezulu	New	New	413	360	360	-	
PPM205: Ipesenti yabantwana abagqibe iminyaka eli-9 kunyaka ophelileyo kwaye bebhaliswe kwiBanga le-4 (okanye eli ngaphezulu) kulo unyaka.	New	New	68.42%	70%	69.32%	- 0.68%	Nangona kukho uphuculo kumphumela weenkukacha zolwazi zonyaka ongaphambili yabe ekujoliswe kuko akuzange kuhlangatyezwe
PPM 206: Ipesenti yabantwana abagqibe iminyaka eli-12 kunyaka owandulela lo, babe ngoku bebhaliswe kwiBanga le-7 (okanye elingaphezulu)kulo unyaka	New	New	61.76%	63%	61.23%	- 1.77%	Ekujoliswe kuko akuhlangatyezwa. Oku ziinkukacha zamanani aseke kwiinkukacha zolwazi ezizimeleyo kwini elikhulu
PPM207: Inani lezikolo ezinikwe izixhobo zamajelo osasazo ¹⁰	New	New	63	37	80	43	Iingxowa-mali ezangezelelweyo zabiwa
PPM208: Ukungahambi sikolo kwabafundi	5.96%	6.02%	5.82%	7%	5.44%	1.56%	Ekujoliswe kuko kudluliwe kukho. Ukusabela okuqhubekayo kokuphucula ulawulo lwezikolo

¹⁰Oku kubhekiselele kwizikolo eziza kunikezelwa amagumbi okufunela "SMART"

INkqubo 2							
Umlinganiselo weNkqubo yokuSebenza	Izifzekiso ezizizo 2013/2014	Izifzekiso ezizizo 2014/2015	Izifzekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswa kuko okucwangcisiweyo izifzekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
PPM209: Ukungahambi sikolo kootitshala	3%	3%	3%	3%	3%	-	
PPM210: : Inani labafundi abakwizikolo zesiqhelo zikaRhulumente abaxhamla kumgaqo-nkqubo weZikolo "ekungahlawulwa mirhumo"	554 523	554523	566 968	571 412	579 844	8 432	Abafundi abanelungleo ababhalisiweyo kubandakanywa ukukhula okwangezelelweyo phakathi kombane
PPM211: Inani loofitshala abaqeqeshwe kokuqulathiweyo nendlela yokusebenza ngolwazi lokufunda nokubhala ngolwimi *	New	New	853	550	561	11	Ootitshala abangezelelweyo babhaliswa
PPM212: Inani loofitshala abaqeqeshwe kumxholo nedlela yokusebenza ngolwazi lwamaNani neMathematika*	New	New	1 094	700	654	-46	Ootitshala bazimase uqeqesho obelungaphezulu kwesithuba esinye okanye inkxaso kwiprojekti yongenelo kuGreyidi R – 3.
PPI 2.1. Ipesenti yabafundi abagcinwe kwinkqubo yesikolo ukususela kwiBanga le-10 – 12	63%	64%	68%	69%	67%	-2%	Ukukhula kulingana emva kokukhula konyaka kwisithuba seminyaka yomphumela wokukhula
*Qaphela ukuba oku kubhekisele kuqeqesho olufomali olwenziwa eCape Teaching and Leadership Institute							

Iqhinga lokulungiswa kwemimandla isebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo

- Ukumiliselwa kwamaqhinga amatsha ephondo ukuphucula ulwimi nemathematika
- Ingqwalasela ibe kwiziCwangciso zoPhuculo lweZikolo nesiThili.
- Kuqhutyekwe neNkqubo yeZikolo zaMabanga aPhezulu
- Ukubeka esweni ukusetyenziswa kweencwadi zezifundo kumagumbi okufundela.
- Ukuqhutywa koqeqesho lootitshala ekujoliswe kuko.
- Ukugxila kubukho bootitshala esikolweni nokusetyenziswa ngentsuku zonke zokufundisa.
- Ukuxhaswa kolawulo lwemali ezikolweni.
- Ukusetyenziswa ngokugqibelelyo kwendima nefuthe lomguquli zinto wephondo kwi-e-learning, nto leyo eya kuza nofikeleleka kwe-intanethi, amagumbi okufundela aneintanethi, kunye namathuba aphuculiweyo okufunda ezikolweni.
- Ukusetyenziswa ngokugqibelelyo kunye nokuxhaswa kwamaZiko eMOD kunye nokutshintsha kwezinto ezenziwa lolutsha ukuphuma kwesikolo ephondweni kubanjiswene neSebe lezeNkcubeko nezemiDlalo nezoPhuhliso lwezeNtlalo.
- Ukuqala iNkqubo ye Service Learning njenge ndlela yokuphucula uphuhliso lobunkokheli kulutsha ngoku bandakanywa nokuphakamisa uluntu.
- Ukusebenza namanye amasebe noomasipala ukuxhasa ukhuseleko esikolweni, ukugcinwa kwabafundi beqhuba esikolweni, ukuhamba isikolo kunye neenkqubo ezilungiselelwe ulutsha olusemngciphekweni.
- Ukuqalisa ulingo lweNkqubo yeZikolo Zobambiswano

linguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Azikho

Ukunxulunyaniswa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 2 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukwandiswa kwenani lezithuba zootitshala
- Ukunikezela ngeencwadi zokufunda, izikhokhelo zootitshala kunye neencwadi zokufunda ezingundoqo ukuxhasa ukumiliselwa kweCAPS kwinqanaba eliphezulu (iiGreyidi 7-9) kunye neGreyidi 12
- Ukunikezela ngezabelo zeziThethe neMigangatho kwizikolo zikarhulumente
- Ukunikezela ngezidlo ezinesondlo kubafundi abanesidingo
- Ukwandiswa kwenkqubo yezikolo ekungahlawulwa mirhumo yesikolo
- Ukugcinwa kwenkqubo yembuyekezo elungiselelwe ukukhululwa kwimirhumo
- Ukugcinwa kwenkqubo yokhuseleko ezikolweni

INkcitho yeNkqutyana

Igama leNkqutyana	2016/17				2015/16	
	Ulwabiwomali lokugqibela	Inkcitho Eyiyo	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi	Ulwabiwomali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
2.1 Inqanaba lezikolo zasePrayimari zikaRhulumente	8,701,305	8,694,233	7,072	7,801,424	7,771,390	30,034
2.2 IZikolo zaseSekondari zikaRhulumente	5,256,622	5,172,184	84,438	4,874,281	4,789,855	84,426
2.3 UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi	54,294	54,294	-	81,664	60,777	20,887
2.4 Igrant ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	351,409	351,379	30	337,611	337,575	36
Zizonke	14,363,630	14,272,090	91,540	13,094,980	12,959,597	135,383

4.3 INkqubo 3: IiNkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo

Injongo

Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsiAfrika

Inkqubo yeNkxaso-mali yeZikolo eZimeleyo iqulethe ezi nkqutyana zisekelayo zilandelayo:

INkqutyana 3.1: IsiGaba sePrayimari Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kwiGreyidi 1 ukuya kwi-7.

INkqutyana 3.2: IsiGaba seSekondari Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kwiGreyidi 8 ukuya kweye-12.

IiNjongo zeQhinga

INkqubo 3: IiNjongo zeQhinga	
INjongo yeQhinga 3	Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinela nemithetho ewisiweyo ukuqinisekisa ukuba abafundi kwezizikolo bafumana imfundo esemgangathweni.
INgxelo yeQhinga	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana imfundo ehambelana neNational Curriculum Statement ngokuzixhasa rhoqo nozikubeka esweni izikolo ezizimeleyo. 2. Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo ezizimeleyo zibhalisiwe kwaye ziyabuzalisekisa ubuncinane beemfuneko zomthetho wonke onxulumene nezizikolo. 3. Ukunikwa kwenkxaso-mali kwizikolo ezifundisa abantwana bamakhaya angathathintweni.

Iinjongo zeqhinga, imigqalisela yomsebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifizekiso ezi zizo

Amanani obhaliso lwabafundi

Ama-39kuma-251 ezikolo ezizimeleyo axhaswa ngemali, ze i-158 alaxhaswa ngemali. Ama-17 538 (35%) abafundi (kwiGreyidi 1 ukuya kwi-12 kunye neLSEN), zaxhaswa ngemali kwisambuku sabafundi abangama-49 929 kwiZikolo eziZimeleyo. Abafundi abangama-7 823 abazimase izikolo zasePrayimari neziPhakathi kunye nabazimase izikolo zamabanga aphezulu nezihlangeneyo abangama-9 715 babhaliswa kwizikolo ezizimeleyo ezingaxhaswa ngamali.

IziPhumo zeeMvavanyo

ImiMiselo eNxulumene noBhaliso, ukuXhaswa ngemali, kweZikolo eziZimeleyo (ngaphandle kweZikolo zamabanga angaphambili kwePrayimari, ifuna ukuba isikolo esizimeleyo sithathe inxaxheba kuHlolo loNyaka lukaZwelonke kunye/okanye uvavanyo lwenkqubo yezikolo yeWCED ukwenzela ukuba zifaneleke ukuba zibe nokufumana inkxaso-mali. Zibe ngama-82 ezibhale iimvavanyo zeGreyidi lesi-3, zangama-68 ezibhale iimvavanyo zeGreyidi lesi-6 zaza zangama-43 ezibhale iimvavanyo zeGreyidi le-9. Ukubhalwa kweemvavanyo ku ANA akuhambanga ngokwezicwangciso ngowama-2016.

Amanqaku ezikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali nezingafumani nkxaso-mali zinikwe kule theyibhile ingezantsi. Qaphela ukuba le sampule ayikubonakalisi ukumelwa kwazo zonke izikolo nanjengoko ezinye zezizikolo ezingafumani nkxaso-mali kuRhulumente, zazinyanzlekanga ukuba zithathe inxaxheba, ngelixa kwezinye ukuthatha inxaxheba kunyanzelekile.

IziPhumo zeNkqubo yeMfundo yeWCED kwiGreyidi 3, 6, neye-9 kwiZikolo eziZimeleyo ezithathe inxaxheba ngo-2015

INGxelo yoNyaka-mali 2016/2017
IVoti yesi-5: ISebe leMfundo
IPhondo leNtshona Koloni

IGreyidi	ULwimi														
	IZikolo					Abafundi					Izinga lokuphumelela				
	2012	2013	2014	2015	2016	2012	2013	2014	2015	2016	2012	2013	2014	2015	2016
IGreyidi 3 kwezifumana inkxaso-mali	46	50	46	49	61	1 222	1 381	1 416	1 567	1 704	54.9	51.7	56	59.9	60.9
IGreyidi 3 kwezingafumani nkxaso-mali	27	27	28	18	21	779	844	979	742	995	85.2	88.6	86.7	92.3	90.6
IGreyidi 6 kwezifumana inkxaso-mali	41	38	38	40	47	1 009	1 068	1 074	1 036	1 179	67	61.4	65	68.2	67.5
IGreyidi 6 kwezingafumani nkxaso-mali	22	24	25	17	21	705	80	873	647	757	95.1	91.2	92.1	94.1	90.9
IGreyidi 9 kwezifumana inkxaso-mali	30	30	27	28	27	1 229	1 333	1 155	1 111	1 197	82.3	82.7	84.6	86	82.5
IGreyidi 9 kwezingafumani nkxaso-mali	17	18	16	12	16	799	787	789	513	613	95.1	96.6	97	94.5	95.8

WCED Systemic Grade 3, 6 and 9 Independent School Results of participating schools in 2015															
IGreyidi	IMathematika														
	IZikolo					Abafundi					Izinga lokuphumelela				
	2012	2013	2014	2015	2016	2012	2013	2014	2015	2016	2012	2013	2014	2015	2016
IGreyidi 3 kwezifumana inkxaso-mali	46	50	46	49	61	1 222	1 381	1 416	1 567	1 705	54.9	51.7	56	59.9	70.1
IGreyidi 3 kwezingafumani nkxaso-mali	27	27	28	18	21	779	844	979	742	995	85.2	88.6	86.7	92.3	95.9
IGreyidi 6 kwezifumana inkxaso-mali	41	38	38	40	47	1 009	1 068	1 074	1 036	1 179	67	61.4	65	68.2	61.5
IGreyidi 6 kwezingafumani nkxaso-mali	22	24	25	17	21	705	80	873	647	755	95.1	91.2	92.1	94.1	92.2
IGreyidi 9 kwezifumana inkxaso-mali	30	30	27	28	27	1 229	1 333	1 155	1 111	1 194	82.3	82.7	84.6	86	37.9
IGreyidi 9 kwezingafumani nkxaso-mali	17	18	16	12	16	799	787	789	513	613	95.1	96.6	97	94.5	83.2

Iziphumo zezikolo ezizimeleyo kwisiQinisekiso seSizwe esiPhezulu ngowama-2016 bezinjengezi zilandelayo:

Iziphumo zeNSC zezikolo ezizimeleyo zeNtshona Koloni: 2016				
Ababhalileyo	INani labaPasileyo	IPesenti yabaPasileyo	Inani labanokufundela isidanga	% yabanokufundela isidanga
2 406	2 254	93.7%	1 581	65.7%

Qaphela: Aba ngabafundi bezikolo ezizimeleyo ababhale iimviwo NSC kwiimviwo zeWCED.

UPhuhliso looTitshala

Ngo 2016/17 ootitshala bezikolo ezizimeleyo baye kwiindindi zocweyo zekharithyulam, ebeziququzelelwe liqumrhu lezikolo ezizimeleyo kwakunye nee-ofisi zesithili zemfundo zeWCED.

INkxaso enikiweyo

IWCED ityelele izikolo ezingama-225 ukunika ulawulo, ikharithyulam nokunika ulawulo kwinkxaso apha enyakeni kowama-2016/17.

Zonke izikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali bezityelelwe kwisithuba esiphakathi ko-Epreli 2016 noMatshi 2017 ukubeka iliso:

- Kuhambelwano loVavanyo –limvavanyo zoNyaka zeSikolo neSNAP kunye nobhaliso lweCEMIS
- Ukufezekiswa kweemfuno zezemali – inkxaso-mali nokufumaneka kweengxelo zokuphicothwa kweencwadi
- Ukwanela kwamagumbi okufundisela nokusebenziseka kwawo ngokwaneleyo
- Ukufundiswa kwekharithyulam
- Ukwanela kweziXhobo eziXhasa ukuFunda nokuFundisa (Learning and Teaching Support Materials) (LTSM) nokusetyenziswa kwazo ngokufanelekileyo
- Ubhaliselo lweSACE
- Ukurhoxa kwabasebenzi emsebenzini
- IiNkqubo zoLawulo loMsebenzi
- Uphuhliso lwabasebenzi
- Indlela abaqhuba ngayo abafundi
- Iziphumo zeemvavanyo zeWCED zenkqubo yeGreyidi 3, 6 neye-9

Izikolo ezibini ezizimeleyo ezingaqhubanga ngokusemgangathweni ziye zafumana inkxaso eyongezelelwe kubacwangcisi bekharithyulam abakhulu. Esinye sezikolo siye savalwa ekupheleni kowama-2016. Esinye kuye kwafuneka singenise icebo labo lokungenelela kunyaka wokufunda wama-2017. Imingeni yokuphatha nokulawula kwezi zikolo kuye kwanikwa ingqalelo.

Ngaphezu koko, kumaziko amane kuye kwenziwa uqinisekiso lwemigangatho yezicelo zokubhalisa neyezikolo ezifake izicelo zokwandisa amabanga nekharithyulam. Ngama-30 ezikolo eziye zaphandwa ngenxa yezizathu ezahlukeneyo, phakathi kwazo ukugxothwa kwabafundi, ukungalandelwanga nkqubo zoluleko; izikhalazo ngotitshala; abangenaziqinisekiso zemfundo; ukunqaba kokufundisa, apho kungafane kufundiswe kwaye kungafane kufundwe khona, imirhumo yentlawulo yesikolo, iinkqubo zoluleko ezingenabulungisa, ulawulo olungekho mgangathweni nezikolo eziqhuba zingabhaliswanga.

Undoqo wenkxaso enikwa izikolo ezizimeleyo, yinkxaso-mali. Iinkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo ezifanelekileyo ngama-60%, 40%, 25%, 15% okanye 0% kuqikelelo lwenkcitho yomfundi ngamnye (PAEPL) abakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo. I-PAEPL yango-2016/17 ibe yi-R11 160 (Kwizikolo zaseprayimari) ne-R14169 (Kwizikolo zasesekondari) ngokulandelelanayo. Ngo-2016/17 iWCED ihlawule iinkxaso-mali kwizikolo ezingama-93. Iintlawulo zenziwe kwangethuba nangokwemithetho echaphazelekayo.

IWCED ikhuthaza zonke izikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali ukuba zisebenzise iinkxaso-mali zazo ekuthengeni iLTSM (60%); iinkonzo zikamasipala (20%) neemfuno zokwenza umsebenzi (20%).

IInkqubo eLandelwayo yesiQhelo yokuSebenza ngeNkxaso-mali igqitywe ngoncedo lweCandelo: iProcess Design elikwiSebe leNkulumbuso.

liNjongo zeQhinga¹¹

INkqubo 3							
INjongo yeQhinga	Izifekiso ezizizo 2013/2014	Izifekiso ezizizo 2014/2015	Izifekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo ezifumana inkxaso-mali kuRhulumente	Intsha	Intsha	40%	44%	37%	- 7%	Izikolo ezitsha ezizimeleyo ezili-11 zabhaliswa.

INkqubo yeMigqalisela yoMsebenzi

INkqubo 3							
Umlinganiselo weNkqubo yokuSebenza	Izifekiso ezizizo 2013/2014	Izifekiso ezizizo 2014/2015	Izifekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali abasezikolweni ezizimeleyo ezibhalisiweyo	18 502	18 024	17 498	20 000	18 316	- 1 684	Izikolo ezizimeleyo kufuneka zenze izicelo zenkxaso-mali yonke iminyaka yaye umphumela wokubhaliswa kwabafundi uxhomekeke kwizikolo ezithe zamkelwa
PPM302: Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo ezifumanana inkxaso-mali	Intsha	Intsha	40%	44%	37%	- 7%	Izikolo ezitsha ezizimeleyo ezili-11 zabhaliswa.
PPM303: Ipesenti lezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo eziyezatyelelwa ukuze hlole kwaye zixhaswe	Intsha	Intsha	90%	90%	92%	2%	Izikolo ezangezelelweyo zityelelwe

¹¹INjongo yeQhinga ngokwesicwangciso seQhinga sowama-2015 – 2019 sishicilelwe kwakhona apha ngokupheleleyo

Iqhinga lokulungisa imimandla esebenza ngaphantsi kokulindelweyo

- Ukuzimisela ngokunika inkxaso eyandisiweyo kwiZikolo eziZimeleyo ezifumene umyinge wokupasa ongaphantsi kwezinga lokupasa lephondo kwiNSC.
- Ukuxhasa zonke izikolo eziZimeleyo ezitsha neziqhuba ngaphantsi kwenqanaba elilelona liphezulu.
- Ukubeka iliso kuyo yonke imibuzo nezikhalazo malunga nokuqhutywa kwemimiselo.

Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Azikho

Ukuxulumanisa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

Inkcitho eyenzeke kwiNkqubo 3 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeWCED:

Iinkxaso-mali ezinikwe izikolo ezizimeleyo ezinika imfundo esemgangathweni kubantwana abahlelelekileyo.

Inkcitho yenkqutyana

Igama leNkqutyana	2016/17			2015/16		
	Ulwabiwomali lokugqibela	Inkcitho Eyayo	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi	Ulwabiwomali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
3.1 Inqanaba lePrayimari	61,143	61,143	-	57,480	57,480	-
3.2 Inqanaba leSekhondari	39,883	39,883	-	37,904	37,904	-
Ewonke	101,026	101,026	-	95,384	95,384	-

4.4 INkqubo 4: IMfundo kwizikolo ezi Zodwa zikaRhulumente

INjongo:

Ukunika imfundo enyanzelekileyo kwizikolo ezizodwa zikarhulumente ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika nePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo 6 elimalunga neMfundo eBandakanya bonke abafundi. Oku kuquka ie-learning nemfundo ebandakanya bonke abafundi.

INkqubo yezeMfundo kwizikolo ezizodwa zikaRhulumente iqulethe ezi nkqutyana zilandelayo¹²:

Inkqutyana 4.1: Izikolo

Ukunika izixhobo kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa. Oku kuquka ie-learning ne nemfundo ebandakanya bonke abafundi.

Inkqutyana 4.2: UPuhhliso lweCandelo lwezabaSebenzi

Ukunika iinkonzo zesebe zokuphuhlisa kwezobungcali kwezemfundo nolunye uphuhliso lootitshala nakwabo bangezotitshala abakwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa (oku kuquka nemfundo ebandakanya bonke abafundi).

Inkqutyana 4.3: Iminikelo eKhutshwa phantsi kwemiQathango

Ukunika iiprojekti eziphantsi kweNkqubo 4 ezichongwe liSebe leMfundo esisiSeko nezixhaswa ngemali yeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile. (Oku kuquka nemfundo ebandakanya bonke abafundi).

IiNjongo zeQhinga¹³

INkqubo 4: INjongo yeQhinga	
INjongo yeQhinga	Ukwandisa uthatho-nxaxheba lwezifundo nezentlalo lwabo bonke abafundi kwinkqubo elandelwayo nekharithulam yamaziko emfundo kwanokunciphisa imiqobo ethintela ukufunda (IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo 6)
INgxelo yeQhinga	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukuqinisekisa ukuba abafundi bayakwazi ukufumana ikharithulam kwaye baphakamise ngokwaneleyo indlela abaqhuba ngayo kulwimi neMathematika. 2. Ukuqinisekisa ukuba abafundi abajongene nemiqobo ebathintelayo ekufundeni okanye baneemfundo ezizodwa zemfundo bafumana ikharithulam eyodwa ukuze bakwazi ukuqhuba ngelona nqanaba liphakamileyo; 3. Ukuphuhlisa inkqubela ekudityanisweni esekelwe kwisixhobo iSIAS ukuze abafundi bafumane inkxaso ekumgangatho ophezulu neluhlobo olufanelekileyo. Kuzo zonke iinkalo zezikolo zesiqhelo, ezinika iinkonzo ezipheleleyo kunye nezemfundo yeemfundo ezizodwa 4. Ukunyusa inani labafundi abagcinwe kumagumbi okufundela beqhuba ngokuxhaswa ngeenkonzo ezikhethekileyo kusetyenziswa amaqela nezitraktsha ezikhoyo ezifana namaqela enxaso asezikolweni, amaqela enxaso esekethe, izitraktsha zezithili, izikolo ezineemfundo ezizodwa, amaziko ezixhobo ezikolo ezineemfundo ezizodwa, izikolo ezineenkonzo ezipheleleyo/ezidibanisayo. 5. Ukunika iinkonzo zenxaso ekhethekileyo-inkxaso yemfundo eneemfundo ezizodwa, inkxaso yokufunda, iinkonzo zenxaso ngokwasengqondweni, iinkonzo zentlalo yasesikolweni, iinkonzo zonyango lomzimba, nezonyango lomphfumlo. 6. Ukusebenzisana namanye amasebe namacandelo karhulumente ukunqanda nokuchonga ngethuba imiqobo ethintela ukufunda nenxaso kubafundi abanemiqobo ethintela ukufunda kwabo okanye abaneemfundo ezizodwa .

¹² Iinkonzo zasesikolweni zezemidlalo, ezenkcubeko nezamajelo osasazo azibandakanywa njengenkqutyana nanjengoko eNtshona Koloni lo msebenzi ungena phantsi kweSebe leMicimbi, yeNkcubeko nezemiDlalo

¹³ INjongo yeQhinga ngokwesiCwangciso seQhinga esilungiselelwe owama-2015 -2019 ishicilelwe kwakhona apha ngokupheleleyo

linjongo zeqhinga, imigqalisela yomsebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifizekiso ezi zizo

Ngo-2016 iSebe leWCED belinezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezingama-72, zinabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa abangama-20 361. Amaziko angaphambili oLolongo loLutsha, eWellington naseEureka zaguqulelwa zaziZikolo zaMakhono ngowama-2017.

Njengokuba isonyuka inkxaso efunyanwa zizikolo zesiqhelo, ngabafundi abaneemfuno ezizodwa abafuna inkxaso ezikwizinga eliphakamileyo abafakwa kwinkqubo yenkxaso kwiZikolo zeeMfuno eziZodwa nakumaZiko eziXhobo eZikolo zeeMfuno eziZodwa. Ukukwamkelwa kwezi zikolo kuhlaziywa qho ngonyaka ukuqinisekisa ukuba abafundi bagcinwa kwezizikolo kulungiselelwa xa kunokwenzeka kufuneke inkxaso emandla.

Iziphumo zovavanyo zezikolo

Ngowama-2016, izikolo ezisi-9 ezizodwa ezibhale isiQinisekiso seSizwe esiPhezulu. Ezisibhozo kwizikolo ezi-9 zaphumelela ngomlinganiselo wokuphumelela we-100% kunye NeEros School for Cerebral Palsied, ezibhale isiQinisekiso esiPhezulu seNCS okokuqala zaphumelela ngomlinganiselo wempumelelo onga->80%.

Ngowama-2015, abafundi abali-120 baphumelela ngomlinganiselo wokupasa obanika ilungelo lokungenela iMfundo ePhakamileyo. Ngowama-2016 isambuku sabafundi abali-163 bafumana ilungelo lokungenela imfundo ephakamileyo. Kubekho abalungele ukwenza isiDanga abangama-57, abali-94abaphumelele kwinqanaba lokokuba bengenele iDiploma ze abali-12 baphumelela ukuba bangenele inqanaba lesiQinisekiso esiPhakamileyo.

IJan Kriel esisikolo esisodwa yafumana ibhaso ngokunikwa kwengqwalasela njengesinye sezikolo ezikwinqanaba eliphezulu kwizikolo ezili-10 ezinenguqu kwizikolo eziphakamileyo kwilizwe.

UPhuhliso lwetitshala

NgoDisemba ka-2014, kuye kwabhegezwa kwigazethi uMgaqo-nkqubo wokuHluzwa, ukuChongwa, ukuHlola neNkxaso (SIAS). USIAS sisxhobo sokuqondisisa abobafuna inkxaso, uhlobo lwenkxaso abayifunayo, nendlela yokunikwa kwayo. USIAS uzakuqinisekisa ukuba imiqobo ethintela ukufunda ibonwa kwangethuba ukwenzela abafundi abafuna inkxaso bathathelwe ingqalelo efanelekileyo kwangethuba.

Ngo-2015, iqela elenza umsebenzi oxananazileyo lifumene uqeqesho kwiSIAS nakubuchule bokoHlukaniswa kweKharithyulam (Curriculum Differentiation strategies). Uqeqesho ekoHlukanisweni kweKharithyulam luzakuxhobisa ootitshala ukuba bakwazi ukusingatha iimfuno ezahlukeneyo zokufundisa nokuhlola abafundi. IQela loQeqesho LwePhondo (Provincial Training Team (PTT)) lokuqeqesha kuSIAS nasekwaHlukanisweni kwe Kharithyulum, liquka abamele amacandelo eKharithyulum, Uhlolo, uLawulu, uPhuhliso lootitshala, aQukanisayo naXhasa iMfundo yabaneemfuno eziZodwa.

IPTT ikwiphulo lokuqeqesha elithe ngonyaka wama-2015/16 laquka ukuqeqeshwa kwabasebenzi besithili abanika inkxaso ekhethekileyo nonkwabamele izikolo ezingama-40 ezinika inkonzo epheleleyo/equkanisayo. Oluqeqesho luqukanise uqeqesho kwinkqubo echasene nomkhethe ezakusetyenziswa kunye nabafundi. Ngowama-2016/2017, izikolo zaseprayimari ezangezelelweyo ezili-115 kunye nezikolo ezizodwa ezingama-71 zaqeqeshwa kwiMfundo eBandakanyayo, iSIAS nakuLwaHlulwa-hlulo lweKharithyulam. Ngaphezulu kwe-10%yezikolo zeWCED ziqeqeshiwe ngoku yaye ziya kuba zeziphambili njengoko uqeqesho luqaliswa kuzo zonke izikolo.

Ootitshala bokunika inkxaso kwezeMfundo (LSTs) bangaboludwe lokuqala lwenkxaso eyongezelelweyo eziprayimari. Ngama-75% ootitshala be LST abaqeqeshwe ngo lokufunda nokubhala nezolwazi lokusebeza ngamanani yaye ngowama-2017/18abaseleyo abangama-25% ootitshala beLST bayakufumana uqeqesho. Ungenelelo lweeLSTs lunegalelo elihle ekuphuhliseni

izakhona zabafundi kwizifundo zolwazi lokufunda nokubhala nezolwazi lokusebeza ngamanani, kwisiGaba esisiSeko, ingakumbi abafundi beGreyidi-1.

IKharithyulam yo Lwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika (South African Sign Language (SASL), iyaqhutywa kwizikolo zontlanu zemfundo yeemfuno ezizodwa zeWCED kusenzelwa abaNgevayo kusetyenziswa uSASL. Ngaphezu koqeqesho lweSASL yeQela loQeqesho likaZwelonke, iWCED yenze ukuba kubekho uqeqesho olongezelelweyo. Ngootitshala abangama-22 (80%) bezikolo zikhankanywe ngentla apha abazigqibileyo izifundo ngoqeqesho kwiSASL Linguistics, kwiYunivesithi yase Free State okanye kweyaseStellenbosch. ULwimi: Izikolo ezibini ezilungiselelwe abaNgevayo zisebenzisa indlela yokuthetha nendlebe.

Amaziko eziXhobo zeZikolo zeeMfuno eziZodwa enze iwekshop ngezinto abanobuchwepheshe kuzo, umz. Imingeni eThile yokuFunda, ukungakwazi ukufunda, UkungabinakuZinza eNgqondweni, nangezinye iindlela zokuHlola. Iqela lephulo labamaNqanaba okuSilela ekuThetheni nasekwaKheni ubuHlobo (Autism Spectrum Disorder) liyile ikhosi yoPhuhliso oluQhubekayo lobuNgcali (Continuous Professional Development (CPD)), khosi leyo eakhredithiwe liBhunga laseMzantsi Afrika leeNgcali kwezeMpilo (Health Professions Council of South Africa (HPCSA)). Enye ikhosi eyilwe lelicandelo eyakhredithwa yiCPD, yikhosi yoqeqesho kwiMikhwa eseSikweni yaBacebisi beNgqondo (Ethics for Psychologists). Ezi zifundo zibangele ukuba abasebenzi abakhethekileyo bakwazi ukufumana amanqaku eCPD ayimfuneko kumalungu akhoyo eHealth Professions Council.

OnoNtlalontle baqeqeshwe kwimiGaqo ehlaziyweyo, yeWCED, yokuXhatshazwa kwabaNtwana nangeendlela ezintsha zokungenelela ngoncedo emva kwesiganeko esixhela umphefumlo ebantwaneni nasemakhayeni. Ukuxinzelelo lokuxheleka komphefumlo ziziphumo ezingathandekiyo zentlalo yobundlobongela kwindawo zoluntu, kwaye zinefute elingelihlangu ekufundiseni nasekufundeni.

Ukuqeqeshwa kwabafundi be-ECD kuLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika kunye neAutism Spectrum Disorder kuyakuqhubeka kwiiKholeji ezintlanu zeT(V)ET eNtshona Koloni.

Inkxaso

Ukungezelelwa amandla okujongana nemiqobo ethintela ukufunda nokufundisa okudibanisa ngaphezulu kunakuqala

IiNkonzo eziKhethekileyo zokuXhasa, ziguqule ukugxila kwazo ukwenzela ukuba zijolise ekuqwalaseleni ngethuba nakungenelelo olunqanda okungekehli, ingakumbi kwiiGreyidi R no-1. UMcebisi weNgqondo wezikolo, oonoNtlalontle, abacebisi bezifundo kumaziko ezeMfundo naMagcisa oNyango, aphuhlisa izakhono zootitshala zokusebenzisa amangenelelo kumagumbi okufundela. Abacebisi bokunika iNkxaso kumaziko ezeMfundo nootitshala bokunika iNkxaso kwezeMfundo eZikolweni, bagxile kakhulu ekuphuculeni indlela ekuqhutywa ngayo kulwimi nakwimathemathika.

Ikomiti zesithili zisekiwe ukwenzela ukuba zijongane nokufunda, ukufundisa kunye nokuhlola ukulungiselela ukuze ukusingatha ukohluka kwabafundi umz. Ukusetyenziswa kweendlela zokuhlola ezizezinye nokulinganisela abafundi. Iinkcukacha malunga nemiqobo ethintela ukufunda zifumaneka kwi-website, kwiiPhamfulethi, nakwiDVD. Kuyilwa, ngoku ikhosi yeintanethi engeMfundo eQukanisayo.

Kuyilwa iinqubo eziza kulandelela kwaye zishicilela kuCEMIS iindlela ekuqhutywa ngazo ungenelelo lokunceda abafundi, ukwenzela kuqondisiswe ngazo ukuze kuphuculwe izicwangciso zongenelelo olufanelekileyo no kuphuculwe nokusetyenziswa kwezixhobo ezikhethekileyo ezinqabileyo.

Uphuhliso lwezikolo zesiqhelo zibe zizikolo zenkonzo epheleleyo/ezihlangeneyo

Ngamashumi amane ezikolo atyunjiweyo enkonzo epheleleyo/ehlangeneyo ezithe zancedwa ukuphuhlisa ikhono lazo lokunikezela ngenkxaso eyangezelelweyo yeemfundo ezizodwa. Uqeqesho olunikezelweyo lwaboniswa kwicandelo lophuhliso lwabasebenzi ngasentla.

Kukho ngokunjalo izikolo ezili-115 kwiphondo "ezineklasi eziziyunithi", ezinikezela ngenkxaso eyodwa eyangezelelweyo. Eziklasi ziziyunithi ziyaguqulwa ngokwamanqanaba ukuba zibe "ziiklasi zezibonelelo", ezilungiselelwe abanye abafundi kwizikolo yaye ngokunjalo njengesibonelelo kwezinye iititshala ezidinga ingcebiso.

Ezi zikolo zonke zibonelelwe ngotitshala osisigxina wenkxaso yezemfundo kunye nomquqzeleli/umncedisi wokufundisa wemfundo ebandakanyayo yaye balungiselelwe ukujongana nabafundi abaneemfundo ezikwiqondo eliphantsi. Iqela lofikelelo loBandakanyo olunjongene nemiba emininzi elikumaZiko eZibonelelo zeZikolo eziZodwa libonelela ngenkxaso kwezi zikolo.

Njengokuba iminyaka ihamba, zonke izikolo zizakuphuhliswa nangaphezulu zibe zizikolo eziquka imfundo yeemfundo ezizodwa, ukuze izikolo ezinika inkonzo epheleleyo/eziqukanisayo zibe zizikolo zebhongo. Ezi zikolo ziphuhliselwa ukuba zide zibe ziindawo zezithili ekudityanelwa kuzo eziquka bonke, nalapho kukhuthazwa khona ukwabelana nezikolo zesiqhelo ezingqongileyo, ngamava nezixhobo zemfundo ezisebenzayo.

Ukuguqulwa kweZikolo eziZodwa zibe ngamaZiko eZibonelelo zeZikolo eziZodwa

AmaZiko esiKolo eziZodwa atyunjiweyo axhamle kuphuhliso lwabasebenzi, lwezakhiwo nolwezibonelelo zemathiriyeli ukuzinceda okokuba zandise igalelo lazo lofikelelo ukulungiselela ukunceda ezinye izikolo. IZiko elangezelelweyo leZibonelelo zeZikolo eziZodwa latyunjwa ngowama-2016/2017 ze lanikezela ngeqela lofikelelo oluzingqanga kwi-Autism Spectrum Disorder, ishlo esandayo. Kukho ngoku amaqela ofikelelo lweMfundo ehlanganisayo angama-24 athe asekwaba yaye azizikolo ezibonelelwe ngcono ezizodwa aqhuba umsebenzi wofikelelo kusetyenziswa izibonelelo ezikhoyo. Amaziko emboleko esixhobo esincedayo asekiwe kumaZiko asi-8 eZibonelelo zeZikolo eziZodwa, iziko elinye kwisithili ngasinye. Izixhobo ezincedayo zinokubolekelwa abafundi abakwizikolo ezizodwa okanye ezinenkonzo epheleleyo/ezesiqhelo.

Inkxaso yeZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa

Nangona izikolo zeMfundo yeeMfundo eziZodwa zikwisekethe, kwaye zifumana inkxaso enikwa izikolo zonke, njengexalenye yezikolo zesekeethe, abalawuli abakwiofisi yephondo benkqubo yemfundo eneemfundo ezizodwa banika inkxaso yokulimalaeyeemfunoezizodwa banika inkxaso egqale kwiimfundo ezizodwa. Le nkxaso iyakwazi ukunikwa umntu ngamnye kwaye iyafumaneke nakwiintlanganiso zecandelo, nto leyo eyenza kubekho ulungelelwaniso lweenkcukacha, amaxwebhu akumgangatho ofanayo, ukwabelana ngeendlela ezisebenza kakuhle kwizikolo zonke eziphantse zifane, nokufunda ngemizekelo yamanye amazwe ehlabathi.

Abasebenzi bephondo anceda iDBE ekuphuhliseni ikharithulam elungelelanisiweyo ukulungiselela izikolo zoLwimi lweMinwe zoMzantsi Afrika, izikolo zaMakhono (ikharithulam yoMsebenzi woBuchule), aBakhubazeke kakhulu eNgqondweni (ikharithulam elungelelanisiweyo) kunye nokuKhubazeka okuBanzi kweNgqondo. Kwixa langaphambili izikolo bezisebenzisa ikharithulam eyahlukeneyo ngoko ikharithulam efanayo iya kunceda kukubekwa emganbgathweni okudingeka kakhulu kweenkqubo kuzo zonke izikolo ezifanayo nakumaziko.

Njengokuba kuZwelonke bekukho unqongophalo lwezixhobo zeBraille, iWCED iqalise iprojekti nePioneer Printers ukwenzela ukuqinisekisa ukuba abafundi abangaboniyo abahleleleki. Izikolo zabangaBoniyo zivumelene ukuba kusetyenziswe iincwadi zezifundo ezifanayo. Kwenziwe iikopi eziziseko encwadi zezifundo zeBraille ezifanayo neencwadi zokusebenzela. Iifayile zekhompuyutha zezincwadi ziyafumaneka kwilaptops zeBraille.

ISikolo iAthlone sabangaBoniyi sibe sisikhokhelo ngokubhekiselele kuphuhliso kummandla we-e-Learning. Esi sikolo sisikolo solingo njengenxalenye yenguqu kwi-eLearning game changer yaye inothungelwano olungenziwanga ngazingcingo kuso sonke isikolo. Sinothungelwano ngokunjalo olukwiqondo eliphezulu kakhulu olunesantya se-intanethi esiphezulu olunceda ekufunyanweni kwezibonelelo zedijithali kwi-intanethi. Oku kunceda abafundi abangaboniyi bakwazi ukufikelela ebantwini nakwiindawo ngokunjalo nakwingcebiso ebinokuthi ingafumaneki kwixesha elingaphambili. Oku kuvule ilizwe litsha kubafundi abakhubazeke ngokubona. Banelungelo lokufumana malunga nayo yonke into ethi ifumaneki ngokwedijithali. Ezinye izikolo zabangaboniyi ziyhaxhamla kula malinge aqalwayo.

IlTSM ze SASL nazo bezingaphelelanga kwaye bezingafumaneki ndawo ukuqala kwe SASL CAPS. Ukuveliswa kweSASL LTSM apha ephondweni kusetyenziswa noZwelonke kutsho kwaphucula ukufumaneka kwe SASL LTSM.

Ukubandakanywa kwabachaphazelekayo nokukhuthaza ubambiswano phakathi kwamacandelo

Abantwana abangekho zikolweni umz. aBantwana abaneMingeni abakhubazeke kaKhulu nangokuNzulu yaseNgqondweni, abakumaZiko eMfundo oLolongo oluLodwa, banikwa inkxaso ngamaqela amaPhulo enkalo ngeenkalo akumaZiko eziBonelelo aseZikolweni zeMfundo yeeMfundo eziZodwa. Ngenxa yobambiswano lwamaSebe ezeMfundo, ezeMpilo nozoPhuhliso lwezeNtlalo yoLuntu, kuyilwe imigaqo nendlela eyamkelekileyo yenkxaso. Le nkxaso iquka, (i) uphuhliso lweenkqubo ezivuselelayo (ii) izixhobo eziphathekayo ezilungiselelwe ulolongo (iii) ukuqhutywa kocweyo olulungiselelwe abaphathi bamaziko, abalolongi babafundi kunye nabazali babafundi (iv) iindlela zokujongana neemfundo zabantwana, zomzimba, zemfundo nezengqiqo yasentlalweni, kunye (v) nokuhlolwa kwanokudluliselwa kwabafundi abafakwe kwizikolo bengafanelekanga ukuba kuzo, nabafuna ukudluliselwa kwiZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa ngowama-2017/18.

Izikolo ziyaphuhliswa ukwenzela zibengamaZiko okuKhathalela nokunika iNkxaso yokuFundisa nokuFunda (CSTL), yaye ezi zikolo zisebenzisa isicwangciso-nkqubo seCSTL ukulungelelanisa inkxaso esuka kumanye amacandelo, umzekelo iNkqubo eHlanganisiweyo yezeMpilo eZikolweni eqhutywa ngobambiswano neSebe leZempilo. Ezempilo zezikolo ezijikelezayo zibonelela ngokuhluzwa kwabafundi beGreyidi R nabeGreyidi 1. Oku kubandakanya uhluzo lokubona, lokuva nolokuthetha. Iiglaso zamehlo ziyanikezelwa ukuba ngaba abafundi baneengxaki zokubona. IiNkonzo zololongo lwamazinyo inakho ukwenziwa kwezempilo ezijikelezayo. Iingxaki zempilo ezingathi zithintele ukufunda zichongwa kwangethuba yaye unyango olwenziwa ezikolweni lunciphisa isidingo sokuba abafundi babe abakho esikolweni ukuya kufumana ezi nkonzo. Konke oku kukhuthaza ukufunda okupheleleyo kwigumbi lokufundela.

IiNkonzo eziZodwa zeNkxaso zibonelele ngengcebiso kumaqumrhu obugcisa (HPCSA & PsySSA – psychology ; SACSSP – social work) kunye namaziko emfundo ephezulu ngophuhliso lommandla wengcali zawo umz. isimo sengqondo nomsebenzi wentlalo kwesimo semfundo. ICandelo liququzelele iWCED Psychology Congress yowama-2016 ebe yimpumelelo kakhulu elungiselelwe amagcisa empilo yengqondo/abacebisi abali-120 ekupheleni kowama-2016. Umxholo yayi-“kukuChongwa kwaNgethuba kweZithintelo ekuFundeni” kulungelelwaniso nomgaqo-nkqubo weSIAS. Inkqubo eyahlukeneyo yayamkelwe yiCPD ngokunjalo yaye inike ithuba kubanikezeli bobuchule abanengqiqo.

Kwakhiwe ubudlelwane phakathi kwamacandelo-ngamacandeloukwenzela kubanjiswane ngobonelelo lweenkonzo; kubanjiswana nala macandelo; iSebe leZempilo, malunga neenkonzo zonyango lwabafundi banezigulo ezichaphazela ingqiqo kunye nengqondo, iSebe loPhuhliso lweNtlalo yoLuntu, malunga nemiba yemimiselo kaRhulumente ngezentlalontle, Arhente yase Mzantsi Afrika yee Nkonzo zeNtlalo yoLuntu malunga nabafundi abafanelwe kukufumana igranti yoluntu, iSebe lezoPhuhliso loQoqosho noQeqesho malunga namathuba emisebenzi yabafundi

bezikolo zemfundo yeemfuno ezizodwa, kwakunye neSebelezobuGcisa neNkcubeko malunga namathuba akhoyo abafundi abaneemfuno ezizodwa kwezenkcubeko nemidlalo.

Kuphuculwa inkxaso enikwa ngabazali noluntu ngokubanzi, yokuquka nokuxhaswa kwabantwana abanemiqobo ethintela ukufunda abakhubazekileyo ukwenzela kwakhiwe uluntu olunqwenelekayo loMzantsi Afrika oqukanisa bonke. Kubanjwe iintlanganiso nabazali bomfundi ngamnye kwakunye namaqela abazali. Kubanjwe iintlanganiso ziliqela nemibutho emela amalungelo abantu abakhubazekileyo, nemibutho yemfundo equkanisayo.

liNjongo zeQhinga

INkqubo 4							
liNjongo zeQhinga	Izifzekiso ezizizo 2013/2014	Izifzekiso ezizizo 2014/2015	Izifzekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
Inani lezikolo elinceda abafundi abanemiqobo ebathintelayo ekufundeni	8	40	40	56	40	- 16	Kwagqitywa ekubeni kunikwe ingqwalasela kuzinziso lwezi zikolo sele zikho nokulungiselela inqanaba elilandelayo lophuhliso. Ngenxa yezithintelo zezibonelelo, izikolo ezili-108 "ezineyunithi"/ neeklasi zezibonelelo ziyaguqulwa ngokwakaloku nje zibe zizikolo ezinikezela ngenkonzo ngokupheleleyo. Izikolo zenkonzo epheleleyo zisi-8 ezitsha ziya kwangezelelwa ngowama-2017/2018.

Imigqalisela yomsebenzi

INkqubo 4							
Inkqubo yeMlinganiselo yokuSebenza	Izifzekiso ezizizo 2013/2014	Izifzekiso ezizizo 2014/2015	Izifzekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
PPM401: Ipesenti yabafundi abaneemfuno ezizodwa abagcinwe kwezi zikolo de babenimnyaka eli-16	Intsha	Intsha	79.8%	70%	76.8%	6.8%	Kukho ukutshintsha kweli candela, ngokuthambekele kwiisampulo ezincinane.
PPM402: Ipesenti yezikolo ezineemfuno ezizodwa ezisebenza njengamaziko eZibonelelo	Intsha	Intsha	33%	45%	37%	- 8%	Izithintelo zenkxaso-mali zithintele ukwanda okupheleleyo kodwa umsebenzi wophuhliso uyaqhutywa.

IQhinga lokulungisa imimandla esebenza ngaphantsi kokulindelweyo

- Ukujongana neemfuno zokuxhasa abafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa ngokulandela indlela ezithile zenkxaso ngokweWCED.
- Ukuxhobisa ootitshala izikolo zesiqhelo ngokuqubisana nemiqobo ethintela ukufunda ukuze ootitshala bakwazingcono ukufundisa baxhase iindindi ezahlukeneyo zabafundi
- Uqeqesho lugxila koku:
 - Abasebenzi beZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa malunga neendidi ezahlukeneyo zokulimala
 - Abasebenzi abakwiZikolo zeNkonzo ePheleleyo/iZikolo eziQukanisayo, mlunga nokuqaphela nokuqubisana nemiqobo ethintela ukufunda
 - Abasebenzi abakumaZiko eNkxaso eZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa malunga nendima yabo eyandisiweyo
 - Abasebenzi abakwii-Ofisi zeZithili, abanika iNkxaso eKhethekileyo, kuqukwa aMagcisa engqondo, ooNontlalontle, abaCebisi bokunika iNkxaso kwezeMfundo, ooGqirha naboNyango malunga nendima yabo ekuxhaseni inkalo eziqhubekakisa iMfundo eQukanisayo
 - Ootitshala benkxaso yokufunda esekwe esikolweni kuphuculo kolwimi lweMathematika
 - AmaQela enkxaso asekwe esikolweni kuHluzo, ukuChonga, uVavanye nenkqubo yenkxaso (SIAS)
- Izikolo ezangezelelweyo, amagumbi okufundela alungiselelwe abafundi abanezidingo eziphakamileyo zenkxaso.

linguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Azikho

Ukunxulumanisa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

Inkcitho eyenzeke kwiNkqubo 4 ibe negalelo kwimpumelelo yeziziphumo zingundoqo zilandelayo zeWCED:

- Ukunika izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa izithuba zootitshala nezithuba zabasebenzi
- Ukwandisa nokuxhobisa amaziko/amagumbi okufundela enkxaso ezikolo zemfundoeneemfuno ezizodwa
- Ukunika inkxaso-mali kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa
- Ukukhuthaza kokusekwa kwezikolo zenkonzo epheleleyo kwimfundo ebandakanya bonke abafundi.

Inkcitho yenkqutyana

Igama leNkqutyana	2016/17			2015/16		
	Ulwabiwomali lokugqibela	Inkcitho Eyayo	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi	Ulwabiwomali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
4.1 Izikolo	1,124,477	1,124,477	-	1,059,168	1,033,921	25,247
4.2 UPuhliso lweZakhono zaBasebenzi	-	-	-	-	-	-
4.3 Iminikelo ekhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	-	-	-	15,852	15,852	-
Zizonke	1,124,477	1,124,477	-	1,075,020	1,049,773	25,247

4.5 INkqubo 5: IMfundo noPhuhliso lwaBantwana abasaQalayo

Injongo:

TUkunika uPhuhliso lweMfundo yaBantwana abasaQalayo (ECD) kwiGreyidi R nakwi nqanaba elilandulela Greyidi R ngokungqinelayo nePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo. I-e-Learning nayo ibandakanyiwe.

INkqubo yeECD iqulethe ezi nkqutyana zilandelayo:

INkqutyana 5.1: iGreyidi R leZikolo zikaRhulumente

Ukunika izikolo eziqhelekileyo zikarhulumente izixhobo ezifuneka kwiGreyidi R.

INkqutyana 5.2: Greyidi R kumaZiko anika inkxaso kuPhuhliso lweMfundo yaBantwana abasaQalayo.

INkqutyana 5.3: Uqeqesho lwaPhambi koGreyidi R

Ukunika uqeqesho nentlawulo yemivuzo yesibonelelo yeepraktishina/ootitshala abakwiGreyidi eyandulela uR.

INkqutyana 5.4: UPhuhliso lweZakhono zabaSebenzi

Ukunika iinkonzo zesebe uqeqeshelo lomsebenzi kunye nolunye uhlobo lophuhliso lootitshala nakwabo bangezizo iititshala kwiGreyidi R kumaziko eECD ezikolozikarhulumente.

INkqutyana 5.5: Iminikelo eKhutshwa phantsi kwemiQathango

Ukunika iiprojekti eziphantsi kweNkqubo 5 ezikhethwe liSebe leMfundo esisiSeko nezixhaswa ngemali yemikelo ekhutshwa phantsi kwemiqathango.

INjongo yeQhinga¹⁴

INkqubo 5: INjongo yeQhinga	
INjongo yeQhinga5.1	<ul style="list-style-type: none"> • Ukunika izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezizimeleyo ezichongiweyo ezinezixhobo zoncendo ezifunekayo kwiGreyidi R kwanokwenza iimeko ezikhuthaza izikolo ezininzi ukuba ziseke amagumbi okufundela akhoyo afumanekayo okanye ziseke amagumbi okufundela uGreyidi R kumagumbi okufundela akhoyo afumanekayo okanye ziseke amagumbi okufundela amatsha kuGreyidi R. • Ukuphuculwa koqeqesho lootitshala
INGxelo yeQhinga	<p>Ukuphuculwa komgangatho wokuqhuba iinkonzo kumagumbi okufundela uGreyidi R</p> <ol style="list-style-type: none"> 1. Ukuhlawulwa kwenkxaso-mali yabafundi beBanga –R nokubekwa eswani kwayo. 2. Ukuqeqeshwa kootitshala nabasebenzi bakaGreyidi -R 3. Inkxaso eqhubekayo noqeqesho lweenqununu 4. Ukubonelelwa nge LTSM namagumbi okufundela 5. Ukuqatshelwa ngethuba kwemiqobo ethintela ukufunda nokuqhutywa kwenkqubo yenkxaso ukuqobisana nolibaziseko lophuhliso 6. Ukusekwa kwezithuba zootitshala bakaGreyidi R ukuqala ngo 2015/16- 2019/20 7. Ukunika ibhasari zokunyusa imfundo evunyiweyo yeBanga –R yabasebenzi zibe kwinqanaba le B.Ed yesigaba esiSiseko zilingane neDiploma kwindlela zokufundisa uGreyidi- R

IInjongo zeQhinga, imigqalisela yomsebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifizekiso ezizizo

Amanani obhaliso lwabafundi

¹⁴ INjongo yeQhinga ngokwesicwangciso seQhinga esilungiselelwe owama-2015 -2019 ishicilelwe kwakhona apha ngokupheleleyo

Amaziko e-ECD ancipha ukususela kuma-396 ngowama-2015 ukuya kuma-381 ngowama-2016. Ukuncipha kubangelwe linani elincinane elibhalisiweyo kumaziko aZimeleyo e-ECD ze abafundi abaninzi bangeniswa kuGreyidi R wezikolo zikarhulumente kunokuba bekunjalo ngaphambili. UVavanyo loNyaka olukwikhompuyutha lwe-ECD lwaqaliswa okokuqala ngowama-2016. Inkqubo iqinisekisa okokuba akukho bafundi bangaphantsi kobudala obufanelekileyo bachola-choliwe, ngoko luqinisekisa ngento yokokuba ababalwa njengabafundi bakaGreyidi R. Ngokunjalo, abafundi akufuneki "babalwe kabini" njengoko inkqubo ichonga abafundi abaphinda-phindiweyo. Bangama-65 488 bephelele abafundi bakaGreyidi R kwizikolo zikarhulumente (izikolo eziqhelekileyo kunye nezemfundo ezidoswa).

UPhuhliso lweZakhono zootitshala

Uqeqesho lweNkcazelo yomGaqo-nkqubo weKharityhulam nokuHlola (CAPS) lwenzelwe amagcisa kaGreyidi R ebeqala ukungena ngowama-2016/17. Onke amagcisa kaGreyidi R afumana uqeqesho olunzulu lwenkxaso (iinyure ezingama-43 kwisithuba seenyanga ezi-6) nakwimathiriyeli yezibonelelo kulwimi oluvelayo.

Amagcisa eECD angama-6 633 xawonkeabhalisele inkqubo yokunika abafundi beNqanaba (Quintile) 1, 4 okanye 5, inkqubo leyo inikwe ziiKholeji zeTVET zaseNtshona Koloni apha ekuqhubeni kwalo nyaka uhlohlwayo.

Ngaphezulu, abantu abangasebenziyo abangama-562 baye baxhamla kwinkqubo yeenyanga ezili-12 yabaNcedisi baMagcisa eeECD ezikwiNqanaba lo-1, ebini kwa ziiKholeji zeTVET. Abalishumi elinesixhenxe babaxhamli abongezliweyo baxhamle kuMnikelo oKhutshwa phantsi kwemiQathango abaye banikwa imisebenzi yethutyana njengabasebenzi bokuxhasa kwezolawulo. Bebexhasa inkqubo yeECD ngokuqokelela iingcobolo bezifaka ekhompuyutheni, baphinda ngaxeshanye bafumana noqeqesho ngaphakathi emsebenzini.

INkxaso-mali

Ngo-2016 isabelo senkxaso-mali yabafundi bakaGreyidi R kwizikolo zikarhulumente ezingama- 986 nezikolo ezizimeleyo ezingama-514 iye yanyuswa, ukwenzela ungqinelwaniso neemfundo zemiMiselo nemiGangatho kaZwelonke yokuxhaswa kukaGreyidi R. Kubekho ukunyuswakwenkxaso-mali ngonyaka wama-2016/17. Khangela iSetyhula 004/2016 eqale ukusebenza ngomhla woku-01 kuEpreli 2017.

Ikhwintali	Isimo somrhumo weziko	Isixa-mali ngonyaka ngomfundi
1	Akuhlawulwa mirhumo	R4 800
2	Akuhlawulwa mirhumo	R4 800
3	Akuhlawulwa mirhumo	R4 800
4	Akuhlawulwa mirhumo	R4 800
5	Akuhlawulwa mirhumo	R4 800
4	Izikolo ezihlawulisa umrhumo	R3 600
5	Izikolo ezihlawulisa umrhumo	R3 400

lifomu zebango lenkxaso-mali zingeniswa kwi-Ofisi eyiNtloko ngekhompyutha kabini ngonyaka. Oku kwenziwa ukuqinisekisa kwisiThili phambi phambi kokuba kwenziwe iintlawulo kwiiakhawunti zeebhanki zezizikolo. Ngo2016/17 abafundi beGreyidi R abangama-63 153 abakwizikolo zikarhulumentenabafundi bakaGreyidi R abangama-16098 abakwizikolo ezizimeleyo ze-ECD baye bafumana inkxaso-mali (ukuqala kuka Febuwari 2017).

I-ofisi eyintloko namagosa esithili abeke iliso ukusetyenziswa kwenkxaso-mali kwizikolo zikarhulumente ezingama-380 nee-ECD ezizimeleyo ngowama-2016. Oku kubekwa kweliso kuya kuqhutywa kunyaka-mali olandelayo.

Izifundo zeKholejti zeMfundo yoBugcisa noQeqesho (TVETS)

Isibonelelo-mali esinikwa amagcisa onke eECD, sinyusiwe, besiyi-R1 605 saya kwi-R1 701 ngenyanga. Onke amagcisa eECD akwinqubo yoqeqesho lwabafundi besengqeshweni, aye axhamla koku kunyuswa kwesibonelelo.

Izibonelelo ezongezelelweyo nezixhobo

Kuye kwakhiwa amagumbi okufundela eGreyidi R angama-69 ngonyaka-mali wama-2016/17. Amagumbi okufundela kaGreyidi R angama-59 kwizikolo zikaRhulumente zifumene ifanitshala kwisibonelelo sohlahlo lwabiwo-mali lowama-2016/17. Ifanitshala kaGreyidi R iquathe iitafle zabafundi (ezi-5 kwiklasi nganye), Izitulo zabafundi (ezingama-30 kwiklasi nganye) ikhaphethi enye, iShelufa yeencwadi, idesika yetitshala nesitulo, nekhhabathi yenhtsimbi zokufayilisha yeklasi nganye.

IBanga R kwiZikolo zabaNgevayo

Amagcisa amahlanu nabancedisi beepfakthishina abahlanu bakaGreyidi R baqale ukusebenza kwizikolo ezintlanu zabaNgevayo. Injongo yokugqesha lamagcisa eGreyidi R ibikukuqinisekisa ukuqhutywa kweSouth African Sign Language (SASL) kwiklasi zikaGreyidi R zezi zikolo. Izikolo ezibandakanywa kwiSASL yiNoluthando, iDominican School for the Deaf, iMary Kihn, iDe La Bat neNuwe Hoop.

UGreyidi R kwiZikolo ezilungiselelwe abantwana abane-Autistic Spectrum Disorder

Amagcisa amathandathu kaGreyidi R kunye nabancedisi baqalise kwizikolo ezithandathu ezilungiselelwe abafundi abane-Autism Spectrum Disorder (ASD). Injongo yale projekti yayikukuchonga abafundi kwangethuba nokunika ithuba lokufunda kuGreyidi R olungiselelwe bonke abafundi njengoko kuchaziwe phantsi koMgaqo-siseko woMzantsi Afrika. Iprojekti yabekwa iliso ngamagosa kwiNkxaso eHlanganisayo yeMfundo eYodwa.

IiNjongo zeQhinga:

INkqubo 5							
IiNjongo zeQhinga	Izifizekiso ezizizo 2013/2014	Izifizekiso ezizizo 2014/2015	Izifizekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifizekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifizekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
Inani lezikolo zikarhulumente ezine Greyidi R	939	977	974	994	986	-8	Uninzi lweZikolo zikaRhulumente azinamagumbi awaneleyo okungenisa aba bafundi bangaphezulu kweeklasi zikagreyidi R.

Imigqalisela yokusebenza

INkqubo 5							
INkqubo yeMilinganiselo yokuSebenza	Izifizekiso ezizizo 2013/2014	Izifizekiso ezizizo 2014/2015	Izifizekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifizekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifizekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
PPM501: Inani lezikolo zikarhulumente ezineGreyidi R	939	977	974	994	986	-8	Uninzi lweZikolo zikaRhulumente azinamagumbi awaneleyo okungenisa aba bafundi bangaphezulu kweeklasi zikagreyidi R
PPM502: Ipesenti yabafundi leeGreyidi Banga 1 abafumene imfundo Esesikweni kaGreyidi R	Intsha	Intsha	69.13%	70%	69.91%	- 0.09%	Oku kumele uphuculo kunyaka ongaphambili kodwa azikuhlangabezi ngokupheleleyo ekujoliswe kuko.
PPM503: Ipesenti yamagcisa e-ECD abaqeshiweyo benemfundo ekwinqanaba NQF 4 nangaphezulu	n/a	n/a	n/a	n/a	n/a	n/a	

IQhinga lokulungisa imimandla esebenza ngaphantsi kokulindelweyo

- Kugxilwe ekuphuculweni koqeqesho lweetitshala
- Ukujonga kakhulu kwiinkqubo zenkxaso yabafundi beGreyidi R aba-'semngciphekweni' ukuqinisekisa ngento yokokuba bakulungele ukuba sesikolweni
- Ukuqinisekisa ukuba izikolo zinazo iLTSM zonke phambi kokuba kuqale unyaka wokufunda kaGreyidi R.
- Ukubeka esweni ukusetyenziswa ngempumelelo kweenkxaso-mali yeGreyidi R kwizikolo eziqhelekileyo zikaRhulumente nakwizikolo ezizimeleyo zeECD ezinoGreyidi R
- Ukuphuculwa komgangatho wokufundisa
- Ukuqhutywa kwe projekthi yolingo yamaBanga R – 3 kwizikolo ezili-100 ukuze kuphuculwe iziphumo zoLwimi ne Matematika nokufunyanwa kwezakhono zesiNgesi

linguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Azikhho

Ukunxulunyaniswa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 5 ibe negalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukunika izithuba zootitshala beBanga R kwizikolo zikarhulumente
- Ukwandisa nokuphucula iinkxaso-mali kwiBanga R kwizikolo zikarhulumente nakumaziko azimeleyo ukwenzela ukuqinisekisa ukubhaliswa kwabafundi kwiindawo zonke nokufundisa okusemgangathweni

INkcitho yeNkqutyana

Igama leNkqutyana	2016/17			2015/16		
	Ulwabiwomali lokugqibela	Inkcitho Eyiyo	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi	Ulwabiwomali lokugqibela	Eyona Nkcitho	Inkcitho (eGqithisileyo)/ eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
5.1 IGreyidi R kwiZikolo zikaRhulumente	358,737	358,737	-	306,316	300,875	5,441
5.2 7.2 IGreyidi R kumaZiko oLuntu oPhuhliso laBantwana abasaQalayo	67,247	67,247	-	68,664	68,664	-
5.3 UQeqesho lwaphambi kweGreyidi	99,812	99,812	-	110,661	109,801	860
5.4 UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi	-	-	-	-	-	-
5.5 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	12,143	12,143	-	2,823	2,823	-
Zizonke	537,939	537,939	-	488,464	482,163	6,301

4.6 INkqubo 6: Uphuhliso lwesakhiwo

INjongo:

Ukunika nokulondoloza izakhiwo zeziseko zophuhliso zezikolo nezingezo zezikolo

Inkqubo yophuhliso lwesakhiwo liquka ezi nkqutyana zilandelayo:

INkqutyana 6.1: ULawulo

Ukunika nokulondoloza izibonelelo zezakhiwo zolawulo

INkqutyana 6.2: IZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente

Ukunika nokulondoloza izibonelelo zezakhiwo zolawulo kulungiselelwa iZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente

INkqutyana 6.3: IZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Ukunika nokulondoloza izibonelelo zezakhiwo zolawulo kulungiselelwa iZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Nkqutyana 6.4: UPuhliso lweMfundo yabasaQalayo

Ukunika nokulondoloza izibonelelo zezakhiwo zolawulo kulungiselelwa uPhuhliso lweMfundo yabasaQalayo

INjongo yeQhinga¹⁵

INkqubo 6: INjongo yeQhinga	
INjongo yeQhinga 6	Ukuqinisekisa ngololongo lwezibonelelo ezifanelekileyo olubekwe phambili, olulondoloza iindleko nolusebenzayo nokuqinisekisa ngento yokokuba izikolo ezakhiweyo ziyahambalana neendlela ezibekwe phambili zabemi.
INgxelo yeQhinga	<ol style="list-style-type: none"> 1. Kuqulunqwe ugcino-ngcombolo (database) oluthembekileyo oluneencukacha ezibanzi ngemfuneko zolondolozo lwezakhiwo zeziseko zophuhliso. 2. Kubekwe phambili ungenelelo olusekelwe kulwazi ngentlelo ezingenamkhethe neenkqubo zolwazi oluchanekileyo. 3. Ukulawula inkqubo yokwakha kuquke ukubonelele ngezikolo ezitsha, kususwe iziseko ezakhiwe ngematiriyeli engafanelekanga, amagumbi okufundela akhiwe ngokutsha, kubonelelwe ngamagumbi okufundela amatsha, namagumbi okufundela angasosigxina, ze kufezekiswe iimfuno zoxinzelelo lwethutyana. 4. Kumxholo wekxaso-mali engonelanga kwakunye neziseko ezigugayo, kumelwe kusetyenziswe udweliso lweemfuno ngokubaluleka kwazo, ngolu hlobo; ukulungiswa kophahla, ukulungiswa kweziseko zezakhiwo, ukufumaneka kwamanzi, ukufumaneka kombane, imijelo yokuhambisa iindle nendawo zococeko iigatha, isilingi, umgama obiyelwayo, ukupeyinta. 5. Ukunika iinkonzo ezikhawulezileyo zolondolozo xa kukho intlekele zendalo, ingxaki ekwiziseko zezakhiwo nomonakaliso.

IINjongo zeQhinga, imigqalisela yomsebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo

Iinkcukacha zinikwe phantsi kweCandelo 6.8. "Isicwangciso solungiso lotyalo-mali lweZakhiwo kunye nolawulo lweeasethi". Isishwankathelo sinikwe apha ngezantsi.

¹⁵INjongo yeQhinga ngokwesiCwangciso seQhinga esilungiselelwe owama-2015 -2019 ishicilelwe kwakhona apha ngokupheleleyo

liprojekti zokwakha ezigqitywe ngowama-2016/17

Izikolo ezitsha

Izikolo ezitsha ezisi-8 zagqitywa ze zanikezelwa ngowama-2016/17, ezizezi Masakhane Primary School, Tulbagh Primary School, Worcester High School (Somerset High School), Zwelethemba High School, Concordia High School, Sinenjongo High School, Louwville High School and Vuyiseka High School.

Izikolo ekwakhwe ezinye endaweni yazo (izikolo ekwaxhiwe ezinye endaweni yazo ngenxa yemathiriyeli engafanelekanga ekwaxhiwe ngayo)

Ezi Zikolo zakhiwe ngokutsha zilandelayo zagqitywa ngowama-2016/17 ngenkxaso-mali yeWCED:

Izikolo ezili-11 zakhiwa ngokutsha, iACJ Phakade Primary School, iGarden Village Primary School, Itsitsa Primary School, Nalikamva Primary School, Steynville Primary School nePineview Primary School.

Ezi zikolo kwaxhiwe ezitsha endaweni yezidala zagqitywa ngowama-2016/17 njengexalenye yeLinge eliKhawulezisiweyo loPhuhliso lweZakhiwo zeZikolo (ASIDI) iiprojekti zezakhiwo ezixhaswa ngemali liSebe leMfundo yesiSeko: iDu Noon Primary School, iMount View Secondary School, iRed River Primary School, iSilverstream Primary School neVooruitsig Primary School.

Amagumbi okufundela ongezelelweyo

- Ukwandiswa kwamagumbi okufundela: Amagumbi okufundela angama-52 kwizikolo ezili-19.
- Amagumbi okufundela kaGreyidi R: Amagumbi okufundela angama-69 aye agqitywa ngowama-2016/17. Angama-40 amagumbi okufundela asuka kuluhlu lweeprojekti mhlawumbi zowama-2013/14 okanye zika-2015/16. Umncwano oshiyekileyo ubonelelwe kulwakhiwo olutsha lwezikolo olugqitywe ngesithuba sowama-2016/17.

Kuye kwanikwa iiyunithi ezingonjikeleza: Amagumbi okufundela ali-119.

Izibonelelo ebezilungiselelwe ukugqitywa ku-2016/17 zithiwe thaca apha ngezantsi, zibekwa kunye namanani ezinto ezenzekileyo.

Icandelo	Ekujoliswe kuko	Inani elililo
Izikolo ezitsha	9	8
Izikolo eZakhiwe ngoKutsha (kuquka neASIDI)	13	11
Amagumbi okufundela kaGreyidi R	Amagumbi angama-84	Agqityweyo (69) Amagumbi okufundela angama-40 kunyaka wama-2013/14 kunye nama-2015/16 kwinkqubo agqitywa ze angama-29 akhiwa kwizikolo ezitsha nakwezakhiwe ngokutsha. Awagqitywanga (15) 4 amagumbi okufundela eKuilsvier PS –Nangona egqitywe yaye esetyenziswa, kodwa akakafikeleli kwinqondo lokugqitywa ngokupheleleyo njengoko iCandelo 2 (amabala emidlalo) lisagqitywa. Amagumbi okufundela ama-2 eHawston PS. Ukugqitywa kwawo okupheleleyo kulindelwe ngomhla wama-23 kuMeyi 2017. Kukho amagumbi okufundela asi-9 ezikolweni kwinkqubo yowama-2015/16 ethe ngenxa

Icandelo	Ekujoliswe kuko	Inani elililo
		yongqubano lwabasebenzi, ubusela, ukonakaliswa, ukuhlaselwa kwabasebenzi bekontilaka nokumiswa komsebenzi akubanga nakho ukugqityezelwa ngokupheleleyo.
Ukuhlaziywa nokongezwa	11	0
Ukwandiswa kwamaGumbi okufundela	124 kwizikolo ezingama-35	Agqityiwe Amagumbi okufundela angama-52 kwizikolo ezili-19 agqitywa ngowama-2014/15, 2015/16 yaye ezinye kuluhlu lweprojekti yowama-2016/17. Arhoxisiwe Amagumbi amane kwizikolo ezi-2 arhoxiswa. Ukugqitywa ngokupheleleyo ngesithuba sekota yoku-1 ngowama-2017/18 Amagumbi okufundela ali-10 kwizikolo ezi-5 afikelele ekugqityweni ngesithuba lekota yoku-1 yowama-2017/18.
		Awagqitywanga Amagumbi okufundela angama-47 awama-2016/17 aqalisiwe kwizikolo ezisi-8 ezilawulwa yiDTPW aya kugqitywa ngesithuba sonyaka-mali wama-2017/18. Iileta zoNikezelo zakhutshwa kulungiselelwa izikolo ezi-5 ngeli thuba iiprojekti kwizikolo ezi-3 eziseleyo zabuyiselwa umva kuVavanyo lokuNikwa kwamaxabiso. Amagumbi okufundela ali-11 eSouth Peninsula HS alindelwe ukuba abe anokufikeleleka ekugqityweni okupheleleyo ngoAgasti 2017
Amagumbi okufundela Ajikelezayo	Akuko okujoliswe kuko okumiselweyo	Amagumbi okufundela ali-119 classrooms

IiNguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

(a) Izikolo ezitsha

Isikolo ekuphela kwaso esisigxina esikwishedyuli yokugqitywa ngomhla wama-31 kuMatshi 2017, esingakhange sigqitywe sibe yiRusthof LSEN School. Esi sikolo sibe nokulibaziseka, ngenxa yobubanzi beprojekti yaye siya kugqitywa kuluhlu lwekota yowama-2017/18. Umba ophathelelene nelungelo lokufumana isikolo esitsha esisandula ukwakhiwe uya kuchaphazela ukuvulwa kwesi sikolo sitsha.

(b) Izikolo ezakhiwe ngokutsha

Ngomhla wama-31 kuMatshi 2017, ezi zikolo zakhiwe ngokutsha zilandelayo, bezishedyulelwe ekuqaleni ukuba zigqitywe ngonyaka-mali wama-2016/17, zibe kumanqanaba awahlukeneyo olwakhiwo: iKuilsvier Primary School kunye neHawston Primary School. IHawston Primary School ibe neengxaki zolwakhiwo ekwadingeka ukuba zilungiswe phambi kokuba isikolo esisandula ukwakhiwa sibe nokubhengezwa njengesikhuselekileyo ukuba kuhlalwe. Oku kulungiswa kusaqhutywa yaye kuya kugqitywa ekuqaleni konyaka-mali wama-2017/18. IKuilsvier Primary School sifanele ukuba sibe sigqitywe ngoMeyi 2017.

(c) Amagumbi kaGreyidi R

Kumagumbi okufundela angama-72 athiwe thaca njengokujoliswe kuwo alungiselelwe uGreyidi R ngamagumbi okufundela angama-40 kuphela athe agqitywa kunyaka-mali wama-2016/17. izizathu zolibaziseko zibandakanya ukusebenza ngaphantsi kokulindelweyo kweekontilaka nolityaziso kwizikolo ezitsha, ezithe zibandakanywa kokujolise kuko.

IiNjongo zeQhinga:

INkqubo 6							
IiNjongo zeQhinga	Izifzekiso ezizizo 2013/2014	Izifzekiso ezizizo 2014/2015	Izifzekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwang-cisiweyo 2016/2017	Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwang-cisiweyo Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
Inani lamagumbi okufundela akhiweyo ezikolweni zikarhulumente	265	253	661	319	695	376	Amagumbi okufundela achongelwe ukugqitywa kwiminyaka engaphambili agqitywa yaye bekukho iinguqu zobungakanani ezivunyiweyo ngokunjalo namagumbi angama-235 akhiwe kwizikolo ezitsha. Amagumbi ajikelezayo ali-119 anikezelwe ngokunjalo. Amagumbi okufundela angama-56 kwizikolo ezakhiwe kwakhona, amagumbi okufundela awandisiweyo angama-72 ngokunjalo amagumbi okufundela ali-11 alungiselelwe uhlaziyo kunye nezandiso kuluhlu lweprojekti yowama-2016/17 aya kugqitywa kuphela ngesithuba sonyaka-mali wama-2017/18.

Imigqalisela yokusebenza

INkqubo 6							
INkqubo yeMilinganiselo yokuSebenza	Izifzekiso ezizizo 2013/2014	Izifzekiso ezizizo 2014/2015	Izifzekiso ezizizo 2015/2016	Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2016/2017	Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo Izifzekiso ezizizo 2016/2017	Amagqabantshintshi ngeyantlukwano
PPM601: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinikezwe amanzi	n/a	n/a	n/a	n/a	n/a	n/a	Qaphela into yokuba iPPM 601, 602 kunye ne-603 akukho ekujoliswe kuko kwathiwa thaca ngokunjalo nezikolo zonke esele zikho ezineenkonzos zesiseko ezintathu ezidwelisiweyo.
PPM602: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinikezwe umbane	n/a	n/a	n/a	n/a	n/a	n/a	
PPM603: Inani lezikolo zikarhulumente ezinikezwe amagumbi angasese	n/a	n/a	n/a	n/a	n/a	n/a	

INgxelo yoNyaka-mali 2016/2017
IVoti yesi-5: ISebe leMfundo
IPhondo leNtshona Koloni

INkqubo 6							
IWCED iqinisekisa ngento yokokuba imigaqo-nkqubo yephondo nesebe iyasetyenziswa. Ithi ngokunjalo igcine irejista yezithuthi ezisetyenziswa yiWCED ze ibeke iliso ukusetyenziswa kwezithuthi ngokusetyenziswa kwamaxwebhu okuchaza ihambo kunye neengxelo zetreka. Ezi zithuthi zikhoyo ziyazihlangabeza iimfuno ezikhoyo zeWCED kodwa ukuba ngaba izithuthi ezangezelelweyo ziyadingeka ngenxa yokwanda kwebango lezithuthi, izithuthi zeGG ziyaqeshwa kwiCandelo lokuQesha ngokuBanzi kwiGMT ukwangezelela izithuthi ezikhoyo.



ICandelo C
Ezolawulo

1. INtshayelelo

Imigangatho ephezulu yolawulo ngundoqo ekulawulweni kwemali nezixhobo zikaRhulumente. Amasebe kaRhulumente kumele ehleli enamacandelo olawulo olulungileyo ukuze akwazi ukusebenzisa ngokufanelekileyo, ngokusebenzayo nangoqoqosho lwezixhobo zikaRhulumente.

Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi yezeMfundo azimele kwaye anyulwe liGosa eliNika iNgxelo lisebenzisana neGunya lesiGqeba soLawulo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi isebenza ngokwemiMiselo yokuSebenza evunyiweyo yaye idibana qho ngekota ukuze inikeze imiphumela kuxanduva lwayo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi idibana kwakhona neGunya lesiGqeba soLawulo kunye neGosa eliNika iNgxelo ukuxoxa ngemiba exhalabisayo.

Iinkonzo zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi zenziwa ngokuzimeleyo liZiko loPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi neeNkonzo zeNkxaso elikwiSebe leNkulumbuso. Ngokuhambelana noMthetho wokuLawulwa kweMali kaRhulumente, we-1999 (uMthetho woku-1 we-1999) (PFMA) neKING III, ukuSebenza koPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi lunika iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye nolawulo lweWCED luuqinisekiso lokuba zanele yaye ziyasebenza izinto ezilawulwayo ngaphakathi (internal controls). Isicwangciso seQhinga leminyaka emi-3 olusekelwe kwimicingcipheko kunye nesicwangciso soPhicotho lwangaPhakathi lwemiSebenzi yoNyaka zivunyiwe yiKomiti yoPhicotho-zincwadi ngowama-2014. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeke esweni ukwenziwa kwesicwangciso sokusebenza kunye nezenzo zokulungisa zokuqhutywa kolawulo.

IYunithi yoLawulo lwangaPhakathi yeWCED inika ukhokelo, iingcebiso kunye nolawulo lweqhinga ngokunxulumene nezenzo zolawulo lwangaphakathi.

Igxininisa koku:

- Ukuqinisekisa ngokuphatha ngendlela eyiyo. Oku kuquka ulungelelwaniso nolungiso lwabathunywa abafanelekileyo kunye nesicwangciso-nkqubosolawulo. Ugxininiso luqinisekisa ngokuqhutywa kwendlela zokulungisa; eziqinisekisa ngokuqhutywa nokugcinwa kwenkqubo yoLawulo lweLahleko olundindeneyo; ukunikeza ingxelo, ele kwikota nonyaka, malunga nobume beempendulo kwiingxelo zeYunithi yoPhando malunga nemicimbi yemali.
- Ukunika inkonzo eqinisekisyayo. Oku kubandakanya imicimbi eya kwiKomiti yoPhicothozincwadi; ukungasokoliswa kophicotho-zincwadi lwangaPhandle nolwangaPhakathi kunye nokulawulwa kwenkqubo yasemva kophicotho-zincwadi
- Ukunika imigaqo-sikhokelo zemimiselo, zemigaqo-nkqubo nezolawulo kunye neengcebiso malunga nokwenziwa komsebenzi. Oku kuquka ukuqulunqwa kwesixhobo neendlela emazilandelwe kwanokunikwa kweengcebiso malunga namaxwebhu obuchule obuza kusetyenziswa kunye nemigaqo-nkqubo.

Indlela yoqinisekiso oludibeneyo iza kuqhutywa nokusetyenziswa ukwenzela ukuba izixhobo ezimbalwa zophicotho-zincwadi lwangaphakathi zigxile ngokuyimpumelelo kwezona nkalo

zisemngciphekweni zifanelekileyo. Oku kuquka ukusebenzisana ngokusondeleneneyo phakathi kweYunithi yoLawulo lwangaphakathi kunye noPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi.

Onke amagosa athwaliswe uxanduva lokumelwa kukuphendula okubonakaliswe ziingcaciso zemisebenzi zawo kunye nezivumelwano zendlela yokusebenza. AmaGosa akwiOfisi eyiNtloko athwaliswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngenkxaso yobungcali ekufuneka inikwe kwangexesha kwizithili zemfundo. Izikolo nezithili zemfundo zithwaliswa uxanduva lwenkxaso emayinikwe ezikolweni kunye nendlela abaqhuba ngayo abafunda

Uxanduva lokuphendula ngokwenziwayo kwinqanaba lesikolo lomelezwe ukususela ngo- 2011 ngoMthetho wolungiso wePhondo leNtshona KoloniwoLungiso lweMfundo yeZikolo onguNombolo 7 wama-2010 oqalise ukusebenza ngoJanyuwariwama-2011.

Uxanduva lokuphendula ngokwenziwayo lunatyiswa ngemisebenzi yokongamela edlalwa liCandelo loLawulo-malilePhondo neleSizwe ngokwemingxilo enyanzelekileyo yemijikelo yokucwangcisa nokunika ingxelo, mijikelo leyo iquka imiba yezemali nengeyoyamali. Izithuba zokunikwa kwengxelo zezenyanga (umz. eyeemali), ikota okanye unyaka. Onke amacandelo aphantsi kweWCED anamacandelo asebenzisana nawo kwiSebe leMfundo esiSiseko okanye iSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho) apho kugcinwa khona iingxelo ezilandelelanayo, ingcaciso ngocazululo lwentsebenzo noqikelelo lokuza kwenziwa. ISebe lenkulumbuso lenza umsebenzi wokongamela kwiiprojekthi eziphambili zeSebe iWCED. Iinkqubo zophicotho lwangaPhakathi nolwangaPhandle zongeza ekulawuleni iinkqubo zolawulo zize zancedise ekuqinisekiseni ukusebenza ngendlela eyiyo nolawulo ngobulumko.

Uxanduva lokumelwa kukuphendula lihleli kubudlelwane obumiselweyo obuphakathi kweWCED no-UMALUSI, oliqumrhu loqinisekiso lomgangatho likazwelonke elijongene neziphumo zokufunda. Obu budlelwane busekelwe kuhlolo lwangaphakathi lweenkqubo zokuhlola kunye nokunikwa kweenkqubo ezamkelekileyo zeemviwo.

Ngokufanayo nawo onke amasebe karhulumente elizwe jikelele, iWCED iye yathatha inxaxheba kukubeka esweni iziqalo ezitsha zeSebe likaMongameli, isiXhobo sokuHlola uMsebenziwabaLawuli (MPAT) eye yaphonononga iinkalo ezi-4 zolawulo, ezizezi: uCwangciso lweQhinga, iCandelo lezabaSebenzi, uLawulo nokuThatha uXanduva kunye noLawulo lweeMali. Ibingumsebenzi oxabisekileyo lo. UkuHlolwa kweSikolo siPhela kusaqhuba nokunika ingqiqoengaphelili nje kwiimfuno zenkxaso zesikolo ngasinye, kodwa nayo nemiba ebonakalisa inkqubo yezemfundo. Ngowama-2016, iimvavanyo ezijolisileyo zaqaliswa ukumisela okokuba ingaba kukho uhambelwano phakathi kobunkokheli besikolo nolawulo, kunye nempumelelo yomfundi. Ingxelo ngokufunyenweyo kwizikolo ezingama-54 zisebenze njengesixhobo esiluncedo solawulo ukulungiselela inkxaso enikezwa sisithili, ulandelo nokubekwa kweliso. Ulwahlulo-hlulo kubude botyelelo lunike ithuba kwizikolo ezangezelelweyo okokuba zityelelwe. Okufunyenweyo kabelwene ngako kwiingxelo kusangezelelwa kwiingxelo ezibanzi ezinikezelweyo kwizikolo nakwizithili zemfundo ezichaphazelekayo.

Zonke izikolo ziye zaqakumbela iziCwangciso zoPhuculo lweSikolo (SIPs) kwi-intanethi, zinokujoliswe kuko kweminyaka emi-3, apho bekuchatshazelwa inkqubo yezemfundo; ukugqibelela kolawulo (njengokulawulwa kokungahambi sikolo kootitshala nabafundi kunye nocwangciselu lokufunda); ukufumaneka kwezixhobo kunye nokulungiswa kwesikolo. Izalathi ezingqinelana nekujoliswe kuko kukazwelonke zihambelana neenkalo ezili-9 ekugxilwa kuzo xa kusenziwa ukuhlolwa kwesikolo siphela. Ixabiso lesicwangciso sophuhliso esinje lelokuba zonke

izikolo zigxininisa ekuqhubeni amaphulo ongenelelo loncedo oluphambili lophuculo. IiSIP zikwayinxalenye yendlela yokumelwa kukuphendula, nanjengoko abo basayina esi sicwangciso iyingqununu, iSGB neSebe iWCED. Izikolo ziye zanika neziCwangciso zokuSebenza ezibonisa amanyathelo ezinokuwathatha ukufezekisa ekujoliswe kuko okubekiweyo.

Ngo-2016/17 kuye kwaBekwa eSweni uPhuculo lweZikololwekota, apho bekubekwa imiba ephambili yokuxhasa ngezixhobo ukusebenza kwesikolo, umz. ukonyulwa kweeSGB, ukulungela ukuqala unyaka. Ngenxa yokuba iingxelo zifakwe kwiintanethi, iinkcukacha zolwazi ebezinokufumaneka zize zisetyenziselwe ukuphucula inkxaso. Ngokukodwa, umzekelo, iinkcukachazize zenza ukuba iWCED ihlale inolwazi ngokusiwa ezikolweni kweencwadi zokusebenzela.

2. ULawulo lwemiNgcipheko

IGosa eliNika iNgxelo leSebe leMfundo leNtshona Koloni lithatha uxanduva lokumiliseka uLawulo loMngcipheko weShishini(ERM) ngokungqinelana nesiCwangciso-nkqubo zoLawulo lweCandelo likaRhulumente leCandelo loLawulo-mali (PSRMF) kunye neCandelo loLawulo loMngcipheko weShishini (ERM) kwiSebe leNkulumbuso (DOtP) linikeza eli Sebe inkonzo yenkxaso yeqhinga elawulwa kwindawo enye.

Ngokuhambelana nesiCwangciso soLawulo loMngcipheko weCandelo likaRhulumente leCandelo loLawulo-mali (PSRMF) kwanokumiliseka ngaphezulu ulawulo lolahleko kwiSebe leMfundo, uRhulumente waseNtshona Koloni (WCG) wamkele ngokusemthethweni iNgxelo yoMgaqo-nkqubo weERM ocacisa injongo yeWCG ngokunxulumene neERM ngokupheleleyo. ISebe lamkelen umgaqo-nkqubo we-ERM olungiselelwe isithuba sowama-2015/16 ukuya kowama-2016/17, ovunywe liGosa eliNika iNgxelo ngomhla wama-26 kuEpreli 2016 kunye neQhinga le-ERM kunye nesiCwangciso sokuNikwa kweNgxelo ngomhla wama-28 kuEpreli 2016. Esi siCwangciso sokuMiliselose-ERM siye sincede uMgaqo-nkqubo weERM yeSebe kunye neQhinga yaye sicacisa indima noxanduva lwabalawuli nabasebenzi abathwaliswa uxanduva lolawulo lwemingcipheko kwiSebe.

ISebe livavanye imingcipheko ebonakalayo engathi ibe nempembelelo kwimpumelelo yeenjongo, ezezeqhinga nakwinqanaba lenkqubo rhoqo ngekota. Imingcipheko ibekwe ngokokubanako ukwenzeka kwanefuthe layo (angundoqo naseleyo) kwaza kwavunywa indlela zokuyithomalalisa ukwenzela ukunciphisa imingcipheko ibe kumanqanaba amkelekileyo. Imingcipheko emitsha/esavelayo iye yachongwa ngethuba lenkqubo yokuhlala kwekota.

ISebe liye laseka iKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini (ERMCO) ukuba incedise iGosa eliNika iNgxelo ekwenzeni uxanduva lwayo ngokunxulumene nokulawula kwemingcipheko. Le Komiti isebenza phantsi kwemiMiselo yokuSebenza (Terms of Reference) evunywe liGosa eliNika iNgxelo ngomhla wama-19 kuFebruwari ka-2016. I-EMRCO iye yamkela uvavanyo lwemiphumela yamaqhinga okudambisa amiliselwe ukujongana nemingcipheko ngakwiSebe yaze yafaka isindululo sokwenziwa apho kufanelekileyo.

IKomiti yeMfundo yoPhicotho-zincwadi ibeke iliso ngaphezulu kwinkqubo yolawulo lwemingcipheko njengexalenye yovavanyo lwarhoqo ngekota lweSebe.

Ifuthe kumsebenzi weziko

Izibonelelo zolawulo loMngcipheko lweShishini ziyaqhubeka zifezekiswa. ABaphathi abaNtshona bayayazi imisebenzi yabo njengabanini bomngcipheko kwizikhundla zabo ezahlukeneyo. Ukunikwa kwengxelo okuthe gqolo nokusoloko kusenziwa kuyanceda ukudambisa apho inokuthi ivele khona. Iingxelo zingceda ulawulo okokuba lijolise kwimimandla ebalulekileyo yaye nemiphumela ekho ngethuba yokufaneleka. ISebe lifezekise uphuculo lomsebenzi kumanqanaba awahlukene, ngenxa yokukhula kolawulo lomngcipheko.

Le mingcipheko iphambili ilandelayo namanyathelo odambiso achongwa kulungiselelwa unyaka ophantsi kovavanyo:

Umngcipheko	Udambiso
1 Izithintelo zohlahlo lwabiwo-mali ziya kuba nempembelelo embi kwizibonelelo zesebe (iHO / iziThili) kunikezelo lweenkonzo zalo	Ubekho phambili oluqhubekayo lohlahlo lwabiwo-mali ngokuhambelana neemfuno zangoku, umiliseo olungqongqo lolawulo lohlahlo lwabiwo-mali ze kwamliselwa imiqathango engqongqo ngokuhambelana nezikhokhelo zeNT ezifanelekileyo. Ukufumaneka kokufaneleka ngokusetyenziswa kooqoqosho lomlinganiselo Ukufunyanwa kokufaneleka ngokwamkelwa kwenani elamkelekileyo labasebenzi ze kuqunise iinkqubo zeHRM ukulungelelanisa nenani elinokwamkeleka ngokwemali.
2 Umgqo-nkqubo ojolise kwabahluphekileyo ongakwaziyo ukuzinziswa	Inxaso-mali ezikuKhwintali 1-3 ithe yalinganiswa Izikolo ezangezelelweyo ezingama-218 zithe zahlelwa njengezo kungahlawulwa mirhumo yezikolo Ukumiliselwa komrhumo wembuyekiso wokukhululwa ukulungiselela abafundi abanesidingo
3 Ibango elikhulu lokuya esikolweni kuchaphazela izibonelelo zocwangciso nolwamkelo	IWCED iqhube iphulo lolwamkelo lwabafundi kwangethuba ze yaphuhlisa isicwangciso-nkqubo nolwamkelo lomfundo nokufakwa esikolweni, kunyanzeliswa izikolo okokuba zicwangcise ngokufanelekileyo Ucwangciso olukwiqondo eliphezulu ukulungiselela imimandla yomngcipheko ongakho ophezulu enceda ulwabiwo lwezibonelelo ukulungiselela ukukhula komfundo
4 Ukungasebenzi kakuhle kwabafundi kwizikolo zamabanga aphakamileyo nezikolo zaseprayimari	IQhinga loLwimo meMathematika liyamliselwa Amagosa esiThili abeka iliso ezikolweni ukuqinisekisa okokuba ootitshala bamlisela uqeqesho oludingekayo Amagosa atyelela izikolo ukulungiselela ukubeka iliso kukusetyenziswa kweencwadi zokufunda yaye izikolo zinike ingxelo ngokusetyenziswa kweencwadi zokufunda ngokuthi kuseytenziwe inkqubo yokuBekwa kweliso kuPhuculo lweSikolo rhoqo ngekota

3. Ubuqhetseba noRhwaphilizo

Ubuqhetseba norhwaphilizo lumele imingcipheko engakho emikhulu kwii-asethi zeSebe yaye lunakho ukuphemelela kakubi ukunikezelwa okufanelekileyo kwenkonzo kunye nesidima seSebe.

URhulumente weNtshona Koloni (WCG) wamkele iQhinga eliChasene noRhwaphilizo elingqina isigqibo sokunganyanzelwa kobuqhetseba norhwaphilizo. Ngokuhambelana neli qhinga iSebe lizibophelele kukungayinyamezeli imisebenzi yobuqhetseba okanye urhwaphilizo, nokokuba yenzeka ngaphakathi okanye ngaphandle nokulandela ngamandla nokutshutshisa, ngazo zonke iindlela ezisemthethweni ezikhoyo, nawaphi na amaqela azibandakanya kwimisebenzi enjalo okanye azama ukwenza njalo.

ISebe lamkele isiCwangciso soThintelo loBuqhetseba kunye nesiCwangciso soMiliselo loThintelo loBuqhetseba esincedisa isiCwangciso soThintelo loBuqhetseba.

Amajelo amaninzi alungiselelwe ukuchazwa kobutho kwezityholo zobuqhetseba norhwaphilizo yaye la anika iinkcukacha kwiQhinga lePhondo lokuChasa uRhwaphilizo kunye nesiCwangciso seSebe soThintelo loBuqhetseba. Isityholo ngasinye esamkelweyo yiYunithi yeeNkonzo zeNkundla zePhondo (PFS) sirekhodiwe kwiNkqubo yoLawulo lwamaTyala ethi isetyenziswe njengesixhobo solawulo ukunika ingxelo ngenkqubela phambili eyenziweyo kumatyala anxulumene neSebe nokuveliswa kweenkcukacha zamanani ePhondo neSebe.

Thina siyabakhusela abasebenzi abahlaba umkhosi malunga nezenzo ezikrokreleka njengeziyinkohliso, ubuqhophololo nobusela ukuba ingxelo leyo yingxelo ekhuselekileyo (o.k.t. efezekisa iimfuno zemithetho, umz. yenziwe ngokungaxhibanga kwenza nkohlakalo). Ngenxa yoko, uMgaqo-nkqubo woHlabelo-Mkhosi wavunywa ngomhla wama-24 kuFebruwariwama-2016 ukuze inikeze abasebenzi izikhokelo ngokunyusa iinkxalabo nabaphathi abafanelekileyo, abantu abatyunjelwe oko kwiWCG okanye kumaziko angaphandle, apho kukholelekayo ukuba izenzo zobugwenxa bezenziwe okanye ziyenziwa ngaphakathi kwiWCG. Ithuba lokungazichazi igama liyanikwa kuye nawuphi na umntu onqwenela ukuchaza izenzo zenkohliso, ubusela nobuqhophololo kwaye kufuneka oko kwenziwe nguye buqu, iinkcukacha zokuba ungubani zigcinwa ziyimfihlo ngumntu lowo anika ingxelo kuye.

Yakuba iqinisekisiwe inkohliso okanye ubuqhophololo, emva kokwenziwa kophando, abo basebenzi bachaphazelekayo abaye baxelwa njengabathathe inxaxheba kwezi zenzo baya kuthathelwa amanyathelo ngokubizelwa kwiingxoxo zoluleko. Kuzo zonke iimeko ezinjalo, ummeli weWCG oqalisa ngamanyathelo oluleko kufuneka acebise malunga nokugxothwa kwaloo msebenzi uchaphazelekayo. Apho kukho ubungqina obuphathekayo besenzo solwaphulo-mthetho buqatshelweyo, isenzo eso solwaphulo-mthetho sichazwa kwiiNkonzo zaMapolisa laseMzantsi Afrika.

Ngalo nyaka-mali uphantsi kovavanyo, iPFS igqithise iCase Movement Certificate ebonisa oku kuhamba kwamatyala eSebe ichaza oku kulandelayo:

Amatyala aphantsi ngomhla woku-1 kuEpreli2016	11
Amatyala amatsha axeliweyo ngonyaka2016/176	28
Amatyala avaliwuyo (2016/17)	(17)
Amatyala adlulisiweyo (2016/17)	(10)
Amatyala aphantsi ngomhla wama-31 kuMatshi 2017)	12

Le theyibhile ilandelayo ichaza kabanzi ngala matyala avaliwuyo axelwe ngentla:

Iziphumo zamatyala avaliwuyo	
Isiphumo	Inani
Izityholo acacisiweyo	6
Kuphandwe amaqalela kuphela akwabikho ziphumo	8
Kuphandwe amaqalela kuphela akwabikho ziphumo kodwa kwakho iingcebiso	3

4. Ukunciphisa uNgqubano lwemidla

Rhoqongonyaka, okanye xa iimeko zithe zatshintsha, amalungu enkonzo yabalawuli abaphezulu kumele bazalise baze bangenise isibhengezo 'yokungachaphazeleki ekungqubaneni kwemidla'. Onke amalungu eKomiti eBhidi nabo bonke abasebenzi kwiCandelo lokulawula uthengo-mpahla kumele beyele ukhangelo lokungachaphazeleki emva kokuba bengenise iingxelo ezidingekayo ezilindeleke kubo, ukuze kungabikho naliphi na igosa elizothatha inxaxheba kuwo nawuphi na umsebenzi apho kungakho ungquzulwano lwemidla. ISebe libongoza zonke iinkampani ezifaka ibhidi zichaze ubudlelwano obunabakho nomqeshi okanye abasebenzi. Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi nawo kufuneka engenise ingxelo 'yokungachaphazeleki ekungqubaneni kwemidla'. Kulo nyaka-mali sithetha ngawo, bekungekho ngquzulwano lwemidla efana nale.

5. Imigaqo yokuziphatha

ISebe liyayilandela imiGaqo yokuziphatha yeeNkonzo zikaRhulumente

UMgaqo-nkqubo woKwamkelwa kweZipho ngamaGosa ase-Ofisini eSebe lemfundo lentshona Koloni ugqithisiwe. UMgaqo-nkqubo ujongene, phakathi kwezinye izinto, izikhokelo ngokubanzi, uBhaliso lweZipho, iindlela zokuzaliswa kweeFomu zokuXela, ImiBuzo eThanda ukuBuzwa kunye netemplate yoMgaqo-nkqubo yoBhaliso lweZipho.

6. Ezempilo, ezoKhuseleko nemiba yendawo esihlala kuzo

Ukhuseleko lwabafundi nootitshala ezikolweni ngowona mceli-mngeni mkhulu yaye neSebe lakhe ubudlelwano namanye amaSebe ephondo achaphazelekayo ukuze bajongane nalo mba. Ukuzibandakanya koluntu ushiyeka ngowona mba uphambili ekulweni ubudlobongela obuchaphazela ezinye izikolo esezisebungciphekweni. ISebe likwanazo neekamera zeCCTV

elizifake kwizikolo ezithile ukwenzela ukuba iinqununu zezikolo ziyibeka esweni intshukumo eyenzekayo.

7. Iikomiti zeziKhundla

Awuzichaphazeli lo mba.

8. Izigqibo zeScopa

INgxelo yeKomiti kaRhulumente yee-Akhawunti (PAC) yomhla wama-28 kuNovemba 2016, ethe yathathwa njengexalenye yendima yolongamelo lwayo kwiNgxelo yoNyaka yowama-2015/2016 yeSebe leMfundo leNtshona Koloni kulungiselelwa unyaka ophela ngowama-31 kuMatshi 2016, ishwankathelwe apha ngasezantsi.

IKomiti iluthathele ingqalelo uluvo lokuphicotha loMphicothi-zincwadi Jikelele malunga neeNgxelo zeMali zoNyaka zeSebe leMfundo zonyaka-mali ka-2015/16, inikwe uluvo lophicotho-zincwadi olungenachaphaza. Olu luvo lophicotho-zincwadi luhleli aluguqulki ukususela ngonyaka-mali wama-2014/15.

ISebe leMfundo leNtshona Koloni lichithe amawaka ezigidi ezili-R17,637kuhlahlo lwabiwo-mali lwamawaka ezigidi ezili-R17,899, okube nomphumnela kwinkcitho engaphantsi epheleleyo yezigidi ezingama-R262,027 (1.46%), njengoko kubonisiwe kwiphepha le-163 leNgxelo yoNyaka yowama-2015/16. Njengoko kubhengeziwe kwinqaku 24.3 kwiingxelo yemali, inkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi esisixa-mali esingama-R8 000 yachongwa ngesithuba sonyaka-mali wama-2015/16.

ISebe leMfundo laseNtshona Koloni lichithe izigidi ezingama-iR22,833equlathe ingeniso evelisiweyo kule mithombo elandelayo:

- Intengiso yempahla neenkonzelo ngaphandle kwee-asethi ezinkulu;
- Izohlwayo, imirhumpo nezohlwayo zokulahlekelwa;
- Inzala, izahlulo, irhente kumhlaba; kunye
- Iintengiselwano kwii-asethi zemali namatyala.

IKomiti iqaphele into yokokuba inkcitho engaphantsi kwelindelweyo ibhekiselele kule miba ilandelayo:

- Imbuyekezo yabasebenzi;
- Impahla neenkonzelo; kunye
- Nokukhutshelweyo nenkxaso-mali.

IKomiti yenze ezi zindululo kwiSebe.

ISebe leMfundo laseNtshona Koloni linikezele le ngcaciso ilandelayo kwiKomiti njengoko ibibongoziwe:

- INgxelo ethe yaqaqambisa isixa-mali seengxowa-mali ezithe zachithwa kumsebenzi wolungiso kwizikolo ngesithuba sonyaka-mali wama-2015/16, evela kwiNkqubo 6, njengoko kubonisiwe kumaphepha 176 kunye ne-177 kwiNgxelo yoNyaka yowama-2015/16.
- Uluhlu oluhlangeneyo lwezikolo ezithe zafumana izipho ezivela kwiSebe lezeMfundo leNtshona Koloni ngesithuba sonyaka-mali wama-2015/16.

9. UTshintsho lwaNgaphambili kwiiNgxelo zoPhicotho-zincwadi

Isebe liqulunqe isiCwangciso sokuPhuculwa kokuLawulwa kweMali (FMIP) esijonge kwimiba yokungalandelwa kwemithetho exelwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele. Esi sicwangciso siqinisekisiwe ngokomgangatho yaye noMphicothi-zincwadi Jikelele kuyathethwa naye ngalo mba. Ukunikwa kweengxelo kwengxelo malunga nenkqubela kwikomiti yophicotho lwesebe nako kwenziwe.

Uhlobo loqinisekiso, iphepha lokulandula, imbono engalunganga nemicimbi yokungahambelani	Unyaka-mali eqale ukuvela ngawo	Inkqubela phambili eyenziweyo ekukungiseni / ekusombululeni umcimbi
Ingcaciso yengxelo yophicotho-zincwadi engachanekanga ngokweshedyuli enikezwe lisebe	2015/16	Isiboniso serejista sayilwa ze sanikezelwa kuzo zonke izithili nezikolo, ukulungiselela ukucholachola nokuchonga intsilelo ukulungiselela ukunceda izikolo kulawulo lwazo lwemali
IMathiriyeli yeNkxaso yokuFunda nokuFundisa (LTSM) kwiZikolo zecandelo 21 inkqubo yokuthengwa kwempahla engakhange ilandelwe	2015/16	ISebe ukuqinisekisa nokuqinisekisa ngento yokokuba zonke izikolo zineenkqubo zeLTSM ezisebenzayo ngokubhekiselele kwiSetyhula 0015/2017 kunye nesiCwangciso-nkqubo seMathiriyeli yeNkxaso yokuFunda nokuFundisa
Izikolo ezingu-S21 -ixabiso lihlawulele iincwadi zokufunda ezilidlule lee ixabiso lekhathalogu njengoko kuchaziwe liSebe leMfundo yeSiseko (DBE)	2015/16	Ukuqaliswa kwenkqubo yokuthengwa ekwindawo enye kweLTSM liSebe kube nempembelelo elungileyo ngokubhekiselele kwiinkqubo zokuthengwa kwempahla
Inkxaso enikezelwe ngamaqumrhu olawulo lwezikolo	2015/16	Izithili zixakekile ziqeqesha iiSGB kwimiba yolawulo lwemali. IiSGB zixhasiwe ngokunjalo ekuphuhliseni uhlahlo lwabiwo-mali lowama-2017. Izicwangciso zikho zokuqeqesha iiSGB ezikhethiweyo kubuqhetseba norhwaphilizo.

Uhlobo loqinisekiso, iphepha lokulandula, imbono engalunganga nemicimbi yokungahambelani	Unyaka-mali eqale ukuvela ngawo	Inkqubela phambili eyenziweyo ekukungiseni / ekusombululeni umcimbi
Overcrowding of classrooms in the WCED	2015/16	ISebe linika ingqwalasela ukuzala kwamagumbi okufundela ngokuthi linikezele ngeeyunithi ezijikelezayo kwizikolo nesabelo sezithuba sootitshala abongezelelweyo
Isimo sokufunyenweyo kunye nemiqathango ephathelelene nomsebenzi wophicotho-zincwadi kwinkxaso yekharithulam nokubekwa kweliso okunikezelwa zizithili kwimfundo	2015/16	NgokwesiCwangciso soPhuculo lwesiThili, iZikolo ziyahlelwa ngokuhambelana nomsebenzi wazo wonyaka ongaphambili, nokubekwa kweliso nenkxaso icwangcisiwe ngokuhambelana nezikolo ezingasebenzi kakuhle ukuya kwizikolo ezisebenzayo.

10. IYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi

ICandelo loLawulo lwaNgaphakathi luqalisa le misebenzi ilandelayo:

1. Limilisele inkqubo yokuxhasa ulawulo olululo
2. Lixhase iNkqubo eHlangeneyo yoLawulo lwaNgaphakathi: ligcine ze lahlaziya iinkcukacha zolwazi zeziCwangciso-nkqubo zoMthetho ze labeka iliso kumilisele olululo lwezicwangciso-nkqubo zomthetho
3. Ligcine irejista yoPhando lwaseNkundleni: Lilungelelanise uQeqesho lweSebe loLwazi loBuqhetseba, lanikezela ngeengxelo zenkqubela phambili ngamatyala eFIU kwiOfisi eyiNtloko nakwiziThili nokunikwa kwengxelo kuhlaziyo lwerejista yesebe leFIU KwiSebe leNkulumbuso.
4. Liphuhlise imigaqo-nkqubo, iinkqubo eziphathelelene noLawulo lwaNgaphakathi lweCandelo.
5. Libeke iliso kuhambelwano luthelakiswa nemithetho; lilawule ze laphuhlisa isixhobo sokusebenza sohambelwano, uhlaziyo lwesixhobo ngokuhambelana nomthetho okhoyo, iinkqubo ezivavanyweyo zolawulo lwangaphakathi ukulungiselela ukufumana iindlela ukulungiselela ukumisela ubuthathaka obukhoyo kwinkqubo yangaphantsi yolawulo.
6. Livavanye ukusebenza kakuhle nokumiliselwa kwemithetho yemali: liqukumbele uhlolo kwisebe; labeka iliso kwimisebenzi yeNgcungela zeSCM.
7. Lihlale iirejista zesebe zemingcipheko: lalolonga laze lagcina irekhodi yeengxelo zomngcipheko; lanxulumanisa neyuthi ye-ERM kunye noPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kwimingcipheko yesebe.
8. Lihlanganise iNkonzo ze-Inshorensi

9. Liququzelele uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi naNgaphandle. Libeke iliso kwinkqubela phambili kwizindululo kwingxelo yolawulo nakwingxelo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi, lihlahlele ze liqinisekise ngomiliselo lweempendulo zolawulo; linikezele ngeempendulo nengcebiso.
10. Linike ingxelo ngemicimbi kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi: linikezele ngamagqabantshintshi ngesimo sesicwangciso sophuculo lolawulo lwemali kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi.
11. Liqinisekise ngomiliselo kolawulo lolungiso: Liqukumbele uhlolo ze lanikezela ngeengxelo neerejista ngenkcitho engalungelelaniswanga, engenaziqhamo nengenamsebenzi kunye nenkcitho engagunyaziswanga; liqukumbele inkqubo yasemva kophicotho-zincwadi ngokubhekiselele kwiivawutsha zentlawulo; liqukumbele ingqinisekiso yamaxwebhu e-MPAT.

11. UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi neeKomiti zoPhicotho-zincwadi

UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunikezela ulawulo ngengqinisekiso ezimeleyo, engenankethe kunye neenkonzozo zengcebiso eziyilelwe ukwangezelela ixabiso nokuphucula okuqhubekayo ukusebenza kweSebe. Lunceda iSebe ekufezekiseni iinjongo zalo ngokuzisa indlela elungelelanisiweyo necwangcileyo ukuvavanya nokuphucula ukusebenza kakuhle koLawulo, uLawulo loMngcipheko neenkqubo zoLawulo.

Le misebenzi iphambili ilandelayo yenziwa kule meko:

- Ukuvavanya nokwenza izindululo ezifanelekileyo ukuphucula iinkqubo zolawulo ekufezekiseni iinjongo zesebe;
- Ukuhlola ukufaneleka nokusebenza nokunikela kuphuculo lwenkqubo yolawulo lomngcipheko;
- Ukunceda iGosa eliNika iNgxelo ekulolongeni ulawulo olufanelekileyo nolusebenzayo ngokuhlola ulawulo ukumisela ukufaneleka kwazo nokusebenza, nangokuphuhlisa izindululo ezilungiselelwe ulwandiso okanye uphuculo.

Unxibelelwano lwengqinisekiso olulandelayo lwamkelwa ze lwaqakunjelwa kwisiCwangciso soPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi sowama-2016/17:

- Izikhokhelo zeDPSA
- INkxaso yesiThili kwiZikolo
- Ukungabikho kootitshala esikolweni
- UCwangciso lwe-HR -liNqununu zeZikolo
- INtlawulo eKhutshelweyo - (iMimiselo neMigangatho yeNkxaso-mali yeZikolo zikaRhulumente)
- INkxaso eYodwa
- UMnikelo okhutshwe phantsi kwemiqathango - (uMnikelo weZibonelelo zeMfundo)

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isekwe njengequmrhu lokongamela, elinika ulongamelo oluzimeleyo kulawulo, ulawulo lomngcipheko kunye neenkqubo zolawulo kwiSebe, ezibandakanya ulongamelo noxanduva olunxulumene:

- Kumsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi;
- Kumsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphandle (uMphathiswa-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika - AGSA);
- UkuCwangciswa kwemali kweSebe nokunikwa kwengxelo;

- IMigaqo-nkqubo yokuCwangciswa kweMali kweSebe;
- Uvavanyo ngokutsha kolawulo lwe-AGSA kunye nengxelo yophicotho-zincwadi;
- Uvavanyo ngokutsha kokuBekwa kweliso kwesebe enyakeni;
- ULawulo loMngcipheko lweSebe;
- ULawulo lwaNgaphakathi;
- IiNjongo eziMiselwe kwaNgaphambili;
- Uphando lweNqobo ezisesikweni nolwaseNkundleni.

Le theyibhile ilandelayo ichaza ingcaciso efanelekileyoamalungu ekomiti yophicotho-zincwadi:

Igama	Iziqinisekiso zemfundo	Ngaphakathi ngaphandle okanyeNgaphandle	Ukuba isikhundla sesangaphakathi kwiSebe	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokurhoxa	Inani leentlanganiso aye kuzo
Mr Ronnie Kingwill	CA(SA); CTA; BCom	Ngaphakathi ngaphandle okanyeNgaphandle	N/a	01 Janyuwari 2014 (ikota yesi-2)	Isivumelwano siphelile ngomhla wama-31 kuDisemba 2016	7
Ms Zulpha Abrams	CA(SA) & FIIA SA, CIA		N/a	07 kuEpreli 2014 (ikota yesi-2)	Isivumelwano siphelile ngomhla wama-31 kuDisemba 2016	7
Ms Rozan Jaffa	CA (SA); CIA; Hons B Compt (CTA); Bcom (Acc)		N/a	01 kuOktobha 2014	N/a	8
Igama	Iziqinisekiso zemfundo		Ukuba isikhundla sesangaphakathi kwiSebe	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokurhoxa	Inani leentlanganiso aye kuzo
Mr Linda Nene	CCSA; CRMA; CCP; FIIA SA; Post Grad Diploma in Management – Corporate; Governance; BComm (Acc)		N/a	01 kuEpreli 2014 (ikota yesi-2)	Isivumelwano siphelile ngomhla wama-31 kuMatshi 2017	7
Mr Nick Buick	B Comm, CTA, CA (SA)		N/a	01 Janyuwari 2014 (ikota yoku-1)	N/a	1
Ms Merle Kinnes	BA; LLB; Certificate Forensic Examination; Attorney of the High Court of SA.		N/a	01 Janyuwari 2017 (ikota yoku-1)	N/a	1

12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

Sinenyheba yokunika ingxelo yethu yonyaka-mali ophela ngowama-31 kuMatshi wama-2017.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ichaza ukuba iye yathobela imisebenzi eluxanduva lwayo esusela kwiCandelo 38(1)(a)(ii) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente noMmiselo weCandelo loLawulo-mali 3.1.13. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ivume ngokusemthethweni imimiselo eqingqiweyo yokusebenza njengemimiselo yokusebenza (Terms of Reference), iye yalawula imicimbi yayo ngokuhambelana nale mimiselo kwaye iyenze yonke imisebenzi yayo njengoko ibhaliweyo apha ngaphakathi.

Ukusebenza ngempumelelo yoLawulo lwaNgaphakathi

Ngokuhambelana nePFMA neMithetho yeCandelo loLawulo-mali, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunikezela iKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo nengqinisekiso efanelekileyo yokokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele yaye luyasebenza. Oku kufezekiswe ngesicwangciso esamkelweyo sophicotho-zincwadi lwangaphakathi olusekwe kumngcipheko, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi luhlola ukufaneleka kolawulo oludambisa imingcipheko kunye neKomiti yoPhicotho-zincwadi ebeke iliso kumiliseko lwemisebenzi yolungiso.

Unxibelelwano lwengqinisekiso olulandelayo lwamkelwa ze lwaqakunjelwa kwisiCwangciso soPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi phantsi konyaka wovavanyo:

- Izikhokhelo zeDPSA
- INkxaso yesiThili kwiZikolo
- Ukungabikho kootitshala esikolweni
- UCwangciso lwe-HR – liNqununu zeZikolo
- INtlawulo eKhutshelweyo - (iMimiselo neMigangatho yeNkxaso-mali yeZikolo zikaRhulumente)
- INkxaso eYodwa
- UMnikelo okhutshwe phantsi kwemiqathango - (uMnikelo weZibonelelo zeMfundo)

Isicwangciso sophicotho-zincwadi lwangaphakathi saqakunjelwa kulungiselelwa unyaka. Imimandla yophuculo njengoko kuqatshelwe luphicotho-zincwadi lwangaphakathi ngethuba lokwenziwa komsebenzi, kwavunyelwana ngayo ngabalawuli. IKomiti yoPhicotho-zincwadi iqhubile ngokubeka iliso izenzo ngokuqhubekayo.

IiNkonzo zeNkulndna zePhondo zisinike iinkcukacha zamanani. IKomiti yoPhicotho-zincwadi babeka iliso kwinqubela phambili yeengxelo zePFS rhoqo ngekota. Akubanga kho miba iziswa phantsi kwengqwalasela yethu edinga ukunikwa kwengxelo okungaphezulu yiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

INgxelo yoLawulo yaseNyakeni neyarhoqo ngeNyanga / ngeKota

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile kokuqulathiweyo nohlobo lolawulo lwarhoqo ngekota lwasenyakeni kunye neengxelo zokusebenza ezikhutshwe ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo liGosa eliNika iNgxelo leSebe ngokwemiqathango yeMithetho yeSizwe yeCandelo loLawulo-mali kunye noMthetho weCandelo leNgeniso.

UVavanyo lweNgxelo zeMali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- ivavanye ze yaxoxa iiNgxelo zoNyaka zeMali eziPhicothiweyo ekufuneka zibandakanywe kwiNgxelo yoNyaka, kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) kunye neGosa eliNika iNgxelo;
- ivavanye iinguqu kwimigaqo-nkqubo yokunikwa kwengxelo kunye neendlela zokusebenza njengoko kuchaziwe kwiiNgxelo zoNyaka zeMali;
- ivavanye ulungelelwano olungumphumela ovela kuphicotho-zincwadi lweSebe.

Uhambelwano

- IKomiti yoPhicotho-zincwadi ivavanye iinkqubo zeSebe zohambelwano kunye nezibonelelo ezisemthethweni nezilawulwayo.

INgcaciso yoMsebenzi

- IKomiti yoPhicotho-zincwadi ivavanye ingcaciso kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili njengoko kuchaziwe kwiNgxelo yarhoqo ngeKota yoMsebenzi.

INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- ivavanye iNgxelo yoLawulo lwe-AGSA nempendulo zoLawulo ngoko.
- rhoqo ngekota ivavanye isicwangciso somilisele seSebe ukulungiselela imiba yophicotho-zincwadi ephakanyiswe kunyaka ongapambili.
- Ihlange ne-AGSA ukuqinisekisa ngento yokokuba akukho miba ingasonjululwanga eya kuthi ivele kuphicotho-zincwadi olulawulwayo.

Imisebenzi yolungiso kwiinkcukacha zokufunyenweyo okuphakanyiswe yi-AGSA ibekwa iliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi rhoqo ngekota.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyavumelana yaye iyayamkela imbono ye-AGSA ebhekiselele kwiiNgxelo zoNyaka zeMali, yaye icebisa okokuba ezi Ngxelo zoNyaka zeMali zamkelwe ze zifundwe kunye nengxelo ye-AGSA.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi incoma iSebe ngokugcina imbono yophicotho-zincwadi engenaziphene kungkeho okubi okufunyenweyo.



Mnu N Buick
USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi zeMfundo
14kuAgasti 2017



ICandelo D
**ULawulo kwiCandelo
lezaBasebenzi**

1. Imithetho elawulo uLawulo lwezaBasebenzi

linkcukacha ezinikwe kweli candela zimiselwe yimigaqo iPublic Service Regulations (Chapter 1, Part III J.3 and J.4).

Basic Conditions of Employment Act, 1997 (uMthetho 75 ka-1997),
Labour Relations Act, 1995 (uMthetho 66 ka-1995),
Employment Equity Act, 1998 (uMthetho 55 ka-1998),
Occupational Health and Safety Act, 1993 (uMthetho 85 ka-1993),
Compensation for Occupational Injuries and Diseases Act, 1993 (uMthetho 130 ka-1993),
Government Employees Pension Law, 1996 (uMpoposho 21 ka-1996),
Employment of Abahlohli Act, 1998 (uMthetho 76 ka-1998),
Public Service Act, 2016,
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996,
Uphuhliso lwezakhono Act, 1998 (uMthetho 97 ka-1998)
Promotion of Equality and Prevention of Unfair Discrimination Act, 2000 (uMthetho 4 wama-2000),
Promotion of Access to Information Act, 2000 (uMthetho 2 wama-2000),
Promotion of Administrative Justice Act, 2000 (uMthetho 3 wama-2000).

2. Intshayelelo

Amagqabantshintshi emiba yoLawulo lwaBasebenzi kwiSebe

Ukulawulwa kwenkqubo yezithuba zabahlohli ngendlela efikelekayo ngumba obalulekileyo kwimpumelelo yemfundo ezikolweni.

Uthethwano phakathi kukaMphathiswa wezeMfundo weNtshona Koloni malunga nokufikeleleka kwezithuba zabahlohli kunyaka wama-2017 neNtloko yeSebe kwakunye neemanyano zabasebenzi kwakunye namanye amaqumrhu achaphazelekayo luququnjelwe ngomhla 01 ku-Agasti 2016. Ngenxa yemingeni yezemali ngokusingise kuhlalo lwabiwo - mali lokuhlululwa kwabasebenzi lowama-2016/2017 MTEF neyowama-2017/18 MTEF, injongo yesebe lezemfundi ibingekokucutha inanilezithuba zabahlohli kumaziko emfundo. Oku ke kuphunyelelwe ngokumisela imigqaliselo yokiucuthwa kweendleko kwimicimbi eyahlukeneyo. Izithuba ziye zahlengahlengiswa ngokokubaluleka kwazo kwizithuba ezingama-32 039 kunyaka wama-2017 ukuze izithuba ezingama-49 zibe kuluhlu lokulinda kwakunye nezidingo zabafundi kwizikolo ezikhethekileyo. Kuthathwe amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa ukuba kukho umhlohli/umfundi kwirashiyo 1: 37 kwizikolo zamabanga aphantsi neraashiyo 1:33 kwizikolo zamabanga aphakamileyo.

Isebe likhuphe izithuba zabahlohli amatyeli ama-2, njengoko kumiselwe kunyaka wama-2016 nezihlandlo ezithatha kwizithuba ezikhethekileyo, ngokusekelwe kwizidingo, izithuba zeenqununu namasekela-nqununu.

Izinto eziphambili kwezolawulo lwabasebenzi kunyaka ekunikwa ingxelo yawo kwakunye nefuthe lezo nto ziphambili

1. Ubunkokeli ezikolweni nolawulo:

Nakweli ityeli kuye kwagxilwa ekubhengezweni nasekuvalweni kwezithuba zamasekela-nqununu nezeenqununu. Ezi zithuba bezikhutshwe kuluhlu lwezithuba zeWCED ngalunye nakuluhlu lwezithuba ezikhethekileyo ngokokubaluleka kwazo ukuqinisekisa inkqubo ekhawulezileyo yokusetyenzwa kwezicelo.

I-WCED iqhubile nokomeleza indlela yokuqesha nokukhetha iinqununu, amasekela-nqununu neentloko zamasebe ezikolweni. Kusetyenziswe iinkqubo zokulungela isithuba ngasinye (CBA) ukuncedisa inkqubo yokuqesha nokunyusela ngokufanelekileyo kwizithuba zowama-2016/17. Apho izigqeba zolawulo lwezikolo zingathanga zisebenzise iCBA, abasemagunyeni bakuphumeze oko phantsi kwemiqathango yokuba abahlohli abatsha baxhotyiselwe iCBA. Iingxelo zancedise ekwenziweni kwezicwangciso zophuhliso ezifanelekileyo ziinqununu, amasekela-nqununu neentloko zamasebe ezikolweni ezingabaqeshwa abatsha.

2. Ukucuthwa kwenani labahlohli abangesosigxina:

Isebe liqeshe abahlohli benqanaba 1 abali-1 126 kwizituba ezisisigxina ukususela ngomhla 1 kuJanyuwari 2017.

3. Ukucuthwa kwenani labasebenzi abakwikhefu elongezelelweyo:

Oku kuye kwabekwa phambili ukucutha iindleko nokuqinisekisa ukuba abafundi bafundiswa ngokufanelekileyo kwiimeko ezifanele ukufunda. I-WCED likubeke esweni ukulawulwa koMgaqo-nkqubo weKhefu loKungabinosebenza noMhlala-phantsi wokuGula (PILIR) ngokuqinisekisa ukuba ngabakwikhefu lokungabinakusebenza okwexeshana kuphela abahlawulwayo, kwanokuqinisekisa ukuba akukho libaziseko lungafanelekanga ukuhlola umfaneleko walo. Ukukhawuleziswa kwezi nkqubo kunegalelo ekuzinziseni imeko ezikolweni nasekuqinisekiseni imfundo esemgangathweni. Njengomqeshi okhathalayo, iWCED liyaziphucutha iinkcukacha zekhefu, kulandelelwa abasebenzi abangaba basemngciphekweni woku ukuze kunikwe umkhomba-ndlela nenkxaso kubaphathi nabasebenzi ukuthintela ukungabikho msebenzini ithuba elide.

Isicwangciso sezabasebenzi namaqhinga okusebenza angundoqo ukutsala abasebenzi abanezakhono

Isebe lisebenzise le nkonzo nobukho bezifundiswa ezifumaneka ngeBhasari yeFunza Lushaka yeSebe lezeMfundo esiSiseko yeSizwe. Isebe likwazile ukuthatha abangama-358 kwababaefumene ibhasari yeFunza Lushaka abangama-717 abagqibe izifundo zabo ekupheleni kowama-2015 ukuba baqeshwe ngowama-2016 kwizithuba ezibafaneleyo ezikhoyo. Oku ngumyinge wama-49.9%awabafundi beFunza Lushaka abathathiweyo.

Isebe libenako ukuthatha abahlohli abangama-331 kwabangama-737 abafunde ngeBhasari yeFunza Lushaka abagqibe izifundo zabo ekupheleni kowama-2016 ukuba baqeshwe ngowama-2017 kwizithuba ezibafaneleyo ezikhoyo. Oku ngumyinge wama-44.9% awabafundi beFunza Lushaka abathathiweyo kwisituba somhla 1 kuJanyuwari 2017 ukuya kowama-31 kuMatshi 2017.

Ngokusingise ekuqeshweni kwabaphathi abaphezulu, isebe ligxile kwizipbume eziphezulu zovavanyo lokufanela umsebenzi.

Isikhokelo sokulawulwa kokusebenza kwabasebenzi

Isebe lisebenzise imigaqo emiyo ngokusingise kulawulo lokusebenza kwabasebenzi ze laqinisekisa ukuba bonke abasebenzi, abahlohli nabasebenzi bakarhulumente ngokubanzi, bazisiwe ngokulindelwe kubo ngumqeshi wabo. Abasebenza kwinqondo eliphezulu kunoko kumiselwe bayawongwa ze abawa ngaphantsi bebekwa phantsi kweenkqubo zokuphucula ukusebenza kwabo.

Iinkqubo zempilo-ntle yabasebenzi

Ngumniki-zinkonzo omnye onika iinkonzo kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni ngokubanzi.

Le nkqubo inika inkxaso ngokusingise kwezengqondo, ukushiywa ngusindo nezidingo zokuphila kwabasebenzi. Inkqubo le igxila, phakathi kwezinye izinto, kwiHIV ne-AIDS, uxinizelelo, iingxaki zemali, ubudlelane, ezomthetho, imicimbi yezekhaya, ukusetyenziswa kwezinyobisi ngokugqithileyo kwakunye nezomothuko. Ikwahlangabezana nezempilo-ntle kusetyenziswa uSuku loKwazisa ngeMpilo-ntle yaBasebenzi. Injongo yoku kukukhuthaza ukuziphatha kakuhle ngokwasempilweni kwabasebenzi nokuphakamisa izinga leenkono ezinikwa abasebenzi yiWCED. Ngaphezu koku, uKukhuthaza iMpilo-ntlo kwenziwa ngemihla ebekelwe oko kwiKhalenda yezeMpilo yeSebe. I-WCED ibambe iintsuku zoKwazisa ngeMpilo-ntle ezingama-45, kwenziwe iiseshini zokwazisa ezingama-25 ezenzelwe abasebenzi beWCED kunyaka ekunikwa ingxelo yawo, ze kwanikwa inkxaso kwiiseshini zoMothuko ezi-8.

Okuphunyelelweyo nemingeni

Isebe likwazile ukunika inani labasebenzi abafunekayo ngaphambi kokuphela oweThupha 2016. Oku kwenze ukuba izikolo ziqale kwangexesha kunyaka wama-2017 ze kwanika ithuba elaneleyo izikolo ukuba zenze izibhenzo zokunikwa izithuba ezongezelelweyo apho kufunekayo. Inani labasebenzi abafunekayo kowama-2017 lisekelwe ekuqinisekiseni kwamamani abafundi abangama-31 ku-Agasti 2016.

Inkqubo yokuqesha abahlohli yeWCED ibonisa impumelelo kwaye iphakamise intsulungeko kwiinkqubo nakubahlohli abanezakhono abathi baqeshwe. Zonke izithuba zipapashwa ngenkqubo yekhompuyutha kwaye ufako-zicelo lwenziwa kwangale nkqubo. Ukuza kuthi ga ngoku ngabantu abangama-63 074 ababhalise kule nkqubo ze abe ngabangama-34 749 abagcwalise iinkcukacha zabo. Isigaba II (ukwenziwa ngekhomputyutha kwezolawulo lwezigqeba zezikolo) silingwe ngokuyimpumelelo kowama-2016 kwaye kucwangciswe ukuba sisetyenziswe ngokupheleleyo kowama-2017.

I-WCED ifdukele kwinkqubo entsha nephuculweyo yoLawulo loMhlala-phantsi (PCM). Oku kuvumela ukusetyenzwa kwezicelo zomhlala-phantsi nokujoliswe ekuphepheni iimpazamo nokucutha ixesha lokuhlalulwa komhlala-phantsi.

I-WCED ilomelezile unxibelelwano lwayo ukuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi abanza eminye imisebenzi ehlawulwayo ngaplandlale komsebenzi wabo benza izicelo zokwenjenjalo.

Ngoncedo lwaboPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi, isebe lenze iSikhokelo samaQumrhu eNtsebenziswano ukuphucula ubudlelana bentsebenziswano namaqumrhu entsebenziswano afana neemanyano zabasebenzi, iforamu yeenqununu nemibutho yamagqiza olawulo lwezikolo.

Ingomso lezicwangciso/iinjongo zolawulo lwabasebenzi

I-WCED ilinge iSigaba II seNkqubo yokuQesha kowama-2016, iSigaba II sithunyelwe ukuba sisetyenziswe ngokupheleleyo ekupheleni kowama-2017. ISigaba II sibandakanya ukwenziwa ngekompuyutha kweenkqubo zeSGB (uluhlu lwabodliwano-ndlebe, ukunika amanqaku nokuchonga) kwakunye nokwenziwa kwezicelo nakwiiSGB.

Kuqeshwe umniki-zinkonzo kwaye kujoliswe ekubeni iWCED ithumele inkqubo yekompuyutha kubahlohi abasezi-ofisini nakubasebenzi abakarhulumente ngokubanzi, kunye nokupapashwa bhulethini yezithuba zemisebenzi 2/2017.

Ukufakwa kweenkcuka zabahlohi bonke ngokwesifundo okanye isigaba ukulungiselela ukwenza izicwangciso ezifanelekileyo zezidingo zabahlohi kuza kuququnjelwa.

3. IiNkcukacha-manani oLawulo lwezaBasebenzi

linkcitho kwezabasebenzi

Le theyibhile ilandelayo ishwankathelaiinkcukacha eziphicothiweyo zenkcitho kwezabasebenzingenkqubo nganyeneangenqanaba lomvuzo. Ncakasana, inika iinkcukacha zoku kulandelayo:

- myinge ochithwe kwezabasebenzi
- umyinge ochithwe kwimivuzo, ixesha elongezelelweyo, isibonelelo sendawo yokhlala noncedo lwezonyango.

Inkqubo	Okumiselwe inkqubo
Inkqubo 1	Ulawulo
Inkqubo 2	IMfundo kwiZikolo zeSiqhelo zikaRhulumente
Inkqubo 3	ISibonelelo seZikolo eziZimeleyo
Inkqubo 4	IMfundo kwiZikolo eziKhethekileyo zikaRhulumente
Inkqubo 5	IMfundo yabaSaqalayo
Inkqubo 6	UPhuhliso lwe-Infrastraktsha
Inkqubo 7	IiMviwo neeNkonzo zezeMfundo

Ittheyibhile 3.1.1 Inkcitho kwezabasebenzi ngenkqubo nganyeukususela ngomhla woku-1 ku-Epreli 2016 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi2017

Inkqubo	Inkcitho epheleleyo (R'000)	Inkcitho kwezabasebenzi (R'000)	Inkcitho yoqeqesho (R'000)	Inkonzo zobuGcisa nezodwa (R'000)	Inkcitho kwezabasebenzijen ge-l-% yazo zizonke	Umyinge wenkcitho ngomsebenzi ngamnye (R'000)	Inani labasebenzi
INkqubo 1	1 344 991	777 702	1 359	0	4.03	439.38	1 770
INkqubo 2	14 272 090	12 150 946	23 256	0	62.95	342.05	35 524
INkqubo 3	101 026		0	0	0	0	0
INkqubo 4	1 124 477	894 943	0	0	4.64	315.90	2 833
INkqubo 5	537 939	61 129	0	0	0.32	433.54	141
INkqubo 6	1 573 028	18 246	0	0	0.09	506.83	36
INkqubo 7	347 626	***152 467	0	0	0.79	496.64	307
		**78 308	0	0	0.41	0	0
Zizonke	19 301 177	14 133 741	24 615	0	73.23	348.03	40 611

Amanqaku:
* Abasebenzi abakwimimandla basusiwe kwinkqubo 9 basiwa kwinkqubo 1, kukangako inani labasebenzi linyukile.
** Inkqubo 6 ibandakanya izithuba zeOccupation Specific Dispensation (OSD), ezinikwa imali ngezithuba zeDORA.
*** Inkcitho kwezabasebenzizingokusingise kwinkqubo 7 (liMviwo neeNkonzo zezeMfundo) kuchithwe umyinge weR152.467m ukubasebenzi abasisigxina. Umyinge weendleko ochaziweyo ke ngoko ngowabasebenzi abasisigxina.
**** Umyinge weR78.308m yimali echithwe kubavi/abchopheli-mviwo/abaniki-maqaku nakubasebenzi bezenkxaso (iiviwo zematriki zowama-2016) nakubasebenzi bezenkxaso kwezeHIV ne-AIDS.

Ittheyibhile 3.1.2 Iindleko kwezabasebenzingenqanaba lomvuzo ngalinye ukususela ngomhla woku-1 ku-Epreli 2016 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2017

Inqanaba lomvuzo	Inkcitho kwezabasebenzi (R'000)	l-% yenkcitho kwezabasebenzi iyonke	Umyinge wenkcitho ngomsebenzi ngamnye (R'000)	Inani labasebenzi
Abanezakhono eziphantsi (Umgangatho 1-2)	368 162	2.60	116.51	3 160
Abanezakhono (Umgangatho 3-5)	912 984	6.44	179.51	5 086
Abavelisa kwinqanaba eliphezulu (Umgangatho 6-8)	8 193 801	57.78	345.23	23 734
Abanezakhono zokuphatha eziphezulu (Umgangatho 9-12)	4 651 418	32.80	541.87	8 584
Abaphathi abaphezulu (Umgangatho 13-16)	54 156	0.38	1 152.26	47
Bebonke	14 180 521	100.00	349.18	40 611

Amanqaku:
* Iyonke inkcitho kwezabasebenzizittheyibhiles 3.1.1 nakwitheyibhile 3.1.2 yahlukene ngoba iintengiselwano zenziwa ngqo kwiBAS
** Inani labasebenzi lilonke elichazwe kwitheyibhiles 3.1.1 nakwitheyibhile 3.1.2 ngasentla libandakanya abasebenzi beenkonzo nabahloli.

Ezi theyibhile zilandelayo zinika isishwankathelo ngenkqubonganye (Itheyibhile 3.1.3) nenqanaba lomvuzo (Itheyibhile 3.1.4), ngenkcitho of expenditure incurred as a result of imivuzo, ixesha elongezelelweyo, isibonelelo sendawo yokuhlala noncedo lonyango, le theyibhile inika ipesenti yebhajethi esetyenziselwe oku.

Itheyibhile 3.1.3 Imivuzo, Ixesha elongezelelweyo, ISibonelelo saBanini-zindlu and UNcedo loNyangongenqubo nganyeukususela ngomhla woku-1 ku-Epreli 2016 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2017

Inkqubo	Imivuzo		Ixesha elongezelelweyo		ISibonelelo saBanini-zindlu		UNcedo loNyango	
	Umyinge (R'000)	Imivuzo as a % iindleko kwezabasebenzi	Umyinge (R'000)	Ixesha elongezelelweyo % yeendleko	Umyinge (R'000)	HOA njege-% yeendleko kwezabasebenzi	Umyinge (R'000)	UNcedo loNyangonjenge-% iindleko kwezabasebenzi
Inkqubo 1	517 441	3.65	1 982	0.01	17 799	0.13	31 167	0.22
Inkqubo 2	9 095 009	64.14	102	0.00	311 534	2.20	524 208	3.70
Inkqubo 3	0	0.00	0	0.00	0	0.00	0	0.00
Inkqubo 4	661 542	4.67	54	0.00	25 118	0.18	40 871	0.29
Inkqubo 5	46 253	0.33	0	0.00	1 151	0.01	2 412	0.02
Inkqubo 6	10 607	0.07	0	0.00	213	0.00	389	0.00
Inkqubo 7	168 273	1.19	1 828	0.01	4 076	0.03	7 594	0.05
Zizonke	10 499 125	74.04	3 966	0.03	359 891	2.54	606 641	4.28

Itheyibhile 3.1.4 imivuzo, ixesha elongezelelweyo, isibonelelo sabanini-zindlunoncedo lonyangongenqanaba lomvuzo ngalinye ukususela ngomhla woku-1 ku-Epreli 2016 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2017

Inqanaba lomvuzo	Imivuzo		Ixesha elongezelelweyo		ISibonelelo saBanini-zindlu		UNcedo loNyango	
	Umyinge (R'000)	Imivuzo as a % iindleko kwezabasebenzi	Umyinge (R'000)	Ixesha elongezelelweyo % iindleko	Umyinge (R'000)	HOA as a % of iindleko	Umyinge (R'000)	UNcedo loNyangonjenge-% iindleko
Abanezakhono (Umgangatho 1-2)	259 875	1.83	47	0.00	19 843	0.14	17 712	0.12
Abanezakhono (Umgangatho 3-5)	645 416	4.55	1 295	0.01	42 801	0.30	56 896	0.40
Abavelisa kwinqanaba eliphezulu (Umgangatho 6-8)	6 078 936	42.87	1 953	0.01	201 485	1.42	359 157	2.53
Abanezakhono zokuphatha eziphezulu (Umgangatho 9-12)	3 479 485	24.54	671	0.00	95 646	0.67	172 113	1.21
Abaphathi abaphezulu (Umgangatho 13-16)	35 413	0.25	0	0.00	116	0.00	763	0.01
Bebonke	10 499 125	74.04	3 966	0.03	359 891	2.54	606 641	4.28

3.2 Ingqesho nezithuba

Itheyibhile kweli candela zishwankathela isimo ngokusingise kwingqesho nezithuba.

